

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

1

Ikota 1



INcwadi kaTitshala



Ikota 1

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

INcwadi kaTitshala



Isivumo

Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi yaphuhlisa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiyunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhlisa kwezi ncwadi kwenzeke ngenxa yenkxasomali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

Iikhredithi zeefoto

Funda Wande Media Team: Iphepha 12 (imiyalelo yesihlukuhli somculo),
Iphepha 42 (amanqanaba okuhlamba izandla)

iStock: Page Iphepha: @THEGIFT777 (abadanisi beegambhutsi),
Iphepha 15: @brazzo (amantombazana adanisayo), Iphepha 16: @JackF (abadanisi behip hop);
Shutterstock: Iphepha 16: Africa Studio (abadanisi bomdaniso);
Alamy Stock Photo: Iphepha 16: AfriPics (iqela labadanisi).

Freepik ngoncedo lwabo ngawo onke amanye amaphepha
ashicilelweyo avela kwiNcwadi yomfundi yomsebenzi.

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-990952-51-7

Version 3: 2025



Nabani na uvumelekile ukwabelana (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye ulungelelanise (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo:

Funda Wande, Isixhosa ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi, INcwadi kaTitshala, IBanga 1, Ikota 1, CC BY 4.0.

Awunakongeza miqathango okanye uguqule milinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni
ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: <https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>

Isiqulatho


Ii-ayikhoni nezishunqulelo	iv
Isicwangciso sezixhobo zakwaFunda Wande	
INcwadi kaTitshala: Emakufundiswe	1
IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa: Indlela yokufundisa	1
INcwadi Yomfundi Yomsebenzi neNcwadi eNkulu: Omawukufundise	1
Isicwangciso seKota yoku-1	2
IBanga loku-1 Isicwangciso seveki	4
Imisebenzi yeZemiThambo: IKota yoku-1	5
Iveki yoku-1 Ukuqala isikolo	6
Iveki yesi-2 Yintoni endikwazi ukuyenza?	8
Iveki yesi-3 Yintoni endikwazi ukuyenza?	22
Iveki yesi-4 Mna nabahlobo bam	36
Iveki yesi-5 Mna nabahlobo bam	50
Iveki yesi-6 Ixesha lesikolo	64
Iveki yesi-7 Imibala	78
Iveki yesi-8 Ubuthongo	92
Iveki ye-9 Ukuzigcina ucocekile	106
Iveki ye-10 Ukumanywa nohlaziyo	120
Uhlolo, Ikota yoku-1	122
Isicwangciso sohlolo Ikota yoku-1	122
Ulwimi lwasekhaya: Iirubhriki zohlolo	123
Uhlolo olusisiseko (Iveki yesi-3 neyesi-4)	123
Imixholo yetshekhlisti yeprinti (Iveki yesi-5 neyesi-6)	124
Uhlolo Ukuphulaphula nokuthetha	125
Uhlolo Izandi	126
Uhlolo Ukufunda nesicatshulwa:	127
Uhlolo Ukubhala ngesandla	128
Uhlolo Ukubhala	128
IzaKhono zoBomi: Iirubhriki zohlolo	129
Ulwimi lwaseKhaya, uHlolo loku-1 lokuBhala (Iveki yesi-7)	130

li-ayikhoni nezishunqulelo

ULwimi lwaseKhaya



IBali eliFudwa
ngokuVakalayo/
UkuPhulaphula
nokuThetha



Ukufunda



Izandi



Ukubhala



UkuFunda
ngamaQela
eNcediswa
nguTitshala



UmSebenzi Owenza
Wedwa



Ukujonga nokunika
ingxelo
(LK neKB)

IzaKhono zoBomi



ULwazi olusisiSeko
nokuziPhatha
neNtlalo



EzobuGcisa
beQonga




EzemiThambo

li-ayikhoni ezisetyenziswayo kwiNYY



Bhala



Faka imibala
okanye zoba



Sika

INcwadi kaTitshala – NT

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi – NYY

UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala
– FQNT

UkuziPhatha neNtlalo – PN

ULwazi olusisiSeko – LS

ULwimi lwaseKhaya – LK

UkuFunda ngabaBini – FB

UmSebenzi Owenza Wenza – SOW

Iincwadi zemisebenzi zeRainbow – DBE

Isicwangciso sezixhobo zakwaFunda Wandé

Inkqubo yakwaFunda Wandé idibanisa uLwazi lokuFunda nokuBhala uLwimi lwaseKhaya kunye neZakhono zoBomi zabafundi bamaBanga 1-3 esekelwe kwikharithulam kaCAPS. Ngokulandela le nkqubo, abafundi baza kufunda ukufunda nokubhala kwaye baphuhlise ulwazi olusisiseko, izakhono nesigama. Konke oku kuza kubalungiselela ibanga eliphezulu kunye nezinye izifundo zolwini.

INcwadi kaTitshala: Emakufundiswe

Kukho iNcwadi kaTitshala yekota nganye kuwo onke amabanga esiGaba esisiSeko. Sisalathiso semihla-ngemihla sotitshala abaxakekileyo, ukukunceda ngesicwangciso sakho, ulandelelano nohlolo. INcwadi kaTitshala ibonisa umxholo wesifundo ngasinye – omawukufundise kwaye ngoluphi ulandelelano. Isicwangciso seveki nesicwangciso sokota nazo zinikiwe. INcwadi kaTitshala (NT) ikwanika **nangemiSebenzi yoHlobo** ecebisiweyo ekupheleni kweNT nganye. Izifundo nemisebenzi yohlolo zisekelwe, kwaye ziquka yonke ikharithulam kaCAPS.




IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa: Indlela yokufundisa

IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) esahlukileyo, esongezelelweyo sinika nezikhokelo malunga nezinto zesiqhelo zokwenza izinto, iingcebiso ngendlela yokufundisa uhlobo lwesifundo ngasinye kwinkqubo kaFunda Wandé. Singasetyenziswa ekuqaleni kwekota nganye ngexesha lokuqeqesha okanye elokucwangcisa kwaye naninina, ukujonga ukuba uwalandela ngokuchanekileyo na amanyathelo esifundo kwaye usisebenzisa ngokupheleleyo na isifundo.

Kuhlobo ngalunye lwesifundo, IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) sichaza:

1. **Injongo** yolu hlobo lwesifundo: kutheni sifundisa ezi zifundo nje
2. **inkqubela** yoluhlobo lwesifundo: indlela yokwenza izinto nesicatshulwa esinikiweyo kwinkqubo siqhubela phambili kuwo omathathu amabanga ukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana izakhono nolwazi ozithe kratya
3. **indlela yokufundisa**: indlela yokufundisa isifundo, ngendlela ecacileyo, ulandelelano ngenyathelo ngalinye; injongo yenyathelo ngalinye kwaye nawuphina umahluko phakathi kwamabanga omathathu ucacisiwe
4. **ukwahlula**: ukumelana nabafundi abakumanqanaba ahlukileyo kolu hlobo lwesifundo
5. **uHlobo olungekho seSikweni**: indlela yokusebenzisa olu hlobo lwesifundo ukuhlola inkqubo yemihla ngemihla yabafundi
6. **uHlobo oluseSikweni**: indlela esesikweni yokuhlola izakhono nolwazi ezifundisiweyo kolu hlobo lwesifundo kwikota nganye, esekelwe kwikharithulam kaCAPS





IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) yincwadi yesalathiso elungiselelwe bonke ooTitshala besiGaba esisiSeko, iBanga 1-3, ukuba bayisebenzise kunye neNT.

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi neNcwadi eNkulu: Omawukufundise

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi (NNY)

inamaphepha esetyenziswa ngabafundi ngexesha lesifundo. Amaphepha abekwe ngendlela enye nemisebenzi ekwiNT. Abafundi baza kugqibezela eminye imisebenzi ebhalwayo kwiNNY kodwa bagqibezela uninzi lwemisebenzi ebhalwayo kwincwadi yokubhala.

INcwadi eNkulu yenzelwe ukuba isetyenziswe xa abafundi behleli emethini ngesifundo zokuFunda noTitshala neseZakhono zoBomi. Zikhona kwikota zonke zeBanga loku-1 nakwikota yoku-1 neyesi-2 kwiBanga lesi-2. Amaphepha eNcwadi eNkulu (NN) akhona nakwi**Ncwadi Yomfundi Yomsebenzi (NNY)**.



Isicwangciso seKota yoku-1

Iveki	UmXholo	IBali eliFudwa ngokuVakalayo	UkuFunda noTitshala	IZakhono zoBomi: itekisi yolwazi	ULwazi olusiSiseko nokuziPhatha neNtlalo	UkuPhulaphula nokuThetha
1	Ukuqhelaniswa Ukuqalisa Isikolo	<i>ULunga owonqenayo</i>	Imisebenzi ecetyiswayo eyenziwa ngokokubona kukatitshala			
2	Mna Yintoni endikwazi ukuyenza?	<i>Ukuqalisa isikolo</i>	<i>Yintoni okwazi ukuyenza?</i>	Landela indlela yolandelelwano: Ukufunda notitshala	Ndim lo – zizobe, bhala igama Xoxani ngokwenza abahlobo	Xoxani ngepowusta Isicengcelezo esineentshukumo
3	Mna Yintoni endikwazi ukuyenza?	<i>Izilwanyana ziyakwazi ukudanisa</i>	<i>Siyakwazi ukudanisa</i>	Itekisi yokuyalela: Yenza isihlukuhlo somculo	Landlela imiyalelo Xoxani ngezinto ezingumahluko	Xoxani ngomfanekiso Culani ingoma
4	Abahlobo Mna nabahlobo bam	<i>Umdlalo wesangqa</i>	<i>Siyayithanda ikeyiki</i>	Itheyibhile; Thelekisani iziqhamo	Thethani ngeziqhamo nemifuno Ukwabelana yinkathalo	Dlalani Umdlalo weSangqa Yenzani isicengcelezo esineentshukumo
5	Abahlobo Mna nabahlobo bam	<i>UNgonyama noMpuku</i>	<i>UNgonyama noMpuku</i>	Imephu: UVusi utyelela kuloSipho	Ukunika nokulandela imiyalelo Xoxani ngokunceda abanye	Ukulinganisa UNgonyama noMpuku Isicengcelezo ezineentshukumo
6	Isikolo Ixesha lesikolo	<i>Isele uFikile liqala isikolo</i>	<i>Ubhaka wesikolo</i>	Uluhlu: Iyunifom yesikolo	Xoxani ngoluhlu Yahlulani iimpahla Xoxani ngoloyiko esikolweni	Chazani iindaawo ezisesikolweni Phendula imibuzo emalunga nesikolo Yenza umbongo
7	Isikolo Imibala esikolweni	<i>Ummngaliso</i>	<i>Iikhrayoni ezintsha</i>	Itekisi yolwazi: Yintoni umnyama?	Yenzani nize nithethe ngomnya Rekhona umfuziselo Ukunceda/ ukuhlonipha abantu abadala	Linganisani ibali elifundwa ngokuvakalayo Yenzani isicengcelezo
8	Imikhwa eyimpilo Ubuthongo	<i>UMvundla noFudo</i>	<i>UMvundla noFudo</i>	itekisi yolwazi: Ukulala kakuhle	Izinto ezenziwa phambi kwexesha lokulala Thethani ngamaphupha oyikisayo	Ukulinganisa okukhokelwayo Culani ingoma yokulalisa usana
9	Imikhwa eyimpilo Ukuzigcina ucocekile	<i>Wawufumana njani umboko u-Elihle</i>	<i>Lixesha lokuhlamba ngoku Elihle!</i>	Ipowusta: ukuhlamba izandla	Imifanekiso elandelanisiwayo Ukumamela abazali bethu	Balisa ibali kwakhona Yenza isicengcelezo
10	Ukumanywa nohlaziyo					

	Ukwakhiwa koLwimi	Ukubhala	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (FQNT) nomSebenzi Owenza Wedwa (SOW)	Izandi nokuBhala ngesandla	EzobuGcisa	Ezemi-Thambo
Jonga Isikhokelo seNdelela yokuFundisa kwiphapha X ukuze ufumane izakhiwo zolwimi emazifundiswe kule kota. Fundisa ngexesha lezifundo zokuFunda noTitshatala nokuBhala.	UkuBhala isiVakalisi: 'Ndiyakwazi ...' izivakalasi SOW: Zoba ubhale	Funda ukuzisebenzela wedwa SOW esi-8	Aa	EzobuGcisa obuBonwayo: Sika-uncamathisele amalungu obuso EzobuGcisa beQonga: lingoma zeeruthini; Yenzani ingoma yeRap engemithetho yeklasi	Izitishi zomsebenzi	
	UkuBhala isiVakalisi: 'Siyakwazi ukudanisa ...' izivakalisi SOW: Bhala iziakalisi ngendlela odanisa ngayo	UHlolo olusiSiseko SOW esi-8	Ee	EzobuGcisa obuBonwayo: Yenzani nize nihombisa yesihlukuhli somculo EzobuGcisa beQonga: Ukuqhwaba ngesingqi; Ukudanisela izihlukuhli zomculo	Izitishi zomsebenzi	
	UkuBhala isiVakalisi: 'Ndayathanda ...' izivakalisi SOW: Isivakalisi ngento othanda oyithandayo	UHlolo olusiSiseko SOW esi-8	Ii	EzobuGcisa obuBonwayo: Zoba iziqhamo nemifuno UbuGcisa beQonga: Ukucula ingoma ethi 'Khethomthandayo'; Ukuqashela into endiyenzayo	Izitishi zomsebenzi	
	UkuBhala isiVakalisi: Ulandelelwano lwebali leklasi SOW: Khuphela isivakalisi	Ingqiqo yePrinti SOW esi-8	Oo	UHlolo LwezobuGcisa obuBonwayo loku-1: ukupeyinta umfanekiso nokuzoba iiphateni UHlolo lwezobuGcisa beQonga loku-1: umdaniso weegambutsi	Izitishi zomsebenzi	
	UkuBhala isiVakalisi: Bhala ufake iziphumlisi kwiindidi ezimbini zoluhlu SOW: Uluhlu lwesikolo	Ingqiqo yePrinti SOW esi-8	Uu, Bb	EzobuGcisa obuBonwayo: yenza isele; zoba ubhaka wakho EzobuGcisa beQonga: Ukulinganisana	UHlolo loku-1 lwezemi-Thambo: umzila wemiqobo	
	UkuBhala isiVakalisi: Uluhlu lwemibala yaseklasini Uhlolo lokuBhala loku-1: bhala uluhlu lwezinto zesingxobo seepensile	SOW esi-8	Ll, Mm	EzobuGcisa obuBonwayo: ukoluka; ukuxuba imibala EzobuGcisa beQonga: ukucula ingoma yomnyama; ukulinganisa ukunceda abantu abadala	Izitishi zomsebenzi	
	UkuBhala isiVakalisi: Imephu yebali SOW: Bhala isiphelo sebali	UkuFunda neNgqiqo uHlolo loku-1: phendula imibuzo emalunga noMvundla noFudo SOW esi-8	Kk, Pp UHlolo loku-1 lokubhala ngesandla: bhala igama	EzobuGcisa obuBonwayo: yenzani iiphaphethi EzobuGcisa beQonga: yenzani umboniso weephaphethi	Izitishi zomsebenzi	
	UkuBhala isiVakalisi: Sebenzisa amagama olandelelwano SOW: Zoba umfanekiso uze ubhale isivakalisi	UkuFunda okuSavelayo SOW esi-8	Ss, Hh	EzobuGcisa obuBonwayo: Yilani nenze ipowusta UbuGcisa beQonga: Lungiselela nokwenza umdlalo weqonga	Izitishi zomsebenzi	
Ukumanywa nohlaziyo						

IBanga loku-1 Isicwangciso seveki

Utshintso kwisicwangciso esihlaziyiweyo luphawulwe ngombala obomvu. Xa usebenzisa isicwangciso esihlaziyiweyo, lungisa isicwangciso sesifundo ngolu hlono:

- Dibanisa izifundo ezimbini **zobuGcisa obuBonwayo** ibesisifundo esinye okanye uyeke isifundo esinye.
- Dibanisa izifundo ezimbini **zobuGcisa beQonga** ibesisifundo esinye okanye uyeke isifundo esinye.
- Kwe**ZemiThambo**, qhubeka usebenza ngezitishi ezine zomsebenzi, kodwa utshintsha ntshintshe abafundi kwe ziveki zimbini.
- Xa amaQela oFQNT enziwe (iveki yesi-5), **izifundo ezifakelweyo zeFQNT** zingasetyenziswa ukuphinda imisebenzi kwaye ukomeleza izakhano ezifundisiweyo evekini. Nika imisebenzi yokusebenza wedwa ekwincwadi yomsebenzi yakwaDBE okanye egumbini lokufundela.

IBANGA 1 (ULwimi lwaseKhaya)					
	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu
IZIBALO * 85 imiz x iintsuku ezi-4 + 55 imiz x usuku olu-1 / 96 imiz x iintsuku esi-5 kwisiCwangciso esihlaziyiweyo					
I-ORALI					
15 imiz/ 10 imiz kwisiCwangciso esihlaziyiweyo	Intlanganiso yaKusasa (Iindaba)	Intlanganiso yaKusasa (irejista, ikhalenda, imozulu)	Intlanganiso yaKusasa (irejista, ikhalenda, imozulu)	Intlanganiso yaKusasa (irejista, ikhalenda, imozulu)	Intlanganiso yaKusasa (Iindaba)
15 imiz	UkuPhulaphula nokuThetha (UkuFunda ibali ngokuvakalayo)	UkuPhulaphula nokuThetha		UkuPhulaphula nokuThetha (Ingoma/umbongo)	
ULWAZI OLUSISEKO NEPN					
15 imiz	ULwazi olusiSiseko nePN (isifundo esigxile kwisicatshulwa) (30 imiz / 10 imiz kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	ULwazi olusiSiseko nePN (umsebenzi)	ULwazi olusiSiseko nePN		
UKUFUNDA NOKUBHALA					
INGUQUKO: tsheza iipensile, gqithisa iincwadi, nikeza ngemisebenzi					
15 imiz	Izandi (unobumba-sandi omtsha)	Izandi (umsebenzi)	Izandi (unobumba-sandi weveki yesi-5)	Izandi (ukudibanisa nokwahlula amalungu)	Izandi (umdlalo okanye ubizelo)
15 imiz	Ukubhala ngesandla (Iintshukumo ezinkulu)	Ukubhala ngesandla (ukuziqhelanisa kwiincwadini zomsebenzi)	Ukubhala ngesandla (Iintshukumo ezinkulu)	Ukubhala ngesandla (ukuziqhelanisa kwiincwadi zomsebenzi)	
INGUQUKO: ingoma					
15 imiz		UkuFunda noTitshala 1 (gxila kwisicatshulwa)	UkuFunda noTitshala 2 (gxila ekuguquleni)	UkuFunda noTitshala 3 (gxila kwiimpendulo)	
15 imiz			UkuBhala noTitshala	UkuBhala noTitshala	UkuBhala Wedwa
yolula uze uhlukuhle / iqela maliye emetheni liyokwenza uFQNT					
30 imiz	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala nomSebenzi Owenza Wedwa
					Ukujonga nokunika ingxelo
IZAKHONO ZOBOMI					
30 imiz	EzemiThambo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	EzemiThambo	EzemiThambo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	EzemiThambo	EzemiThambo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)
30 imiz	UbuGcisa obuBonwayo	UbuGcisa obuBonwayo (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	UbuGcisa beQonga	UbuGcisa beQonga (FQNT kwisiCwangciso esihlaziyiweyo)	
30 imiz/ 35 imiz kwisiCwangciso esihlaziyiweyo	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*	ULwimi lokuQala olongezelelweyo*

*Akuqukwanga kolu Cwangciso lwesifundo

Imisebenzi yeZemiThambo: IKota yoku-1

Khetha imisebenzi emine kwiveki nganye, egxile kwizakhono ezahlukeyo.

Iintshukumo zamalungu omzimba
• Ukuphepha nokuhamba kumacala ohlukeneyo • Ukusebenzisa iimvakalelo: ukumamela imiyalelo uhamba-hamba
Isingqi
• Tsiba ugqaphu usenza isicengcelezo • Ukuqhweba izandla nibabini nisenza isicengcelezo • Ukutsiba usikhotshi
Icala
• Ukungcileza ngomlenze omnye wasekunene nowasekhohlo (landela inkokheli) • Ukuphosa ufake ibhola kwisazinge ngesandla esinye, sasekunene nesasekhohlo • Ukuphepha nokuhamba kumacala ohlukileyo
Ukuxhathisa
• Ukuhamba entanjeni ngamacala/usiya phambili/ubuya umva • Ukuyenza ubeke izandla esinqeni/emqolo/emacaleni • Imidlalo ephephiso nokutshintsha indlela
Ukusebenzisana kwamalungu
• Phosa ibhola kwinto elungiselelwe oko ngesandla sakho esomeleleyo/esibuthathaka, bala ozichanileyo • Khabela ibhola kwinto elungiselelwe oko ngonyawo olomeleleyo/elibuthathaka, bala ozichanileyo • Phosa ugange ingxowana eneenkozo • Yenza umdaniso oneentshukumo ezi-4–6 eziphindaphindayo • Ujingi – ingalo zibhabha ube ubambelele nca
Iindidi zemidlalo
• Dlala imidlalo elula yesiNtu, xoxani ngemigaqo • Landela inkokheli • Balekani umdyarho ngeenzwane/nibuya umva/hingcileza/ ikiriva/ukuhamba njengononkala • Imidlalo yeentshukumo – mayiquke imiba yobungakanani (ubukhulu/ubuncinane), umgama, indawo nobungakanani (ubuninzi/ubuncinci)
Ukuziqhelanisa nesithuba
• Ukubalekela kwiindlela ezahlukeyo bengagilani besebenzisa sonke isithuba esikhoyo • Ukuma emgqeni/esangqani • Ibala elinemiqobo: Ukutsiba/ukurhubuluza/ukukhasa/ ukunyuka/ukungcileza/njalol njalo

Ukuqala isikolo


Injongo yale veki kukwazisa abafundi kwintlalo yasesikolweni kunye nezinto ezintsha ezenziwa rhoqo neendlela zokuziphatha ekufuneka bezifundile. Ezi zinto zenziwa rhoqo ziza kuqinisekisa ukuba kukho inkqubela esikolweni kwaye yindawo eyonwabisayo kubafundi, indawo abanqwanela ukuya kuyo imihla ngemihla.

Akukho nkqubo eyakhiweyo kule veki. Kodwa, kukho imisebenzi yeklassi yonke ongayenza imihla ngemihla yokuPhulaphula nokuThetha, ukuFunda nokuBhala, kwaye kukho imisebenzi emininzi kwiNcwadi Yomfundi Yomsebenzi, abafundi abangayenza xa uxakeke yimisebenzi yakho.

AMAGAMA NEMIBULISO

Yenza iithegi zokubhala igama ezimbini zomfundi ngamnye. Ncamathisela enye edesikeni apho umfundi aza kuhlala khona. Gqithisa ezinye kubafundi xa befika. Xa ubulisa abafundi, benze baqwalasele indlela amagama abo abhalwe ngayo.

Yenza imisebenzi elula ye-orali neklasi nichonga izandi zokuqala zamagama abafundi.



MISELA IMISEBENZI YEMIHLA NGEMIHLA (IRUTHINI)

- Yenza ukhenketho lwegumbi lokufundela, nifunda iileybhile kunye.
- Yenza imisebenzi yemihla ngemihla usenzela ulawulo kwigumbi lokufundela,
- usebenzisa ukukhuthaza okulungileyo:
 - imibuliso (utitshala, kunye, inqununu)
 - ukufola (kwenze oku ngokobude babo ukuze bangatyhalani)
 - Imisebenzi yemihla ngemihla njengokuya ngasese nokuhlamba izandla
 - Imisebenzi yemihla ngemihla yempilo (ukuthimla, ukukhohlela, nokuhlamba izandla kwakhona)
 - Imisebenzi yemihla ngemihla yebala lokudlala (apho kufuneka udlale khona, ixesha omawungene ngalo, ukudlala ngokukhuseleka)
 - Imisebenzi yemihla ngemihla yesidlo sasemini (apho kufuneka uye khona, into omawuyenze)
 - Ukumamela imiyalelo (yibanophawu loKuma nokuMamela, njengesandi efowunini yakho)



Ukufundisa nayiphi na imisebenzi yemihla ngemihla

B	C	L	Z	Y
Biza	Chaza	Linganisa	Ziqhelanise	Yenza
umsebenzi wemihla ngemihla uze ufundise ingoma yawo.	Sebenzisa izinto ezibonakalayo ukuba zikhona. Yigcine imfutshane kwaye icacile.	Cela umfundi ancedise.	Khokela ukuziqhelanisa ngokunika imiyalelo.	Yeka abafundi bazenzele ngokwabo.

Ingxelo:

Ncoma abafundi ngokubiza into abayenza kakuhle. Umzekelo, “Ndiyayithanda indlela ahleli ngayo uSuzie imilenze yakhe ixwesile nezandla ethangeni. Wenze kakuhle Suzie.”

IXESHA LEBALI

- Ngemini yoku-1 fundela iklasi ibali elithi uLunga owonqenayo (NN iphepha 1 – 4). Bonisa imifanekiso nize nixoxe ngeenkukacha enizibonayo.
- Bakhokele baphinde babalise ibali, besebenzisa imifanekiso ngemini yesi-2. Ngobunono yazisa imiqathango yokunikana amathuba nokuphakamisa izandla.
- Bayeke balinganise ibali ngemini yesi-3.
- Yenza iingoma zentshukumo okanye izicengcelezo abafundi abazazela kwiBanga R okanye emakhaya.
- Vumela abafundi bafunde iincwadi ezikwikona yokufunda okanye kwithala leencwadi.

IMISEBENZI EKWINCWADI YOMFUNDI YOMSEBENZI

Le misebenzi ingenziwa nangaliphi na ixesha phakathi evekini.




Faka umbala



Khuphela ngokucinezela imigca engaphandle. Faka umbala.



Jonga umfanekiso okwibhokisi efakwe umbala. Ngowuphi umfanekiso ofanayo kumqolo? Faka isangqa kuwo.



Faka imibala eyahlukileyo kwiimilo.

IMISEBENZI EKWINCWADI YEMISEBENZI YAKWADBE

Abafundi bangenza imisebenzi ekwiincwadi zakwaDBE zoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi naninina phakathi evekini.

IMISEBENZI YANGAPHAKATHI NEMIDLALO

Beka imisebenzi edesikeni ngaphambi kokuba bafike abafundi kusasa ukwenzela ukuba baqalise ukusebenza ngeli lixa ulungela ukukhokela ikhosi. Imisebenzi oyikhethayo iza kuxhomekeka kwizixhobo ezisesikolweni sakho. (Ututshala weBanga R angakuboleka ezinye izixhobo). Ungabeka izixhobo ezahlukileyo ezidesikeni zamaqela ahlukileyo.

- iikhrayoni zokuzoba namaphepha okuzobela
- izinto zokuhlala imibala okanye iimilo (iziciko zeebhokisi, ilego)
- uboya okanye umbhobho wokucokisa ukwenzela ukugqobhoza ekhadibhodini
- intlama yokudlala okanye udongwe lokubumba
- iibhloko okanye inkunkuma yezinto (umzekelo, iibhokisi ezincinci) ukwenzela ukwakha
- izileyiti okanye itshokhwe yokuzoba



Yenza incwadi (jonga kwiphepha elingumzekelo kwiNN iphepha lesi-2) enemifanekiso emibini yezinto ezingqamene ngezinye indlela, zicamathele kwiphepha ngalinye:

- **Inkumbulo:** Vala incwadi ubone ukuba ngubani okhumbula zonke izinto.
- **Ukukhetha:** Uthanda lena okanye leya?
- **Ukuqashela:** Ityheli le nto kwaye imnandi xa uyitya. Yintoni?
- **Ukuthlekisa:** Zifana kanjani? Zahluka kanjani?

IMISEBENZI YAPHANDLE KUNYE NEMIDLALO

Ekuqaleni abafundi baza kudinga ixesha elininzi lokudlala ngaphandle. Uza kudinga ukubagada ngaphandle.

- Ukhuphiswano lokubaleka, okanye ukutsiba
- Ibhola okanye ibhegi yokugangwa nokuphoswa
- Imidlalo yesangqa (enjengengekati nempuku)
- Umdlalo wokuzingela (funa igqabi elinye, ilitye elincinci, ingca, amasutswana enkunkuma)
- Imiqobo onokuyisebenzisa ebaleni lokudlala (ngaphaya kwendlela, jika, uxhume kathathu, njl.)
- Landela umkhokeli
- USimon uthi



ISICWANGCISO SEVEKI



Yintoni endikwazi ukuyenza?

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzi

ndiyakwazi

ISIKHOKELO SOMSEBENZI OWENZA WEDWA

Ukulungiselela ukuFunda ngamaqela UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala okuqala kwiVeki yesi-5, fundisa abafundi ukusebenza bodwa. Sebenzisa ishedyuli engezantsi.

Fundisa uSOW wemihla ngemihla.
Bonke abafundi benza umsebenzi ofanayo, bekhokelwa ngutitshala.

Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
SOW woku-1 (30 imiz.)	SOW wesi-2 (15 imiz.)	SOW wesi-3 (15 imiz.)	SOW wesi-4 (15 imiz.)	SOW wesi-5 (15 imiz.)	SOW wesi-6 (15 imiz.)	SOW wesi-7 (15 imiz.)	SOW wesi-8 (15 imiz.)


UHLOLO

Iinkcukacha zomsebenzi nerubhrikhi yokukorekisha zisemva kule ncwadi.

Lwesibini–Lwesine	ULwazi olusiSiseko 1: Imozulu yemihla ngemihla	I-oral, eyenziwayo	Itshekhlisti iph. 125
Mvulo–Lwesihlanu	ULwazi olusiSiseko 2: Izinto ezinziwa rhoqo zegumbi lokufundela	Eyenziwayo	Itshekhlisti iph. 125

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- ithishu yomfundi ngamnye
- izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yeZemithambo



Usuku lokuqala esikolweni



Wayesoyika kakhulu uThabo. Yayilusuku lokuqala lwesikolo. Wathi kumama wakhe, "Andikwazi ukubhala nokufunda. Ingaba baza kundihleka xa ndisiya esikolweni?"

Wathi uMama, "Abasoze. Uza ukufunda nokubhala nokwenza izibalo esikolweni. Yiyo loo nto usiya esikolweni. Kodwa wafunda ukwenza izinto ezininzi usengumntana omncinci. Wafunda ukuthetha nokumamela. Kwaye ufunde nokuhamba, ukubaleka, ukukhaba ibhola, ukutsibela phezulu **nokungcileza**."



ISIGAMA

wayesoyika: ukothuka

nokungcileza: ukutsiba okanye uhamba ngomlenze omnye

UThabo nomama wakhe bahamba ngeenyawo ukuya esikolweni. UThabo wayenxibe iyunifomu yakhe entsha. Egeyithini babona bonke abantwana ebaleni lokudlala.

“Jonga, bonke abantwana benza izinto **ezahlukileyo**,” watsho umama kaThabo. “Thabo, uyakwazi ukutsiba njengala ntombazana? Okanye ungchileze njengala nkwenkwe?”

“Ewe, ndiyakwazi,” watsho uThabo. “Ndiyakwazi ukwenza izinto ezininzi. Kodwa ndiza kufunda izinto ezininzi kakhulu njengokuba ndisiya esikolweni.”

“Yinyani leyo!” watsho uMama.

Kusenjalo intombazana encinci notata wayo beza egeyithini.

“Molweni,” watsho umama kaThabo. Lusuku lwakhe lokuqala olu.”

“Molweni,” watsho utata wentombazana. “NguLily lona. Lusuku lwakhe lokuqala naye olu.”

“Mhlawumbi ningangena nobabini ngaphakathi,” watsho uMama.

Enentloni uThabo wathi, “Molo Lily. Igama lam nguThabo. Mhlawumbi siza kuba seklasini enye. Masingene ngaphakathi.”

Emva koko bangena bobabini abantwana egeyithini.

ezahlukileyo: izinto ezingafaniyo



MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA **Iindaba**

15 imiz.

Thethani ngeendaba

- Iindaba yingxelo ngento eyenzeke kutshanje.
- Iindaba zakho (into oyenze nosapho lwakho), ngabantu basekuhlaleni (into eyenzeke ekuhlaleni), kuzwe lonke (kwilizwe lakho) okanye kwamanye amazwe (ehlabathini).
- Siziva ngabantu iindaba, kwiphephandaba, kwiifowuni, kwiintanethi nakumabonakude

Cinga

- Abafundi mabacinge ngeendaba zabo zempelaveki abaza kuzibalisela iklasi.

Yabelanani

- Khetha abafundi abambalwa abazithembileyo babelane neklasi. Phendula uze ukhuthaze inkcukacha.

**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA****Usuku lokuqala lwesikolo****Emethini**

- Jongani kunye iphepha lesi-6 kwiNN.
- Thethani ngento eyenzekayo emfanekisweni? (*khuthaza abafundi banikise ngeenkcukacha*)
 - Yintoni abakwaziyo ukuyenza aba bafundi? (*ukuxhuma, ukutsiba, ukubaleka, ukuthetha*)
 - Yintoni okwaziyo ukuyenza? (*abafundi mabacebise iindidi zemidlalo*)
- Wenzeni ngosuku lwakho lokuqala esikolweni?

NN
iph. 8

15 imiz.

NYY
iph. 11**ULWAZI OLUSISISEKO NEPN****Fundani kunye ipowusta**

- Ingantoni ipowusta? (*into omawuyenze ngexesha lokufunda notitshala*)
- Yeyiphi indawo esixelela loo nto? (*isihloko*)
- Kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye? Kutheni kufuneka senze loo nto?
- Asixelela ntoni amanani? (*ukulandelelana kwendlela emasenze ngayo izinto*)
- Yintoni emasiyenze kuqala? Elandelayo? Ekugqibeleni?

UkuFunda noTitshala**Linganisa uze uziqhelanise nento eqhelekileyo Okwenzeka ngexesha lokufunda notitshala**

- Fundisa ingoma oyenza notitshala efana noSiya kanjena emethini.
- Xelela amaqela ahlale ngemiqolo. Rhoqo, ntshintsha-ntshintsha umntu ohlala ngaphambili.
- Njengokuba abafundi beziqhelanisa, ncoma iintshukumo ezintle.

NN
iph. 7

30 imiz.

NYY
iph. 12**IZANDI Unobumba u-A****Yazisa unobumba omtsha**

- Mamela isandi esitsha uze usibize. Qaphela imilo eyenziwa ngumlomo wakho.
- Ligama likabani eliqala ngesi sandi? Ligama likabani elinesandi?
- Jonga indlela abhalwe ngayo unobumba.

Chonga amagama analo nobumba

- Gxila kwigama elingundoqo kumqolo ophezulu. Fundisa intshukumo ukunceda abafundi badibanise igama elingundoqo kunye nesandi.
- Funda amanye amagama, ugxile kunobumba omtsha.

- Abafundi banganika amanye amagama anesi sandi.

Bonisa indlela ame ngayo unobumba


- Sebenzisa ulwazi olumalunga nokuma konobumba (KNF amaphepha 34-36).
- Abafundi mabazobe unobumba ngeminwe bandule ukumzoba ngepensile, beqala kwichaphaza eliluhlaza.

Fundela abafundi isivakalisi ngokucothayo

- Abafundi mabafake isangqa kunobumba wanamhlanje okwisivakalisi.

NYY
iph. 13

15 imiz.






UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

15 imiz.

- Cula okanye udlale ingoma engonobumba.
- Abafundi mabasebenzise **iintshukumo ezinkulu** ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi – emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukileyo (KNF amaphepha 31-33).
- Ncedisa abafundi bachaze iintshukumo zabo njengokuba besenza oku.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

Yazisa uphawu lomSebenzi Owenza Wedwa


- Xa usenza olu phawu, abafundi mabame ngxi, baphindele ezidesikeni zabo baze balungiselele ukusebenza (baza kudinga iNYY yabo nepensile ebukhali).
- Mabaziqhelanise nento eqhelekileyo ukwenzeka uze uncome.

Bonisa indlela yokufumana amaphepha omSebenzi Owenza Wedwa kwiNYY

- Amaphepha:
 - anombala kwicala elide lephepha (imibala eyahlukileyo kwiveki nganye).

- yomSebenzi Owenza Wedwa phezulu ephepheni.
 - Ncedisa abafundi bafumane umSebenzi Owenza Wedwa woku-1 kwiNYY iphepha lama-20.
- Khangelwa ii-aykhoni zemiyalelo**
- Bonisa abafundi bakhangele i-aykhoni yepensile ebonisa into emayenziwe ephepheni.
 - Mabakhuphele umzekelo.
 - Babonise i-aykhoni yeekhrayoni. Le aykhoni ithetha ukuba faka umbala.
 - Kwiphepha lama-20, kufuneka bazobe imigica engqalileyo baze bafake umbala kwiiibhola.

NYN
iph. 20
30 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukulungiselela

- Khetha imisebenzi yeveki emine eyahlukileyo eqala kwiphepha lesi-5.
- Beka izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo uze ucacise indlela yokwenza umsebenzi

- kwisitishi ngasinye.
- Khetha abafundi abaza kubonisa umsebenzi ngamnye, bekhokelwa ngutitshala.
- Abafundi mabaziqhelanise nomsebenzi, badlale umdlalo onjengocweka, urova obomvu okanye undize.


30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Amalungu obuso

- Biza amalungu obuso akwiNYY iphepha le-155.
- Abafundi mabafake umbala kumalungu.
- Bayalele ukuba basike iphepha lonke baze basike kakuhle bakhuphe amalungu obuso.
- Qaphela ukuba ngoobani abasokolayo ukusika. Bancedise babambe isikere kakuhle. Banike ixesha elininzi lokuziqhelanisa.
- Gcina okusikiweyo ungcinene usuku olulandelayo.

NYN
iph. 155
30 imiz.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

Irejista, ikhalenda, imozulu

- Sebenzisa irejista nekhallenda.
- Rekoda imozulu kwitshati yemozulu.

Linganisa umdlalo wegama

- NdinguTitshala uMaleza. Igama elithi Maleza liqala ngesandi uMMMM.
- Ngubani igama lakho kwaye ngubani isandi osivayo ekuqaleni kwegama lakho?

Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi

Isandi esinye okanye esahlukileyo?

- Biza izandi ezimbini (umzekelo, uSSS noSSS, okanye uLLL noFFF)
- Abafundi mabaphakamise umnwe omnye ukuba izandi ziyafana, emibini ukuba bava izandi ezahlukileyo.
- Phinda ngezandi ezitsha.



IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO

Usuku lokuqala lwesikolo

NT iph. 10 & 11

15 imiz.

Phambi kokufunda

- Biza abafundi abambalwa babelane neklasi ngendlela ababaziva ngayo ngosuku lwabo lokuqala esikolweni.

Ututshala ufunda ibali ngokuvakalayo, ngemvakalelo

- Sukuyeka ukufunda ucacise okanye ubuze imibuzo. Isizathu kukuba abafundi bave ukuba ukufunda okulungileyo kuvakala kanjani baze balonwabele ibali.

Emva kokufunda

- Ngokufutshane cacisa isigama esifakwe umbala.
- Vumela abafundi baphendule ibali baze batsho abakonwabeleyo ngalo okanye intandabuzo. Ukuba unalo ixesha, buza:
 - Uyakwazi ukuzazisa njengoThabo? (Molo, igama lam nguThabo.)
 - Zintoni ezinye izinto okwaziyo ukuzenza?



ULWAZI OLUSISISEKO NEPN Ndim lo

Xoxani

- Uthanda ukwenza ntoni?

Zoba

- Abafundi mabazizobe besenza into abathanda ukuyenza.
- Mabazame ukubhala/ukukhuphela amagama abo.

Jikeleza iklasi uze unike ingxelo

- Cella abafundi bakuxelele ngomzobo wabo.
- Bakhuthaze bafake ezinye iinkcukacha (umzekelo, uphi, ngubani okunye nawe, wenza ntoni?)

 NY Y
iph. 15
15 imiz.


IZANDI Unobumba u-A

15 imiz.

- Buza abafundi ukuba bayasikhumbula na isandi abasifunde ngezolo.
- Bafundise intshukumo ehambelana nesandi. Umzekelo: Abafundi bangadanisela isingqi: u "a-a-a-a".
- Cula le ngoma kanobumba.
- Abafundi mabafune unobumba kwitshati ye-alfabhethi. Thetha ngoonobumba abakhulu nabancinci.
- Buza abafundi ukuba bayambona na unobumba apha ekilasini.

 Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.


UKUBHALA NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi mabenze unobumba emoyeni/emethini/emiqolweni yabanye/kwintende zezandla zabo, babebecacisa iintshukumo zezandla.

- Abafundi mabaziqhelanise nokubhala unobumba kwiincwadi zomsebenzi. (KNF amaphepha 31-33)
- Jikeleza uze uncedise. Qaphela indlela ababamba ngayo ipensile nendlela eme ngayo.



UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

Yintoni okwazi ukuyenza

Abafundi mabaye emethini

- Bizela abafundi kwimethi yeqela usebenzisa into eqhelekileyo ukwenzeka yofunda notitshala.
- Sebenzisa iNcwadi eNkulu ukufundisa le mixholo yeprinti: incwadi, uqweqwe, amaphepha, isihloko sebali.

Funda iNcwadi eNkulu amaphepha 7-9

- Fundela abafundi ibali, usalatha amagama njengokuba uwabiza.
- Buza imibuzo **yoSuku loku-1** kwiphepha ngalinye leNcwadi eNkulu.
- Thetha ngezinto ezenziwa zizilwanyana nabantu.

Phinda ufunde ibali.

- Abafundi mabangenelele baze bakulinganise njengoko ufunda.

NN
iph.
9-11

15 imiz.

NY
iph.
8-10

Yintoni okwazi ukuyenza?



ULihle uyakwazi ukutsiba.

1



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

Phinda uSOW yonke imihla

- Zilungiselele xa usiva uphawu lomsebenzi owenza wedwa.
- Udinga ipensile ebukhali.
- Mamela xa utitshala ecacisa.
- Sebenza wedwa.
- Ututshala uza kusebenza namaqela amancinci, ngoko ke zama ukusombulula iingxaki zakho ngokwakho.
- Phakamisa isandla xa uxingile kuphela.

Linganisa umsebenzi owenza yonke imihla

- Biza amavolontiya amabini asibonise indlela yokuziphatha xa sisiva uphawu loSOW.


- Biza amavolontiya amabini asibonise indlela umntu ekungamelanga aziphathe ngayo.
- Biza amanye amavolontiya amabini asibonise kwakhona indlela yokuziphatha.

Abafundi mabagqibezela uSOW kwiNYY iphepha 21

- Buza: Ucinga ukuba kumele wenze ntoni kweli phepha. (ingcebiso: khangela i-aykhoni yepensile)
- Cacisa omakwenziwe.
- Jikeleza uze uncedise abafundi abasebenze bodwa.

NY
iph. 21

30 imiz.



21



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

30 imiz.




EZOBUGCISA OBUBONWAYO Gqibezela ubuso

- Abafundi mabancamathisele amalungu obuso ebebewasika ngezolo.
- Sukuphazamisa inkqubo, njengokuba iziphumo zibonisa indlela umfundi azazi ngayo.

NY
iph. 14

30 imiz.



14

LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

Irejista, ikhalenda, imozulu

- Sebenzisa irejista nekhallenda.
- Rekhoda imozulu kwitshati yemozulu.

Linganisa umdlalo wegama

- NdinguTitshala uMaleza. Igama elithi Maleza liqala ngesandi uMMMM.
- Ngubani igama lakho kwaye ngubani isandi osivayo ekuqaleni kwegama lakho?

Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi

Isandi esinye okanye esahlukileyo?

- Biza izandi ezimbini (umzekelo, uSSS noSSS, okanye uLLL noFFF)
- Abafundi mabaphakamise umnwe omnye ukuba izandi ziyafana, emibini ukuba bava izandi ezahlukileyo.

15 imiz.



ULWAZI OLUSISISEKO NEPN Masenze abahlobo

Ngababini: Masenze abahlobo


- Abafundi mababonise imizobo yabo yangezolo.
- Thetha ngento othandayo ukuyenza.

Ikhasi: Zintoni izinto ezifanayo esinazo?

- Ukuba uyakuthanda ukudlala ibhola ekhatywayo, phakama uze ukhwebe abahlobo bakho.
- Ukuba uyakuthanda uku ... phakama uze ukhwebe abahlobo bakho.
- Ukuba unobhuti, phakama uze ukhwebe abahlobo bakho.
- Njalo njalo.

NY
iph. 15

15 imiz.



IZANDI Ingqiqo ngezandi

Cqithisa ibhegi ephoswayo

- Abafundi mabahlale kwisangqa okanye emethini. Cqithisa ibhegi ephoswayo.
- Dlala umculo opholileyo ngasemva. Wumise umculo apho nalapho. Umfundi obambe ibhegi ephoswayo makatsho igama lakhe nesandi esiqala ngaso futhi nelinye igama eliqala ngeso sandi.
- Phinda ukhalise umculo kwakhona aze umfundi agqithise ibhegi ephoswayo.

15 imiz.



UKUBHALA NGESANDLA

Ukusebenzisa izihlunu ezincinci

- Ebhodini, bonisa indlela yokuzoba isipayirali uqale kwichaphaza uze uphumele ngaphandle.
- Abafundi mabazobe isipayirali ezizibhola, eziya ecaleni elinye.
- Jonga ukuba izandla zabo zizinzile ephepheni. Kumele bashukumise iminwe xa besenza isipayirali, hayi ingalo yonke.
- Jonga uze ulungise indlela yokubamba ipensile. Bonisa abafundi indlela yokubamba.
- Ukuphuhlisa ubuchule bolawulo lokuqinisa iminwe, nika abafundi iphepha. Babonise indlela yokulikrazula nokulishwabanisa libeziibhola ezincinci, usebenzisa ubhontsi neminwe emibini.

NY
iph. 16

15 imiz.





UKUFUNDA NOTITSHALA (2)

Yintoni okwazi ukuyenza

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Fundela iklasi ibali kumaphepha 7-9.
- Buza imibuzo **yoSuku lwesi-2** ukuphuhlisa umXholo wePrinti
- Ndiqala phi ukufunda? Ndiphela phi?
- Igama liqela lonoobumba abame kunye. Kukho isithuba ngaphakathi kwamagama. Mangaphi amagama owabonayo kweli phepha? Masibalenzi size siqhwabe.
- Yalatha igama elithi **ndiyakwazi** kwiphepha ngalinye.
- Fanisa unotsheluzi kwigama elisencwadini.

Phinda ufunde ibali kwakhona, kunye nabafundi.

NN
iph.
9-11

15 imiz.

NY
iph.
8-10

Yintoni okwazi ukuyenza?



ULihle uyakwazi ukutsiba.

1



UKUBHALA NOTITSHALA

Ndiyakwazi ...

I-oral

- Abafundi aba-3-5 mabanike izivakalisi eziqala ngo "Ndiyakwazi ...".

Bhala isivakalisi

- Khetha isivakalisi somfundi sibe sinye.
- Sibhale ebhodini ubiza igama njengokuba usibhala.
- Njengokuba ubhala, thetha ngezandi nopelo, iziphumlisi kunye nezithuba phakathi kwamagama.

Fundani isivakalisi kunye

15 imiz.

UThemba
uyakwazi ukucula.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA


Yazisa imisebenzi

- Namhlanje abafundi mabenze amaphepha amabini omSebenzi Owenza Wedwa.
- Buza: Yintoni ocinga ukuba mawuyenze kula maphepha?
- Cacisa umsebenzi.

Abafundi mabenze uSOW wesi-3 nowesi-4 okwiNYY kumaphepha 22 no-23

- Emva kwemizuzu eli-15, baxebele baye kwiphepha lesibini.
- Khumbuza abafundi ngemisebenzi eyenziwa yonke imihla echanekileyo ukuba kuyadingeka.

NY
iph.
22 & 23
30 imiz.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Iingoma zezinto ezenzwa rhoqo

- Qamba uze ufundise iingoma zezinto ezenziwa rhoqo ezimbini, umzekelo, ingoma yokufunda notitshala, ingoma yokuqoqosha okanye ingoma yokuphela kwemini.

30 imiz.



LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

Irejista, ikhalenda, imozulu

- Sebenzisa irejista nekhallenda.
- Rekoda imozulu kwitshati yemozulu.

Linganisa umdlalo wegama

- NdinguTitshala uMaleza. Igama elithi Maleza liqala ngesandi uMMMM.
- Ngubani igama lakho kwaye ngubani isandi osivayo ekuqaleni kwegama lakho?

Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi

Isandi esinye okanye esahlukileyo?

- Biza izandi ezimbini (umzekelo, uSSS noSSS, okanye uLLL noFFF)
- Abafundi mabaphakamise umnwe omnye ukuba izandi ziyafana, emibini ukuba bava izandi ezohlukileyo.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Fundisa intshukumo yesicengcelezo

15 imiz.

- Kwintshukumo yesicengcelezo, abafundi mabenze iintshukumo njengokuba bebiza okanye becula isicengcelezo. Umzekelo:

Ndiyakwazi ukubaleka

Ndiyakwazi ukubaleka, ndiyakwazi ukucula, Ndiyakwazi ukwenza izinto ezininzi. Ndiyakwazi ukutsiba ndikhwaze kwaye ndijike. Ndiyakwazi ukuncileza ndiqhwabe ndize ndibambe phantsi.



IZANDI

Amagama emfihlelo (UkuPhulaphula nokuThetha)

15 imiz.

- Faka amakhadi omfanekiso okanye izinto ebhegini (sebenzisa umxube wamalungu amagama amade (anjengo ma-bo-na-ku-de) namafutshane amagama (anjengo ta-fi-le).
- Ungababonisa abafundi, khetha into ebhegini. Yithi: Ndine (ubize amalungu egama, umz. i-mo-to) esandleni sam. Yintoni?
- Ukuyenza ibengumngeni yenze ngezandi (i-m-o-t-o)
- Yeka umfundi ophendule ngokuchanekileyo akhethe into elandelayo ebhegini ezakubizwa ngutitshala.
- Beka amakhadi okanye izinto apho abafundi baza kuzibona khona. Yithi: "Ndikhangela i-ngxo-wa yokubeka. Ngubani ongandifunela yona?"




UKUBHALA NGESANDLA

Ukukhuphela ngokucinezela imilo

- Biza uze uthethe ngeemilo ezikwiphepha leNYY.
- Khokela abafundi bafumane iimilo ezifanayo baze bazobe umgca ukuzinxibelelanisa.
- Abafundi mabazobe phezu kweemilo ezisekunene baze bafake umbala ofanayo kwiimilo ezifanayo.
- Jikeleza uze ulungise indlela emengayo ipensile nebanjwe ngayo. Qaphela abafundi abasokolayo Ukuzoba imigca othe ngqo. Bavumele baziqhelanise.

NYY
iph. 17

15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (2)

Yintoni okwazi ukuyenza

Fundani iNcwadi eNkulu

- Funda ibali ngokuvakalayo nangemvakalelo. Abafundi mabangenelele xa bekwazi.
- Buza imibuzo yoSuku lwesi-3 kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali kunye kwakhona neklasi.

Hlaziya unotsheluzi oligama: ndiyakwazi

- Phakamisa unotsheluzi uze ubize igama ngokuvakalayo nabafundi.
- Abafundi mabakhangele igama ebalini.
- Beka unotsheluzi eDongeni lamaGama.

NN
iph. 9-11

15 imiz.

NYY
iph. 8-10

Yintoni okwazi ukuyenza?



ULihle uyakwazi ukutsiba.



UKUBHALA WEDWA **Umzobo, isihloko negama**

Abafundi mabazobe baze babhale ngento abakwazi ukuyenza

- Buza imizekelo yesivakalisi isigqityiweyo *Ndiyakwazi* uze ubhale embalwa ebhodini.
- Abafundi mabasebenzise le mizekelo begqibezela isihloko esithi *Ndiyakwazi...* kwiNYY iphepha le-18.
- Mababhale okanye bakhuphele igama labo.

Ingxelo

- Ayisisifundo sokubhala ngesandla esi – gxila kumxholo hayi indlela abame ngayo oonobumba.
- Abafundi mabathethe ngemizobo yabo. Kutheni bekhetho eso senzo nje?
- Xelela abafundi bafunde amagama abo nezihloko.
- Ncoma ukuzama ukugqiba isihloko.

NYN
iph. 18
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA


Yazisa imisebenzi

- Namhlanje abafundi mabenze amaphepha amabini omSebenzi Owenza Wedwa.
- Buza: Yintoni ocinga ukuba mawuyenze kula maphepha?
- Cacisa umsebenzi.

Abafundi mabenze umsebenzi owenza wedwa wesi-5 nowesi-6 okwiNYY kumaphepha 24 no-25

- Emva kwemizuzu eli-15, baxebele ukuba baye kwiphepha lesibini.
- Khumbuza abafundi umsebenzi owenziwa rhoqo achanekileyo ukuba kuyadingeka.

NYN
iph. 24 & 25
30 imiz.



EZEMITHAMBO **Izitishi zemisebenzi**

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA **Cula imithetho**

Xoxani ngemithetho

- Imithetho yenza igumbi lokufundela libeyindawo elungileyo yokufundela.
- Abafundi mabanike imizekelo yemithetho yegumbi lokufundela, umzekelo:
 1. Hlala ukhuselekile, yibanobubele, nyaniseka.
 2. Mamela abanye uze uzame kangangoko.
 3. Yenza igumbi lethu lokufundela indawo eyonwabisayo.

Cula imithetho

- Niyiklasi: yenzani ingoma yemithetho.
- Fakani iintshukumo nize niziqhelanise.
- Ngokwamaqela: yenzani ingoma yemithetho.

30 imiz.



LWESIHLANU



INTLANGANISO YAKUSASA **Iindaba**

Hlaziya

- Yintoni iindaba? (jonga kwiiphepha lesi-8 leNT)

Cinga

- Zeziphi iindaba onokwabelana ngazo eklasini ngento oyenze ukuphuma kwesikolo izolo?

Yabelanani

- Khetha abafundi abazithembileyo abambalwa baxebele iklassi. Phendula ukhuthaze iinkcukacha.

15 imiz.



IZANDI **Oonobumba abakwigama lam**

- Thetha ngoonobumba abakhulu nabancinci. Amagama abantu neendawo eziqala ngoonobumba abakhulu.
- Abafundi mabafake isangqa koonobumba abakhulu nabancinci asetyenziswe emagameni abo.
- Bangasebenzisa ithegi yokubhala igama esezidesikeni zabo njengesikhokelo ukuba bayasidinga.
- Mababhale amagama abo. Bakhuthaze babhale neefani zabo.
- Qaphela osokolayo ukubhala igama lakhe, nokwaziyo ukubhala ifani yakhe. Oku kuza kunceda ekoteni ukubeka abafundi ngamaqela ethubeni.

NY
iph. 19
15 imiz.



UKUBHALA WEDWA **Gqibezela uze wabelane**

- Abafundi mabagqibezele umzobo kunye nesihloko sesifundo sayizolo.
- Biza abafundi babonise iklassi imizobo yabo baze bathethe ngento abakwaziyo ukuyenza

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

Jongani kunye umqolo wokuqala wemifanekiso kwiphepha lama-26

- Zibizele amagama emifanekiso ngokutsholo phantsi.
- Ngubani isandi sokuqala kwigama lomfanekiso wokuqala kumqolo nganye?
- Ngubani isandi sokuqala kwigama lomfanekiso ofakwe isangqa?
- Ingaba aqala ngesandi esinye?

Gqibezela umsebenzi

- Biza igama lomfanekiso wokuqala kumqolo ngamnye uze ugqibelize ngesandi eliqala ngaso.
- Faka isangqa komnye umfanekiso kumqolo oqala ngesandi esinye.
- Emva kwemizuzu eli-10, xelela abafundi baqale iphepha elilandelayo.

Jongani kunye

- Jongani iimpendulo kunye.
- Xelela abafundi abafake isangqa kwimifanekiso engeyiyo babize amagama kwakhona baze bamamele izandi ngononophelo.

NY
iph.
26 & 27
30 imiz.





UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Zintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kunyanzelekile.

15 imiz.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

15 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndimphendulile umfundi**
- **ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi kumaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI



Yintoni endikwazi ukuyenza?

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

amakhwenkwe

amantombazana

ukudanisa

ISIKHOKELO SOMSEBENZI OWENZA WEDWA NOHLOLO OLUSISISEKO

Bonke abafundi benza amaphepha amanye omSebenzi Owenza Wedwa, abe utitshala ebiza umfundi ngamnye embizela uHlolo olusiSiseko (hlola isiqingatha seklasi kule veki)

Mvulo	Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
SOW woku-1 (30 imiz.)	SOW wesi-2 (15 imiz.)	SOW wesi-3 (15 imiz.)	SOW wesi-4 (15 imiz.)	SOW wesi-5 (15 imiz.)	SOW wesi-6 (15 imiz.)	SOW wesi-7 (15 imiz.)	SOW wesi-8 (15 imiz.)	Jonga umsebenzi (15 imiz.)

UHLOLO

Iinkcukacha zomsebenzi neerubhrikhi zisemva kule ncwadi.

Lwesibini–Lwesine	ULwazi olusiSiseko 1: Imozulu yemihla ngemihla	I-oral, eyenziwayo	Itshekhlisti iph. 129
Mvulo–Lwesihlanu	ULwazi olusiSiseko 2: Okwenziwa rhoqo egumbini lokufundela	Eyenziwayo	Itshekhlisti iph. 129
Mvulo–Lwesihlanu	UkuPhulaphula nokuThetha 1: Amava wakho	I-oral oyenza wedwa (hlola i-1/6 yeklassi kule veki)	Itshekhlisti iph. 125
Mvulo–Lwesihlanu	UkuPhulaphula nokuThetha 2: Linganisa ingoma okanye umbongo	Umsebenzi weqela owenziwayo (hlola i-1/6 yeklassi kule veki)	Itshekhlisti iph. 125

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- Izihlukuhlo:
 - iibhotile ezi-4 zeplastikhi neziciko
 - iphepha lokwenza ifanele
 - iindindi ezi-4 zezinto ezincinci (umzekelo: irayisi, amatye, iilentile, iimbewu, iikliphu zamaphepha)
 - amaphepha eemagazini okwenza iikholaaji
- iglu
- ibhola yomdlalo weZandi
- izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo

Ibali elifundwa ngokuvakalayo


- Izilwanyana ziyakwazi ukudanisa

Ingxoxo yeklasi


- Thethani ngomfanekiso

Linganisa isicengcelezo/ingoma

- Jinga, jika, ngqisha
- UHlolo loku-1 lokuPhulaphula nokuThetha: i- $\frac{1}{6}$ yeklasi



Izilwanyana ziyakwazi ukudanisa



Izilwanyana zidanisa elangeni lase-Afrika.

UNgonyama **ushukumela emacaleni** kwaye uyaqhwaba. **Ushukumela ecaleni, ushukumela ecaleni, uyaqhwaba. Ushukumela ecaleni, ushukumela ecaleni, uqhweba.**

(Yenza iintshukumo ngokwakho uze uyeke abafundi bangenelele.
Phinda futhi kwizilwanyana zonke.)



ISIGAMA

ushukumela emacaleni:
ukushukuma usiya ngapha
nangapha

UNKawu uyazijika azijije. Uyajika, ajike, **azijije**. Uyajika, ajike, azijije. ○

azijije: ujika ilungu lomziba

UNdlovu **ungqisha** ngonyawo. Tshuu, tshuu, tshuu. Thaa, thaa, thaa. ○

ungqisha: unyathela ngamandla phantsi

UMpukwana udanisa ngeenzwane. Uyajikeleza, uyajikeleza, uyakhomba. Uyajikeleza, uyajikeleza akhombe.

Iqela lemikhombe lidlala umculo. Da da da da dum. Da da da da dum.

Kodwa uNdlulamthi akadanisi.

UNgonyama ubona uNdlulamthi emile kwaye ebukele. "Yiza uzokudanisa, Ndlulamthi," utsho uNgonyama.

"Andikwazi kudanisa," utsho uNdlulamthi. "Ziza kundihleka ezinye izilwanyana."

"Wonke umntu uyakwazi ukudanisa," utsho uNgonyama.

"Mhlawumbi awukafumani umculo onguwo."

UNgonyama ukhwaza iqela lemikhombe, "dlalelani uNdlulamthi umculo okhawulezayo."

Iqela lidlala umculo wendlulamthi okhawulezayo. La la la la laa. La la la la laa.

Zonke izilwanyana ziqalisa ukucula. La la la laa. La la la laa.

UNdlulamthi ngokuthe chu uqalisa ukushukumisa inyawo zakhe.

Unyusa iinyawo ezehlisa. Enyathela, enyathela, enyathela. Aze ashukumisele intamo yakhe emacaleni, ishukumela ecaleni, ishukumela ecaleni, ishukumela ecaleni, ade abe uyadanisa!

(Abafundi bangadanisa njengoNdlulamthi)

Bonke bayaqhwaba.

"Uyabona," utsho uNgonyama, "Wonke umntu uyakwazi ukudanisa. Qha ngokwahlukileyo".

MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA **Iindaba**

15 imiz.

Ngababini

- Fundisa abafundi indlela esetyenziswa rhoqo yomsebenzi wababini wokucinga-ngababini-yabelana (mabajongane, banikane amathuba okuthetha, mamela ngentlonipho).

Cinga

- Zintoni iindaba ofuna ukuzixelela iqabane lakho ngento eyenzeke ngempela veki?

Ngababini

- Ngababini baliselanani iindaba zenu, niziqhelanisa nendlela esetyenziwa rhoqo.

Yabelana

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

IBALI ELIFUNDWA
NGOKUVAKALAYO**Izilwanyana ziyakwazi ukudanisa**

NT iph. 24 & 25

15 imiz.

Phambi kokufunda

- Jonga umfanekiso kwiNYY iphepha le-13.
- Zeziphi izilwanyana ozibona zidanisa? Ngubani ongadanisiyo?

Funda ibali ngokuvakalayo, ngemvakalelo, ngeentshukumo, nezikhathswa zizandi

- Sukuphazamisa ukufunda ucacisa okanye ubuza imibuzo. Isizathu kukuba abafundi bave ukuba ukufunda ngokuchanekileyo kuvakala kanjani kwaye balonwabele ibali.

Emva kokufunda

- Vumela abafundi baphendule ibali baze batsho abakonwabeleyo ngalo okanye intandabuzo.
- Cacisa isigama esifakwe umbala.
- Ukuba unalo ixesha, cela amavolontiya anibonise:
 - ingonyama yashukumela ecaleni yaze yaqhwaba.
 - inkawu yajika yaze yazijija.
 - indlulamthi yangqisha yaze yashukumela ecaleni.

ULWAZI
OLUSISISEKO NEPN**Yenza isihlukuhlo somculo****Funda iNcwadi eNkulu iphepha le-12**

- Yintoni isihloko?
- Sidinga ntoni? Fundani iileyibheli kunye. Xoxani ngemifanekiso.
- Kutheni amanyathelo abhalwe 'into omawuyenze' enamanani?

Ukulungiselela

- Qinisekisa ukuba unezixhobo ezaneleyo ukwenza izihlukuhlo ezi-4 ukubonisa iklassi kwaye umfundi ngamnye enze isihlukuhlo sakhe ngomso.

NN
iph. 12
30 imiz.IZANDI **Unobumba u-E****Yazisa isandi esitsha**

- Mamela isandi esitsha uze usibize. Qaphela imilo eyenziwa ngumlomo wakho
- Ligama likabani eliqala ngesi sandi? Ligama likabani elinesandi?

Chonga amagama anesi sandi

- Gxila kwigama elingundoqo kumqolo ophezulu. Fundisa isenzo ukunceda abafundi badibanise igama elingundoqo kunye nesandi.
- Funda amanye amagama, ugxile kwisandi esitsha.
- Abafundi banganika amanye amagama anesi sandi.

Bonisa indlela ame ngayo unobumba

- Sebenzisa ulwazi olumalunga nokuma konobumba (KNF amaphepha 34-36).
- Abafundi mabazobe unobumba ngeminwe baze bazobe ngepensile, beqala kwichaphaza eliluhlaza.

Fundela abafundi isivakalisi ngokucothayo

- Fakani isangqa kunobumba wanamhlanje okwisivakalisi.

NYY
iph. 32
15 imiz.Yithi Molo ku-060 017 0000
ngengoma emalunga nesandi.




UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

- Cula okanye udlale ingoma engonobumba.
- Abafundi mabasebenzise iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukeneyo (KNF amaphepha 31-33).
- Ncedisa abafundi bachaze iintshukumo zabo njengokuba besenza oku.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOHLOLO OLUSISISEKO

Yazisa ixesha notitshala

- Utitshala makabize umfundi ngamnye asebenze naye. Iklasi mayiqhubeke ngomSebenzi Owenza Wedwa kwiNYY iphepha 36.
- Khumbuza abafundi ukuba isandla basiphakamisa xa befuna uncedo ibe into ingxamisekile.

Ngokufutshane yazisa umsebenzi

- Abafundi mabafune iphepha elichanekileyo.
- Buza: Yintoni ocinga ukuba kumele uyenze kweli phepha?
- Cacisa umsebenzi.
- Abafundi mabagqibezele iphepha lomSebenzi Owenza Wedwa abawunikiweyo.

Uhlolo olusisiseko

- Utitshala makabize umfundi ngaMnye azokwenza uHlolo olusisiSeko.

Ukukorekisha: jonga kwiphepha 123
Amanqaku: 5

NY
iph. 36
30 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukulungiselela

- Khetha imisebenzi yeveki emine eyahlukileyo kwiphepha lesi-5.
- Beka izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo uze ucacise indlela yokwenza umsebenzi kwisitishi ngasinye.
- Khetha abafundi babonise umsebenzi ngamnye, bekhokelwa ngutitshala.
- Abafundi mabaziqhelanise nomsebenzi, badlale umdlalo onjengocweka, urova obomvu okanye undize.

30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA Ukuqhweba ngesingqi

30 imiz.

- Qhwaba ngesingqi. Abafundi mabalinganise.
- Fakela ukungqisha nokunqakazisa iminwe. Mabalinganise abafundi.
- Abafundi abangamavolontiya mabakhokele ngezabo izingqi.
- Yahlula iklasi ibesisiqingatha. Isiqingatha esinye siqhweba ngesingqi sibe esinye sidanisela isingqi. Tshintshanani.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

Irejista, ikhalenda, imozulu

- Sebenzisa irejista nekhhalenda.
- Rekhoda imozulu kwitshati yemozulu.

Linganisa umdlalo wegama

- NdinguTitshala uMaleza. Igama elithi Maleza liqala ngesandi uMMMM.
- Ngubani igama lakho kwaye ngubani isandi osivayo ekuqaleni kwegama lakho?

Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi

Isandi esinye okanye esohlukileyo?

- Biza izandi ezimbini (umzekelo, uSSS noSSS, okanye uLLL noFFF)
- Abafundi mabaphakamise umnwe omnye ukuba izandi ziyafana, emibini ukuba bava izandi ezohlukileyo.
- Phinda ngezandi ezitsha.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Bonisa iklas umfanekiso okwiNYY iphepha le-11

Abafundi mabathethe ngento abayibonayo

- Zeziphi izilwanyana ezisebalini? Khomba imifanekiso yazo.
- Sesiphi isilwanyana esingakwaziyo ukudanisa?
- Yintoni eyenziwe yiNgonyama ukunceda Indlulamthi idanise?
- Biza abafundi babonise indlela isilwanyana esidanise ngayo – iklas iqashele ukuba sesiphi isilwanyana.

NN
iph. 13

15 imiz.



ULWAZI OLUSISISEKO NEPN Landela imiyalelo

Utitshala makenze izihlukuhlo ezine ezahlukileyo

- Fundela iklas uluhlu lezinto oza kuzidinga.
- Xelela abazinikeleyo bachonge into nganye.
- Funda imiyalelo ngokuvakalayo uze uyilandele ukuze abafundi babone lento uyenzayo.

Dlala: Qashela into ekwisihlukuhlo?

- Ngababini mabaze ngaphambili eklasini.
- Iqabane loku-1 lishukumisa isihlukuhlo ngaphandle kokusiveza.
- Iqabane lesi-2 liqashela into engaphakathi kwisihlukuhlo aze anike isizathu sempendulo yakhe.

NN
iph. 12

15 imiz.



IZANDI Unobumba uD

- Buza abafundi ukuba bayasikhumbula isandi abasifunde ngezolo.
- Bafundise intshukumo ehambelana nesandi.
- Cula le ngoma kanobumba
- Abafundi mabafune unobumba kwitshati ye-alfabhethi. Thetha ngoonobumba abakhulu nabancinci.
- Buza abafundi ukuba ingaba bayambona unobumba apha eklasini?

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



15 imiz.





UKUBHALA NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.



- Abafundi mabenze unobumba emoyeni/emethini/emqolweni yabanye/kwintende zezandla zabo, babe becacisa iintshukumo zezandla.
- Abafundi mabaziqhelanise nokubhala unobumba kwiincwadi zomsebenzi. (KNF amaphepha 31-33)
- Jikeleza uze uncedise. Qaphela indlela ababamba ngayo ipensile nendlela eme ngayo.



UKUFUNDA NOTITSHALA (1) *Siyakwazi ukudanisa*

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Fundela ikhosi ibali elithi *Siyakwazi ukudanisa*, yalatha amagama njengokuba uwabiza.
- Buza imibuzo **yoSuku loku-1** kwiphepha ngalinye.

Funda amagama oonotsheluzi: amakhwenkwe, amantombazana, ukudanisa

- Phakamisa oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Fanisa oonotsheluzi kwigama elisencwadini.

Phinda ufunde ibali kwakhona


NN

iph.

14-16

15 imiz.

Siyakwazi ukudanisa



Amakhwenkwe ayakwazi ukudanisa.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOHLOLO OLUSISISEKO

Umsebenzi owenza wedwa

- Abafundi namhlanje mabenze umsebenzi owenza wedwa wesi-3 no wesi-4.
- Cacisa umsebenzi ngaphambi kokuba baqale.

Uhlolo olusisiseko

- Biza abafundi ngabanye ubabizela uHlolo olusisiseko.

Ukukorekisha: jonga kwiphepha 123
Amanqaku: 5

NYN
iph.
37 & 38
30 imiz.



EZEMITHAMBO *Izitishi zemisebenzi*

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa


30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Abafundi mabenze izihlukuhlo

30 imiz.



- Abafundi benza izihlukuhlo. Sebenzisa isiqwengana sephepha ukwenza ifanele.
- Sebenzisa ifanele ukugalela izinto ezincinci ebhotileni yakho.
- Valisisa isiciko.
- Yigcine ikhuselekile ukuze uyihombise ingomso.

LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

Irejista, ikhalenda, imozulu

- Sebenzisa irejista nekhhalenda.
- Rekoda imozulu kwitshati yemozulu.

Linganisa umdlalo wegama

- NdinguTitshala uMaleza. Igama elithi Maleza liqala ngesandi uMMMMM.
- Ngubani igama lakho kwaye ngubani isandi osivayo ekuqaleni kwegama lakho?

Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi

Isandi esinye okanye esohlukileyo?

- Biza izandi ezimbini (umzekelo, uSSS noSSS, okanye uLLL noFFF)
- Abafundi mabaphakamise umnwe omnye ukuba izandi ziyafana, emibini ukuba bava izandi ezohlukileyo.
- Phinda ngezandi ezitsha.

15 imiz.



ULWAZI OLUSISISEKO NEPN

Sonke sahlukile

Ingxoxo yeklasi

- Utitshala makabonise imiboniso emi-4 yezihlukuhlo.
- Zifana kanjani izihlukuhlo?
- Zahluka kanjani?

Intetho yababini

- Ufana kanjani nabanye ekhayeni okanye eklasini?
- Wahluka kanjani?

Xoxani

- Cela abanye abafundi babelane ngendlela abafana ngayo okanye abahluke ngayo.
- Xoxani ngendlela ukwahluka ekumele kwamkelwe kwaye kubhiyozelwe ngayo.

15 imiz.



IZANDI

Ukuva amalungu egama asekugqibeleni

- Abafundi mabenze iindlebe zabo njengekomityi ukuze bamamele kakuhle.
- Yithi: Mamelani, mamelani, ngokukhwaza nangokucacileyo, ngubani isandi **sokugqibela** wena osivayo?
- Utitshala ubiza amagama ama-3 aphela ngesandi okanye ngamalungu egama amanye, umzekelo: *ubhuti, ikati, isanti*
- Yitshoni kunye: Ndixelele, ndixelele, uve ntoni wena?
- Abafundi mabaphakamise izandla zabo. Utitshala makakhethe umntu oza kuphendula.
- Phinda ngezinye izandi.
- Kunzima ukuva izandi zamagama zokugqibela kunezokuqala, ngoko ke ungothuki xa abafundi befumanisa oku kunzima ekuqaleni. Zama ukunweba igama uze ulibize ngokucacileyo, ugxininisa kwisandi sokugqibela. Ukubamba irekeni uyinwebe ngoku ubiza igama ngokucacileyo kunganceda abanye abafundi bave isandi lula.

15 imiz.



UKUBHALA NGESANDLA

Ukuphuhlisa kwezihlunu ezincinci

- Bonisa ikhosi umfanekiso wendlulamthi ekwiNN iphepha lama-33. Thetha ngemibala yayo.
- Nika umfundi ngamnye iziqwengana zephepha elityheli nelimdaka ngombala.
- Abafundi mabakrazule iphepha libengamasutswana baze bazincamathisele kwindulamthi ekwiNYY iphepha lama-33.

NYY
iph. 33
15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (2) *Siyakwazi ukudanisa*

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Funda kunye neklasi ibali elithi *Siyakwazi ukudanisa*. Abafundi bayafunda kwindawo abakwaziyo kuzo.
- Buza imibuzo **yoSuku lwesi-2** kwiphepha ngalinye.
- Phindani nifunde ibali niyiklasi.

Chonga oonobumba abafundisiweyo ukuza kuthi ga ngoku

- Abafundi mabolathe oonobumba abafundisiweyo.

Hlaziya amagama oonotsheluzi: **amakhwenkwe, amantombazana, ukudanisa**

- Phakamisa oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Fanisa oonotsheluzi kwigama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
14-16
15 imiz.

Siyakwazi ukudanisa



Amakhwenkwe ayakwazi ukudanisa.



UKUBHALA NOTITSHALA *Siyakwazi ukudanisa*

I-oral

- Abafundi aba-3-5 mabanike isivakalisi esiqala ngo "Siyakwazi ..." (umzekelo: Siyakwazi ukudanisa umculo ngokukhawuleza/kakuhle)

- Sibhale ebhodini ubiza igama njengokuba usibhala.
- Njengokuba ubhala, thetha ngezandi nopelo, iziphumlisi kunye nezithuba phakathi kwamagama.

Fundani isivakalisi kunye

Utitshala makabhale isivakalisi

- Khetha isivakalisi somfundi sibesinye.

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOHLOLO OLUSISISEKO

Umsebenzi owenza wedwa


- Abafundi namhlanje mabenze umsebenzi owenza wedwa wesi-4 no wesi-5.
- Cacisa umsebenzi ngaphambi kokuba baqale.

Uhlolo olusisiseko

- Biza abafundi ngabanye ubabizela uHlolo olusisiseko.

Ukukorekisha: jonga kwiphepha 123
Amanaku: 5

NY
iph.
39 & 40
30 imiz.



EZEMITHAMBO *Izitishi zemisebenzi*

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi benza umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO *Hombisa izihlukuhlo*

Bonisa ikholaji

- Bonisa abafundi indlela yokukrazula iphepha uze ulincamathisele kwizihlukuhlo.

Abafundi mabahombise izihlukuhlo

- Bakhuthaze benze izihlukuhlo zabo zikhetheke

30 imiz.



LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

Irejista, ikhalenda, imozulu

- Sebenzisa irejista nekhhalenda.
- Rekoda imozulu kwitshati yemozulu.

Linganisa umdlalo wegama

- NdinguTitshala uMaleza. Igama elithi Maleza liqala ngesandi uMMMMM.
- Ngubani igama lakho kwaye ngubani isandi osivayo ekuqaleni kwegama lakho?

Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi

Isandi esinye okanye esohlukileyo?

- Biza izandi ezimbini (umzekelo, uSSS noSSS, okanye uLLL noFFF)
- Abafundi mabaphakamise umnwe omnye ukuba izandi ziyafana, emibini ukuba bava izandi ezohlukileyo.
- Phinda ngezandi ezitsha.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

15 imiz.

- Fundisa ingoma uze uqambe neentshukumo ezingenayo.
- Fundisa ingoma neentshukumo.

Abadanisi

Umdanisi omncinci, omnye, ababini, bathathu, Abadanisi abancinci, abane, abahlanu, abathandathu Abadanisi anabinci, abasixhenxe, abasibhozo, abalithoba Abantwana abancinci abalishumi bayadanisa.



IZANDI Amagama emfihlelo (i-oral)

15 imiz.

- Biza igama elilula (umzekelo, ilifu).
- Qhwaba amalungu egama. Yithi sizibiza ngokuba zibhithi ezi "amalungu egama."
- Buza imibuzo:
 - Ngubani ilungu legama **lokugqibela**? (fu)
 - Ukuba **ndicima** ilungu legama lokugqibela, ndifumana ntoni? (ili)
 - Ukuba **nditshintsha** ilungu lokugqibela ibengu "so", ndifumana ntoni? (iliso)
- Phinda ngamanye amagama namalungu. Akunyanzelekanga unegama emva kokucima okanye ukutshintsha amalungu egama.
- Yenza lo msebenzi neklasi yonke kwaye futhi nabafundi ngabanye.
- Ukuba abafundi bayasokola, sebenzisa izibalo ezinemibala eyahlukileyo eziza kumela amalungu egama okanye izandi. Yalatha isibalo ngasinye njengokuba ubiza ilungu legama, uze ususe isibalo sokugqibela uxelele abafundi babize okushiyekeleyo.



UKUBHALA NGESANDLA Ukukhuphela iipatheni

 NYY
iph. 34
15 imiz.

- Zoba phezulu kwemigca ungqamanise izilwanyana nokutya kwazo.
- Jikeleza uze uqwalasele. Qaphela indlela ipensile abayibamba ngayo noma ngayo.



UKUFUNDA NOTITSHALA (3) Siyakwazi ukudanisa

 NN
iph. 14-16
15 imiz.

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Fundela ikhosi ibali elithi *Siyakwazi ukudanisa*, walathe amagama njengokuba uwabiza.
- Buza imibuzo **yoSuku lwesi-3** kwiphepha le-16.
- Phindani nifunde ibali neklasi.

Hlaziya amagama oonotsheluzi: amakhwenkwe, amantombazana, ukudanisa

- Phakamisa oonotsheluzi phezulu uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Fanisa oonotsheluzi kwigama elikwiNcwadi eNkulu.
- Beka oonotsheluzi kuDonga lwamaGama.





UKUBHALA WEDWA

Ndiyakwazi ukudanisa ...

- Bhala isiqalo sesivakalisi ebhodini: Ndiyakwazi ukudanisa ...
- Abafundi mabakhuphele baze bagqibezele isiqalo sesivakalisi. Bakhuthaze bazame.
- Mabazobe umfanekiso wokudanisa.
- Jikeleza uze uzibandakanye nabafundi. Cela:
 - Ndifundele oku.
 - Sesiphi isandi esenziwa leli gama?

NY
iph. 35
15 imiz.

Date: _____

Draw a picture of dancing. Copy a sentence. Write your name.

Name: _____

Thursday 35



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOHLOLO OLUSISISEKO

Umsebenzi owenza wedwa

- Abafundi namhlanje mabenze umsebenzi owenza wedwa wesi-6 nowesi-7.
- Cacisa umsebenzi ngaphambi kokuba baqale.

Uhlolo olusisiseko

- Biza abafundi ngabanye ubabizela uHlolo olusisiSeko.

Ukukorekisha: jonga kwiphepha 123
Amanqaku: 5

NY
iph. 41 & 42
30 imiz.

Umhla: _____

Bhala oonobumba bomnyama.

Umhla: _____

Hlaba umfanekiso **owahlukileyo** kumqolo ngamnye.

41 42



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Umdaniso

Amaqela mawazilungisele

- Lungisa umdaniso.
- Sebenzisa izihlukuhlo zakho.

Yenza

- Siyavuyisana nawe!

30 imiz.



LWESIHLANU

**INTLANGANISO YAKUSASA** **Iindaba****Hlaziya iruthini yokucinga-ngababini-yabelanani****Cinga**

- Zeziphi iindaba ongathanda ukwabelana ngazo neklasi ngosapho lwakho?

Ngababini

- Ngababini mababaliselane iindaba zabo, besebenzisa iruthini yokusebenza ngababini.

Yabelanani

- Khetha abafundi abambalwa babalisele iklasi.

15 imiz.**IZANDI** **Ibhola yesandi**

- Bhala oonobumba abafundisiweyo ebholeni ngekhoki engacimiyo. Krwelela oonobumba abangabhida abanje ngo-b/d/p ukwenzela unobumba acace ukuba ngubani.
- Mabame okanye bahlale ngesangqa uze ujule okanye uqengqelekise ibhola iye kumfundi.
- Kufuneka batsho isandi sikanobumba okufuphi nobhontsi wabo baze batsho igama elinesa sandi.

15 imiz.**UKUBHALA WEDWA** **Yabelana ngombhalo wakho****Ngababini**

- Yabelana neqabane lakho ngomfanekiso wakho.
- Xelelanani ngezinto enizizobileyo.
- Fundela iqabane lakho isivakalisi sakho.

Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi**NY
iph. 35
15 imiz.**

Umhla: _____

Zaba umfanekiso wakudlala. Khuphela isivakalisi. Bhala igama lakho.

Igama: _____

Lwesine 35

**UMSEBENZI OWENZA WEDWA
NOHLOLO OLUSISISEKO****Umsebenzi owenza wedwa**

- Abafundi namhlanje mabenze umsebenzi owenza wedwa wesi-8.
- Cacisa umsebenzi ngaphambi kokuba baqale.

Uhlolo olusisiseko

- Biza abafundi ngabanye ubabizela uHlolo olusisiSeko.

**NY
iph. 43
30 imiz.**

Umhla: _____

Hlola umfanekiso oqala ngesandi esahlukileyo kunqolo ngamnye.

Lwesine 43

Ukukorekisha: jonga kwiphepha 123
Amanqaku: 5



UKUJONGA UNIKE INGXELO

15 min

Phinda uqwalasele iveki

- Zintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kunyanzelekile.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

15 min

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi benza umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndimphendulile umfundi**
- **ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi kumaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebedwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI

Mna nabahlobo
bam

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

mna

ndiyakuthanda

kwam

ISIKHOKELO SOMSEBENZI OWENZA WEDWA NOHLOLO OLUSISISEKO

Yahlula iklasi ibe ngamaqela ama-4. Amaqela mawaqhele ukusebenza kumaphepha ahlukeyo omsebenzi owenza wedwa abe utitshala ebiza abafundi ngabanye ebaizela UHlolo olusisiSeko (hlola isiqingatha seklassi kule veki). Sebenzisa iziphumo zoHlolo olusisiSeko, yahlula iklasi ibengamaqela amancinci amahlanu ngoLwesihlanu

	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu
IQela loku-1	SOW woku-1 nowesi-2	SOW wesi-3 nowesi-4	SOW wesi-4 nowesi-5	SOW wesi-6 nowesi-7	Yazisa amaqela okuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala
IQela lesi-2	SOW wesi-3 nowesi-4	SOW wesi-5 nowesi-6	SOW wesi-7 nowesi-8	SOW woku-1 nowesi-2	
IQela lesi-3	SOW wesi-5 nowesi-6	SOW wesi-7 nowesi-8	SOW woku-1 nowesi-2	SOW wesi-3 nowesi-4	
IQela lesi-4	SOW wesi-7 nowesi-8	SOW woku-1 nowesi-2	SOW wesi-3 nowesi-4	SOW wesi-5 nowesi-6	

UHLOLO

Iinkcukacha zomsebenzi neerubhrikhi zingasemva kule ncwadi.

Lwesibini–Lwesine	ULwazi olusiSiseko 1: Imozulu yemihla ngemidla	I-oral, eyenziwayo	Itshekhlisti iph. 129
Mvulo–Lwesihlanu	ULwazi olusiSiseko 2: Iiruthin zegumbi lokufundela	Eyenziwayo	Itshekhlisti iph. 129
Mvulo–Lwesihlanu	UkuPhulaphula nokuThetha-1: Amava akho	I-oral oyeenza wedwa (hlola i- $\frac{1}{2}$ yeklassi kule veki)	Irubhrikhi iph. 125
Mvulo–Lwesihlanu	UkuPhulaphula nokuThetha 2: Linganisa ingoma okanye umbongo	Umsebenzi weqelwa owenziwayo (hlola i- $\frac{1}{2}$ yeklassi kule veki)	Irubhrikhi iph. 125

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- iindidi ezahlukeyo zeziqhamo
- izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo.

Ibali elifundwa ngokuvakalayo


- Umdlalo wesangqa

Umsebenzi wamaqela

- Dlalani umdlalo wesangqa

Ingoma

- Thina sobabini
- UHlolo loku-1 lokuPhulaphula nokuThetha: i- $\frac{1}{2}$ yeklasi



UkuFunda noTitshala

- Siyayithanda ikeyiki
- Imixholo yeprinti
- Izingxi & iimpawu zokhuzo



UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala

- UHlolo olusiSiseko: Gqibezela uhlolo
- UmSebenzi Owenza Wedwa: amaphepha asi-8 oSOW
- Yazisa amaqela e-FQ



Ukubhala

- Ndithanda ...
- Zoba umfanekiso uze ubhale isihloko



EzemiThambo

- Izitishi zemisebenzi



EzobuGcisa obuBonwayo

- Ukuzoba iziqhamo nemifuno

EzobuGcisa beQonga

- Ingoma yobuhlobo
- Qikelela endikudlalayo



ULwazi olusiSiseko nokuziPhatha neNtlalo

- Usebenzisa itafile ukuthelekisa
- Ukuhlela iziqhamo nemifuno
- Ukwabelana yinkathalo

Izandi

- Imisebenzi yokuqonda izandi
- Ukwenza unobumba-sandi u-U

Ukubhala ngesandla

- Unobumba u-U

Umdlalo wesangqa



Ngantseni ithile, uTitshala wakhuphela bonke abafundi phandle. Wazoba **isangqa** ngoluthi esantini. "Siza kudlala umdlalo wesangqa namhlanje," watsho. "Ndicela nime ekupheleni kwesangqa. Ndiza kunibuza imibuzo. Kufuneka nikhethe impendulo enye. Enye kuphela."

UTitshala wabuza umbuzo wokuqala: "Ingaba nithanda izinja okanye nithanda iikati? Bonke abo bathanda izinja mabaxhumele esangqeni. **Bheka bheka** ujonge osecaleni kwakho. Xhuma ubuye umva. Ngoku, bonke abathanda iikati, mabaxhumele esangqeni. Bheka bheka. Xhuma ubuye umva." (*Ungakhetha eyiphi, iikati okanye izinja?*)

Emva koko uTitshala wabuza eminye imibuzo:

Ingaba nithanda ama-orenji okanye nithanda ama-apile?
(*Ungakhetha eyiphi?*)

Ingaba nithanda ikeyiki okanye iilekese? (*Ungakhetha eyiphi?*)



ISIGAMA

isangqa: imilo engqukuva

bheka bheka: jonga emaceleni

Ingaba uthanda ibhotolo yamandongomane okanye ijem?
(Ungakhetha eyiphi?)

Abafundi babekonwabele ukuxhumela ngaphakathi nangaphandle kwesangqa. Ekugqibeleni, uTitshala wathi, "Ngoku cinga ngomntu obesesangqeni nawe rhoqo xa **ukhetha**." ○

UThabo wacinga, "Rhoqo xa ndisesangqeni, inkwenkwe entsha egama linguThemba ibise sangqeni nam."

Wathi uTitshala, "Ngoku cingani ngabahlobo benu. Ingaba bebehla bekhona esangqeni ngexesha elinye nani?"

Wacinga uThemba, "Mna noPretty singabahlobo abakhulu kodwa akhange ndikhe ndibe naye esangqeni."

"Ngoko ke, ufunde ntoni kulo mdlalo?" wabuza uTitshala.

Waphendula uThabo, "Ndifunde ukuba mhlawumbi ndingeza abahlobo abatsha eklasini yam." Wayecinga ngoThemba.

Wathi uThabo, "Ndifunde ukuba ungangumhlobo nomntu nokuba nithanda izinto ezahlukeyo." Waye ngomhlobo wakhe uPretty.

ukhetha: usitsho into oyithande kakhulu

MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA **Iindaba**

15 imiz.

Yazisa isakhelo seeNdaba zam esisemva kwiqweqwe leNYY

- Thetha ngolwazi omalifakwe xa sibalisa ngeendaba (jonga isakhelo seeNdaba zam eqweqweni)

Cinga

- Zintoni iindaba onokwabelana ngazo ngento eyenzeke ngempela veki.?

Ngababini

- Xeleta iqabane lakho ngeendaba zakho.

Yabelanani

- Khetha abafundi abambalwa abazithembileyo Baxelele iklassi.
- Phendula uze ukhuthaze inkcukacha.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA **Dlala umdlalo wesangqa**

15 imiz.

Phuma nabafundi phandle

- Zoba isangqa esikhulu phantsi.
- Abafundi mabame ngaphandle kwesangqa.

Biza izinto ezimbini. Abafundi mabakhethhe ezona bazithanda kakhulu

- Umzekelo: Ingaba uthanda ama-orenji okanye ama-apile? Ingaba uthanda iikati okanye izinja?

Abafundi mabaxhumele kwisangqa

- Ukuba ukhetha ama-apile, xhumela kwisangqa. Ngubani omnye osesangqeni? Xhuma ubuye umva.
- Ukuba ukhethe ama-orenji, xhumela

kwisangqa. Ngubani omnye ose sangqeni? Xhuma ubuye umva.

Phinda ngeminye imizekelo.**Xoxani**

- Ngubani obesesangqeni nawe rhoqo?
- Ingaba abahlobo bakho bahlala bethanda izinto ezifana nezakho?
- Ufunde ntoni?

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN **Masithelekise****Fundani kunye iNcwadi eNkulu iphepha le-17**

- Yitafile lena. Ithelekisa iziqhamo ezahlukeyo.
- Funda iphepha kunye nabafundi. Buza imibuzo ekwiNcwadi eNkulu.
- Gqithisa iziqhamo kubafundi uze ubayeke bathelekise imvakalelo ezahlukeyo namavumba.
- Khumbula, amaphepha eNcwadi eNkulu akwiNYY

abafundi bangalandela njengokuba ufunda.

Umsebenzi wababini

- Umfundi ngamnye makakhethhe iziqhamo ezimbini.
- Xeleta iqabane lakho indlela ezimbini ezifana ngayo.
- Xeleta iqabane lakho ngendlela ezimbini ezahluke ngayo.
- Niyiklasi: Yintoni esithelekise ngayo isiqhamo?

NN
iph. 17
30 imiz.
NYY
iph. 49

Masithelekise			
	Ubungakanani	Imilo	Umbala
ivatala	inkulu		
ipayinapile	inkulu		
ibhanana	iphakathi		
i-orenji	iphakathi		
iidlilya	zincinci		

IZANDI **Unobumba u-i****Yazisa isandi esitsha**

- Mamela isandi esitsha uze usibize. Qaphela imilo eyenziwa ngumlomo wakho
- Ligama likabani eliqala ngesi sandi? Ligama likabani elinesandi?
- Jonga indlela igama elibhalwe ngayo.

Chonga amagama anesi sandi

- Gxila kwigama elingundoqo kumqolo ophezulu. Fundisa isenzo ukunceda abafundi badibanise igama elingundoqo kunye nesandi.
- Funda uze uxoxe ngamanye amagama anolo nobumba.

- Abafundi banga nika amanye amagama anolo nobumba.

Bonisa indlela amengayo unobumba

- Sebenzisa ulwazi olumalunga nokuma konobumba (KNF amaphepha 34-36).
- Abafundi mabazobe unobumba ngeminwe baze bazobe ngepensile, beqala kwichaphaza eliluhlaza.

Fundela abafundi isivakalisi ngokucothayo

- Fakani isangqa kunobumba wanamhlanje okwisivakalisi.

NYY
iph. 50
15 imiz.



Yithi Molo ku-060
017 0000 ngengoma emalunga nesandi.



UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

- Cula okanye udlale ingoma engonobumba.
- Abafundi mabasebenzise iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukileyo (KNF amaphepha 31-33).
- Ncedisa abafundi bachaze iintshukumo zabo njengokuba besenza oku.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOHLOLO OLUSISISEKO

Yahlula iklasi ibengamaqela ama-4 ezidesikeni zabo

- Cacisa ukuba namhlamnje iqela ngalinye liza kwenza amaphepha ahlukileyo omSebenzi Owenza Wedwa, kodwa baza kugqibezela amaphepha onke ekupheleni kwe veki.
- Nika amaphepha amabini kwiqela ngalinye, ngokutsho kwetheyibhile.

IQela loku-1	IQela lesi-2	IQela lesi-3	IQela lesi-4
SOW woku-1 nowesi-2	SOW wesi-3 nowesi-4	SOW wesi-5 nowesi-6	SOW wesi-7 nowesi-8

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Cacisa umsebenzi ngaphambi kokuba baqale.

Uhlolo olusisiSeko

- Qhubeka ubiza umfundi ngamnye ngexesha ubabizela uHlolo olusisiSeko.

NY
iph.
57-64

30 imiz.



Ukukorekisha: jonga kwiphepha 123
Amanqaku: 5



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukulungiselela

- Khetha imisebenzi yeveki emine eyahlukileyo kwiphepha lesi-5.
- Beka izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo uze ucacise indlela yokwenza umsebenzi kwisitishi ngasinye.
- Khetha abafundi babonise umsebenzi ngamnye, bekhokelwa ngutitshala.
- Abafundi mabaziqhelanise nomsebenzi, badlale umdlalo onjengocweka, urova obomvu okanye undize.

30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ukuzoba isiqhamo okanye umfuno

Uza kudinga iisampuli zeziqhamo okanye imifuno.

Hlola iisampuli

- Cacisa ukuba abazobi baqwalasela ngononophelo.
- Abafundi badinga ukuqwalasela ngaphambi kokuba bazobe.
- Gqithisa iisampuli zeziqhamo okanye imifuno.

- Qaphela imilo, umbala weendawo ezahlukileyo, imikrwelo njalo njalo.

Zoba

- Zoba isiqhamo okanye umfuno. Bonisa iimpawu ozichongileyo.
- Umzobo wakho mawugcwalise iphepha lonke.
- Faka umbala usebenzisa iikhrayoni zewax.

30 imiz.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

Irejista, ikhalenda, imozulu

- Sebenzisa irejista nekhhalenda.
- Khuphela imozulu kwitshati yemozulu.

Linganisa umdlalo wegama

- Ndingutitshala uMaleza. Igama elithi Maleza liqala ngesandi uMMMMM.
- Ngubani igama lakho kwaye ngubani isandi osivayo ekuqaleni kwegama lakho?

Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi

Isandi esinye okanye esohlukileyo?

- Biza izandi ezimbini (umzekelo, uSSS noSSS, okanye uLLL noFFF)
- Abafundi mabaphakamise umnwe omnye ukuba izandi ziyafana, emibini ukuba bava izandi ezohlukileyo.
- Phinda ngezandi ezitsha.

15 imiz.



IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO

Umdlalo wesangqa

Phambi kokufunda

- Uyayazi ukuba yintoni isangqa?
- Ngubani ongasizoba ebhodini?

Funda ibali ngokuvakalayo, ngemvakalelo.

- Sukuphazamisa ukufunda ucacisa okanye ubuza imibuzo. Injongo kukuba abafundi bave ukuba
- ukufunda ngokuchanekileyo kuvakala kanjani kwaye balonwabele ibali.

Emva kokufunda

- Vumela abafundi baphendule ibali baze batsho abakonwabeleyo ngalo okanye intandabuzo.
- Ngokufutshane cacisa isigama esifakwe umbala.
- Ukuba unalo ixesha, buza:
- Zintoni izinto enizithandayo wena nomhlobo wakho?
- Yintoni into oyithandayo angayithandiyo umhlobo wakho?

NT
iph.
38 & 39
15 imiz.

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN Iziqhamo nemifuno

Thetha ngeziqhamo nemifuno

- Jonga ukutya kwiibhokisi ngezantsi. Ingaba yimifuno okanye ziziqhamo?
- Zoba umgca osuka kukutya ngakunye ukuya kwibhokisi echanekileyo.
- Jongani kunye.

Ngababini

- Thethani ngento oyitye izolo.
- Yabelanani
- Buza abanye abafundi:
 - Utye esiphi isiqhamo?
 - Utye emiphi imifuno?
 - Yeyiphi eyona uyithandayo?

NY
iph. 51
15 imiz.

IZANDI Unobumba u-i

- Buza abafundi ukuba bayasikhumbula isandi abasifunde ngezolo.
- Bafundi intshukumo ehambelana nesandi. Umzekelo: Abafundi banga danisela isingqi: u "d-d-d-d".
- Culela unobumba le ngoma.
- Abafundi mabafune unobumba kwitshati ye-alfabhethi. Thetha ngoonobumba abakhulu nabancinci.
- Buza abafundi ukuba ingaba bayambona unobumba apha eklasini?

Yithi Molo ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



15 imiz.






UKUBHALA NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

- Abafundi mabenze unobumba emoyeni/emethini/emiqolweni yabanye/kwintende zezandla zabo, babe becacisa iintshukumo zezandla.
- Abafundi mabaziqhelanise nokubhala unobumba kwiincwadi zomsebenzi. (KNF amaphepha 31-33).
- Jikeleza uze uncedise. Qaphela indlela ababamba ngayo ipensile nendlela eme ngayo.

15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

Siyayithanda ikeyiki

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Fundela iklasi ibali elithi *Siyakwazi ukudanisa*, walathe amagama njengokuba uwabiza.
- Buza imibuzo **yoSuku loku-1** kwiphepha ngalinye.

Funda amagama oonotsheluzi: mna, kwam, ndiyakuthanda

- Phakamisa oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Fanisa oonotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

Phinda ufunde ibali kwakhona

NN

iph.
18-21

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOHLOLO OLUSISISEKO

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Abafundi mabasebenze ngamaqela amanye njengezolo.
- Cacisa ukuba iQela ngalinye lizakwenza amaphepha amabini alandelayo kwiNYY.

- Jonga ukuba iqela ngalinye liyakwazi ukuchonga amaphepha ekumele bawenze (jonga itheyibhile engezantsi)
- Cacisa imisebenzi ngaphambi kokuba baqale.

NY

iph.
57-64

30 imiz.

IQela loku-1	IQela lesi-2	IQela lesi-3	IQela lesi-4
SOW amaphepha 3 nele-4	SOW amaphepha 5 nele-6	SOW amaphepha 7 nelesi-8	SOW amaphepha 1 nelesi-2

Uhlolo olusisiSeko

- Qhubeka ubiza umfundi ngamnye ngexesha ubabizela uHlolo olusisiSeko.

Ukukorekisha: jonga kwiphepha 123
Amanqaku: 5



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.

Ukuzipholisa

- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ukuzoba iziqhamo okanye imifuno

- Gqibezela umzobo wekhrayoni wayizolo.
- Faka into enomtsalane ngemva komfanekiso.
- Bonisa ngomsebenzi wezobugcisa egumbini lokufundela.

Endaweni yesicwangciso sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isenza umsebezi okumaphepha encwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz.



LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

Irejista, ikhalenda, imozulu

- Sebenzisa irejista nekhallenda.
- Rekoda imozulu kwitshati yemozulu.

Linganisa umdlalo wegama

- NdinguTitshala uMaleza. Igama elithi Maleza liqala ngesandi uMMMMM.
- Ngubani igama lakho kwaye ngubani isandi osivayo ekuqaleni kwegama lakho?

Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi

Isandi esinye okanye esohlukileyo?

- Biza izandi ezimbini (umzekelo, uSSS noSSS, okanye uLLL noFFF)
- Abafundi mabaphakamise umnwe omnye ukuba izandi ziyafana, emibini ukuba bava izandi ezohlukileyo.
- Phinda ngezandi ezitsha.

15 imiz.

ULWAZI
OLUSISISEKO NEPN

Ukwabelana yinkathalo

- Jongisisa bonke abafundi emfanekisweni kwiNYY iphepha lama-52.
- Thetha ngento oyibonayo. Phendula le mibuzo:
 - Ucinga ukuba kwenzeka ntoni apha?
 - Ucinga ukuba kutheni umfundi omnye engenazinto zokutya?
 - Uziva njani xa ungenayo imali yokuthenga izinto ezimnandi ukuze wabelane nabahlobo bakho?
 - Yintoni into ebonakalisa ukukhathala onokuyenza kulemeko?
 - Kwenzeka ntoni ukuba umntu akafuni ukwabelana?
 - Zintoni izinto ezenziwa ngabahlobo xa bekhathalelana?

NYY
iph. 52
15 imiz.

IZANDI Ukuva amalungu egama asekgqibeleni

Utitshala makacule ngetshanti yengoma ekhethwe nguye

Ngubani isandi ekupheleni kwala magama, Ekupheleni kwala magama, ekupheleni kwala magama? Ngubani isandi ekupheleni kwalamagama: ubonile, ibhotile, iwile
Abafundi mabachonge baze batsha isandi. (/u-le/)
Utitshala makaphakamise ubhontsi phezulu aze acule:
/u-le/ sisandi ekupheleni kwala magama,
Ekupheleni kwala magama, ekupheleni kwala magama!
/u-le/ sisandi ekupheleni kwala magama: ubonile, ibhotile, iwile

15 imiz.

UKUBHALA
NGESANDLA

Ukomeleza izihlunu ezincinci

- Nika umfundi ngamnye iflaya yevenkile yokutya, isikere neglu.
- Abafundi mabasike izinto abangazithanda kwizikhafuthina zabo baze bazincamathisele kwiNYY.
- Khokela abafundi abasokolayo ukusebenzisa izikere uze ubanike amathuba amanzi okuziqhelanisa.

NYY
iph. 53
15 imiz.



UKUFUNDA NOTITSHALA (2) *Siyayithanda ikeyiki*

INcwadi eNkulu

- Fundela iklasi ibali elithi *Siyakwazi ukudanisa*, ukhombisa amagama njengokuba uwabiza.
- Buza imibuzo **yoSuku loku-1** kwiphepha ngalinye.

Funda amagama oonotsheluzi: **Mna, kwam, ndiyathanda**

- Phakamisa oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Fanisa oonotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
18-21
15 imiz.



UKUBHALA NOTITSHALA

I-oral

- Abafundi aba-3-5 mabanike izivakalisi ngezinto abathanda ukuzitya, "Ndiyathanda ..."

Utithala makabhale isivakalisi

- Bhala izivakalisi ezimbini zabafundi ebhodini.

Ndiyathanda ...

- Biza igama ngalinye njengokuba ulibhala.
- Thetha ngezandi nopelo, iziphumlisi kunye nezithuba phakathi kwamagama.

Fundani isivakalisi kunye

15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOHLOLO OLUSISISEKO

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Abafundi basebenza ngokwamaqela afanayo nayizolo.
- Cacisa ukuba iQela ngalinye lizakwenza amaphepha amabini alandelayo kwiNYY.

- Jonga ukuba iQela ngalinye liyakwazi ukuchonga amaphepha ekumele bawenze (jonga kwithegibhile engezantsi)
- Cacisa imisebenzi ngaphambi kokuba baqale.

NY
iph.
57-64
30 imiz.

IQela loku-1	IQela lesi-2	IQela lesi-3	IQela lesi-4
SOW amaphepha 5 nele-6	SOW amaphepha 7 nele-8	SOW amaphepha 1 nele-2	SOW amaphepha 3 nele-4

Uhlolo olusisiSeko

- Biza umfundi ngamnye ngexesha ubizela uHlolo olusisiSeko.

Ukukorekisha: jonga kwiphepha 123
Amanqaku: 5



EZEMITHAMBO *Izithishi zemisebenzi*

Ukulungiselela

- Khetha imisebenzi yeveki eyahlukileyo ibemine kwiphepha lama-21.
- Beka izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izithishi zomsebenzi

- Bonisa izixhobo uze ucacise indlela yokwenza umsebenzi kwisithishi ngasinye.
- Abafundi mabaziqhelanise nemisebenzi.

Ukuzipholisa

30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA *Abahlobo*

Fundisa ingoma yokufumana iqabane: *Kheth' omthandayo*

Funa amaqabane ahlukileyo

- Funa iqabane lelinye iQela.
- Funa iqabane lesini esahlukileyo.
- Funa iqabane elinegama elinesandi esifana nesakho.

Xelela iqabane lakho into ngawe

- Umxelele ukuba mingaphi iminyaka yakho.

- Umxelele into ogqwesa kuyo.
- Umxelele ukuba uhlala phi.
- Umxelele igama likamakhulu wakho.

Kheth' omthandayo

Xa simane sibakunye, sibakunye, sibakunye
Xa simane sibakunye, kulapho sonwaba kakhulu.
'Ngoba abahlobo bakho ngabahlobo bam,
Kwaye nabam abahlobo ngabahlobo bakho,
Xa simane sibakunye, kulapho sonwaba kakhulu

30 imiz.

LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

Irejista, ikhalenda, imozulu

- Sebenzisa irejista nekhalela kaBala.
- Rekoda imozulu kwitshati yemozulu.

Linganisa umdlalo wegama

- NdinguTitshala uMaleza. Igama elithi Maleza liqala ngesandi uMMMMM.
- Ngubani igama lakho kwaye ngubani isandi osivayo ekuqaleni kwegama lakho?

Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi

Isandi esinye okanye esohlukileyo?

- Biza izandi ezimbini (umzekelo, uSSS noSSS, okanye uLLL noFFF)
- Abafundi mabaphakamise umnwe omnye ukuba izandi ziyafana, emibini ukuba bava izandi ezohlukileyo.
- Phinda ngezandi ezitsha.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Linganisa isicengcelezo

15 imiz.

Abahlobo

Xa simane sibakunye, sibakunye, sibakunye
Xa simane sibakunye, kulapho sonwaba kakhulu.
'Ngoba abahlobo bakho ngabahlobo bam,
Kwaye nabam abahlobo ngabahlobo bakho,
Xa simane sibakunye, kulapho sonwaba kakhulu



IZANDI

Amagama emfihlelo

15 imiz.

- Udinga ikawusi yokwenza iphaphethi nebhegi yezinto/imifanekiso..
- Iphaphethi mayijonge ebhegini ize atsho igama elahluleke langamalungu egama okanye izandi, (i) ndlu)
- Abafundi mabazame ukubiza okutshiwo yiphaphethi.
- Emva koko iphaphethi mayibonise ikhosi into.
- Emva kwexesha, biza abafundi bazokunxiba iphaphethi baze babize igama ngamalungu egama.

UKUBHALA
NGESANDLAUkuziqhelanise nokubhala
igama lakho
 NYY
iph. 54
15 imiz.

- Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye unethegi yokubhala igama edesikeni yakhe ukuze akhuphele xa kunyanzelekile.
- Abafundi mababhale amagama wabo kumfanekiso wezinto zabo.



UKUFUNDA NOTITSHALA (3)

Siyayithanda ikeyiki

 NN
iph. 18-21
15 imiz.

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Fundela ikhosi ibali elithi *Siyayithanda ikeyiki*.
- Buza imibuzo **yoSuku lwesi-3** kwiphepha lama-21.
- Phindani nifunde ibali nekhosi.

Hlaziya amagama oonotsheluzi: **ikhaya, ibhotwe, ukumbombozela, enomsindo, ngesaquphe**

- Phakamisa oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Fanisa oonotsheluzi kwigama elikwiNcwadi eNkulu.
- Beka oonotsheluzi eDongeni lwamaGama.





UKUBHALA WEDWA Ndiyathanda ...

Yenza iphepha lama-55 kwiNYY

- Bonisa isiqalo sesivakalisi esithi “Ndiyathanda...” ebhodini.
- Abafundi mabazobe into abathanda ukuyitya.
- Mababhale isihloko kumzobo, baqale ngo “Ndiyathanda...”
- Bakhuthaze bazame ukubhala.

NYN
iph. 55
15 imiz.

Umhla _____

Zaba ukutya othanda ukutya. Bhala isivakalisi.

Igama: _____

Lwesine 55



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOHLOLO OLUSISISEKO

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Abafundi mabase ngamaqela amanye njenga yizolo.
- Cacisa ukuba iqela ngalinye liza kwenza amaphepha amabini alandelayo kwiNYY.

- Jonga ukuba iqela ngalinye liyakwazi ukuchonga amaphepha ekumele bawenze (jonga itheyibhile engezantsi)
- Cacisa imisebenzi ngaphambi kokuba baqale.

NYN
iph. 57-64
30 imiz.

IQela loku-1	IQela lesi-2	IQela lesi-3	IQela lesi-4
SOW amaphepha 7 nelesi-8	SOW amaphepha 1 nele-2	SOW amaphepha 3 nele-4	SOW amaphepha 5 nele-6

Uhlolo olusisiSeko

- Qhubekela ubiza umfundi ngamnye ngexesha ubabizela uhlolo olusisiSeko.

Ukukorekisha: jonga kwiphepha 123
Amanqaku: 5



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA Ungaqashela ukuba yintoni endiyilinganisayo?

Zilungiseleleni njengamaqela ama-5

- Khethani into enye eninayo efanayo.
- Thethani ngendlela eningalinganisa ngayo oku. Anivumelekanga ukuba niyibize ngokuvakalayo.
- Ziqhelanise.

Linganisa

- Iklasi mayibukele ize izame ukuqikelela ukuba yintoni ethandwa kakhulu liQela.

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo sokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isebenza kwiphepha lencwadi yomsebenzi yakwaDBE.

30 imiz.



LWESIHLANU



INTLANGANISO YAKUSASA

Iindaba

Ukuzilungiselela

- Hlaziya isakhelo *Iindaba zam.*
- Nika iklasi isihloko seendaba emabazibalise (*umhlobo, isilo-qabane, umdlalo owakhe wawubukela okanye wawudlala*)

Cinga

- Zintoni iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihloko.

Ngababini

- Ngababini baliselanani iindaba zenu, nisebenzisa iruthini yokusebenza ngababini.

Yabelanani

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



IZANDI


Fakela izandi ezishiyiweyo

Niyiklasi

- Jongani imifanekiso yonke.
- Bizani amagama nize nichonge ngokuvakalayo izandi ezishiyiweyo.

Ngokwakho

- Bhala emigceni izandi ezishiyiweyo.

 NYY
iph. 56
15 imiz.


UKUBHALA WEDWA

Yabelana ngombhalo wakho

Ngababini

- Bonisanani ngemifanekiso yenu nize nithethe ngayo.
- Buza imibuzo ngokubonayo.
- Mamela iqabane lakho. Funda igama labo.

Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi

 NYY
iph. 55
15 imiz.
UMSEBENZI
OWENZA WEDWA

Lungiselela ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala

Ukuzilungiselela

- Sebenzisa iziphumo zoHloko olusisiSeko ukubeka iklasi ngamaqela ama-5 anezidingo ezifanayo.
- Yenza ipowusta enamagama abafundi kwiqela ngalinye.
- Iqela ngalinye malisebenze notitshala imizuzu emi-15 kabini ngeveki. Bhala iintsuku zeqela ngalinye epowusteni.

Yazisa amaqela okuFQNT

- Cacisa ukuba ukusuka kwiveki ezayo, iqela elincinci liza kusebenza notitshala rhoqo, logama abanye baza kube besenza umSebenzi Owenza Wedwa.

- Bonisa ipowusta yamaqela okuFQNT. Qinisekisa ukuba amaqela ayazazi iintsuku zabo zokuFQNT.
- Yeka iqela ngalinye likhethe umkhokeli wokubanceda baze emethini.
- Iqela ngalinye maliziqhelanise nokuza emethini lize libuyele ezidesikeni zabo.



15 imiz.



UKUJONGA UNIKE INGXELO

15 min

Phinda uqwalasele iveki

- Zintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kunyanzelekile.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

15 min

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Endaweni yesicwangciso, sebenzisa isifundo ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklassi isenza umsebenzi okumaphepha encwadi yomsebenzi yakwaDBE.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndimphendulile umfundi**
- **ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi kumaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa beebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklassi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI

Mna nabahlobo
bam

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

nceda

abahlobo

inkulu

incinci

ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT)
NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: UmXholo wePrinti – iseshoni enye yemizuzu emi-30 kwiqela ngalinye; SOW: amaphepha asi-8

	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
Iqela A	FQNT notitshala		SOW woku-1	SOW wesi-2	SOW wesi-3	SOW wesi-4	SOW wesi-5	SOW wesi-6	SOW wesi-7	SOW wesi-8
Iqela B	SOW woku-1	SOW wesi-2	FQNT notitshala		SOW wesi-3	SOW wesi-4	SOW wesi-5	SOW wesi-6	SOW wesi-7	SOW wesi-8
Iqela C	SOW woku-1	SOW wesi-2	SOW wesi-3	SOW wesi-4	FQNT notitshala		SOW wesi-5	SOW wesi-6	SOW wesi-7	SOW wesi-8
Iqela D	SOW woku-1	SOW wesi-2	SOW wesi-3	SOW wesi-4	SOW wesi-5	SOW wesi-6	FQNT notitshala		SOW wesi-7	SOW wesi-8
Iqela E	SOW woku-1	SOW wesi-2	SOW wesi-3	SOW wesi-4	SOW wesi-5	SOW wesi-6	SOW wesi-7	SOW wesi-8	FQNT notitshala	

UHLOLO

Iinkcukacha zomsebenzi neerubhrikhi zingasemva kule ncwadi.

Lwesibini–Lwesine	ULwazi olusiSiseko 1: Imozulu yemihla ngemihla	I-oral, eyenziwayo	Itshekhlisti iph. 129
Mvulo–Lwesihlanu	ULwazi olusiSiseko 2: Okwenziwa rhoqo egumbini lokufundela	Eyenziwayo	Itshekhlisti iph. 129
Mvulo–Lwesihlanu	UkuPhulaphula nokuThetha 1: Amava wakho	I-oral oyenza wedwa (hlola i- $\frac{1}{6}$ yeklassi kule veki)	Irubhrikhi iph. 125
Mvulo–Lwesihlanu	UkuPhulaphula nokuThetha 2: Linganisa ingoma okanye umbongo	Umsebenzi weqelwa owenziwayo (hlola i- $\frac{1}{6}$ yeklassi kule veki)	Irubhrikhi iph. 125
Mvulo	EzobuGcisa obuBonwayo 1: Umfanekiso	Wedwa	Irubhrikhi iph. 129
Lwesine	EzibuGcisa beQonga 1: Umdaniso weegambutsi	Ngamaqela	Irubhrikhi iph. 129

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- iphepha
- ipeyinti
- izipili eziphathwayo
- izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemithambo

Ibali elifundwa ngokuvakalayo

- UNgonyama noMpuku

Linganisa


- UNgonyama noMpuku

Ingoma

- UHlolo loku-1
lokuPhulaphula
nokuThetha (amava akho):
i- $\frac{1}{6}$ yeklasi



UNgonyama noMpuku



Ngaminazana ithile, uNgonyama wayehamba engceni.
Wayonwabile, ehluthi kuba wayegqiba kutya isidlo sakhe sasemini.
Kwakunethile kwaye kwakun**amadibi** endleleni. ○

Ngesiqophe wabona impukwana isokola kwidibi lamanzi anodaka.
UMpuku wayekhwazela ezantsi, "Ndincedeni. Ndincedeni. Ndiyacela,
ndincedeni! Ndiyarhaxwa!"

Wema uNgonyama waze wabeka ezo mpuphu zakhe zinkulu edibini.
UMpuku wabambelela kwezo **mpuphu** zinkulu zikaNgonyama ○
ngempuphu zakhe ezincinci waze waphuma emanzini. UNgonyama
wabeka uMpuku phantsi ngobunono.

UMpuku wayemanzi toxo kwaye eqhaqhazela. "Enkosi
ngokundihlangula, Ngonyama," watsho. "Ebenzulu kakhulu amanzi.
Mhlawumbi nam ndakukunceda ngenye imini."

Wahleka uNgonyama. "Wamkelekile, Mpuku. Kodwa umncinci
kakhulu kwaye ubhetyebhetye ukuba unganceda."



ISIGAMA

amadibi: amadama amanzi
angekhonzulu

mpuphu: izandla
zezilwanyana

Kwiveki elandelayo, abazingeli bafika neminatha emikhulu yokubambisa izilwanyana zasendle. UNgonyama wabambeka komnye weminatha. Wasokola wasokola kodwa zange akwazi ukuzikhulula. Wayesazi ukuba abazingeli bangam**thiyisela** baze bamse kumyezo wezilwanyana. UNgonyama wagquma kakhulu, “Ndincedeni. Ndincedeni. Ndiyacela ndincedeni! Ndibambeke emnatheni.”

UMpuku wamva uNgonyama waze waleqa kuye. Ngamazinyo wakhe amancinci abukhali, uMpuku waqalisa ukuluma iintambo zomnatha. Kungekudala, uNgonyama wakwazi ukuzikhulula.

Wayonwabile uNgonyama. “Enkosi, Mpuku. Bendingakwazi ukuzikhulula undihlangule.”

Ukusukela ngaloo mini, uNgonyama noMpuku babangabahlobo abakhulu.

Jonga isicwangciso sesifundo semibuzo kwiphepha lama-50.

thiyisela: ukubambisela into uyivalele ngenkani





Ukulungiselela

- Hlaziya isakhelo see*Ndaba Zam* esingasemva kwiqweqwe leNYY kunye neklasi.
- Nika abafundi isihloko seendaba esinje ngomhlobo, umakhulu/utatomkhlu, umsebenzi, iQela labo abalithandayo lezemidlalo njalo njalo.

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo?

- Sebenzisa isakhelo see*Ndaba Zam* ukuxelela iqabane lakho.

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.



UNgonyama noMpuku

15 imiz.

- Sixelele ngexesha owawucinga ukuba umncinci ukwenza into kodwa waphumelela.

- Sebenzisa amazwi kaNgonyama noMpuku
- Sukuphazamisa ukufunda ucacisa okanye ubuze imibuzo. Injongo kukuba abafundi bave ubuka ukufunda ngokuchanekileyo kuvakala njani kwaye balonwabele ibali.

- Vumela abafundi bathethe ngebali, bachaze abakonwabeleyo okanye intandabuzo.
- Cacisa isigama esifakwe umbala
- Ukuba unalo ixesha, xoxani ngale mibuzo:
 - UNgonyama umncede njani uMpuku?
 - UMpuku umncede njani uNgonyama?
 - Kwenzeke ntoni emva kokuba bencedene?



NYU letl 8

30 mets

- Emetheni, abafundi mabajonge imephu baze baphendule imibuzo:
 - Yintoni unobangela wemephu?
 - Ngawaphi amagama ekumele uwaqonde ukuze ulandele imephu ngokuchanekileyo (*ekhohlo ekunene, ngqo, jika, qhubeka*)
 - Yintoni isakhiwo esijongene noSPCA?
 - Ikwesiphi isitalato indawo yokungena kwibala lokonwaba (epakini)?
- Nika uVusi izalathisi eziya kuloSipho.
- Qinisekisa ukuba abafundi bayakwazi ekunene nasekhohlo.
- Fundela iklasi imiyalelo ekwiNcwadi eNkulu kwiphepha lama-22.
- Abafundi mabalandele imiyalelo behambisa umnwe emephini.

- Nika abafundi
 - uluhlulwemiyalelo emabayilande, umzekelo, phakamisa isandla sakho sasekunene, jika ujonge ngasekhohlo, bamba impumlo yakho njl.
- Phinda, unika imiyalelo emibini ngexesha.
- Phinda, unika imiyalelo emithathu ngexesha.



- Mamela isandi esitsha uze usibize. Qaphela imilo eyenziwa ngumlomo wakho
- Ligama likabani eliqala ngesi sandi? Ligama likabani elinesandi?
- Jonga indlela iqama elibhalwe ngayo.

- Gxila kwigama elingundoqo kumqolo ophezulu. Fundisa isenzo ukunceda abafundi badibanise igama elingundoqo kunye nesandi.
- Funda uze uxoxe ngamanye amagama anolo nobumba.
- Abafundi banganika amanye amagama anolo nobumba.

**NY Y
iph. 70
15 imiz.**

- Sebenzisa ulwazi olumalunga nokuma konobumba (KNF amaphepha 34-36).
- Abafundi mabazobe unobumba ngeminwe baze bazobe ngepensile, beqala kwichaphaza
- eliluhlaza.



- Fakani isangqa kunobumba wanamhlanje okwisivakalisi.




UKUBHALA NGESANDLA **Iintshukumo ezinkulu**

- Culani okanye udlale ingoma engonobumba.
- Abafundi mabasebenzise iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukileyo (KNF amaphepha 31-33).
- Ncedisa abafundi bachaze iintshukumo zabo njengokuba besenza oku.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Ngaphandle kokuba banomsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (jonga itheyibhile kwiphepha lama-52).
- Jonga ukuba abafundi bayayazi into emabayenze kumaphepha omsebenzi owenza wedwa.
- Xa iklasi izolile, bizela iQela A emethini lizokwenza umSebenzi wamaQela.

NY
iph.
73-80
30 imiz.



FQNT **ImiXholo yePrinti (iQela A)**

IQela A emethini, neeNY

- IQela A malikhangele ibali elithi *UNgonyama noMpuku*.
- Fundani ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi mabahambise iminwe ngezantsi kwegama njengokuba ufunda.

Buza imibuzo yemiXholo yePrinti

- Sebenzisa iitshekhlisti zemiXholo yePrinti (jonga kwiNT iph. 126) ukubuzo imibuzo ngolandelelwano.
- Korekisha izakhono abasebezifundile abafundi.
- Fundisa izakhono abasokolayo kuzo.
- Rekhoda inkqubela yeqela.

NY
iph.
65-68
30 imiz.

NT
iph. 124

UWVANYO			
IMIXHOLU YETSHUKUMI YEPRINTI (I-QELA A)			
I-ABAFUNDI ABASEBENZISE (I-ABAFUNDI ABASEBENZISE)			
Abafundi	Abafundi	Abafundi	Abafundi
1	2	3	4
5	6	7	8
9	10	11	12
13	14	15	16
17	18	19	20
21	22	23	24
25	26	27	28
29	30	31	32
33	34	35	36
37	38	39	40
41	42	43	44
45	46	47	48
49	50	51	52
53	54	55	56
57	58	59	60
61	62	63	64
65	66	67	68
69	70	71	72
73	74	75	76
77	78	79	80
81	82	83	84
85	86	87	88
89	90	91	92
93	94	95	96
97	98	99	100



EZEMITHAMBO **Izitishi zemisebenzi**

Ukulungiselela

- Khetha imisebenzi yeveki emine eyahlukileyo kwiphepha lama-21.
- Beka ngendlela izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa abafundi izixhobo uze uchaze indlela yokwenza umsebenzi kwisitishi ngasinye.
- Abafundi mabaziqhelanise nemisebenzi.

- Ukuba nisenalo ixesha, mabadlale umdlalo onjengocekeka, urova obomvu okanye undize.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesi sifundo yenza ukuFunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala. Nikeza amaphepha encwadi yomsebenzi yakwaDBE kubafundi abazisebenzelayo..

30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO UHLOLO 1 **Umfanekiso**

- Gqithisa amaphepha nepeyinti kunye nezipili eziphathwayo ukuba unazo.
- Abafundi mabazobe imifanekiso yabo (intloko namagxa) okanye eyomhlobo.
- Gxila ekuboniseni iimpawu zobuso ngokucacileyo.

30 imiz.



Ukukorekisha: jonga kwiphepha 129
Amanqaku: 5

LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

Irejista, ikhalenda, imozulu

- Sebenzisa irejista nekhhalenda.
- Rekoda imozulu kwitshati yemozulu.

Linganisa umdlalo wegama

- NdinguTitshala uMaleza. Igama elithi Maleza liqala ngesandi uMMMM.
- Ngubani igama lakho kwaye ngubani isandi osivayo ekuqaleni kwegama lakho?

Dlala umdlalo wegama nabanye abafundi

Isandi esinye okanye esahlukileyo?

- Biza izandi ezimbini (umzekelo, uSSS noSSS, okanye uLLL noFFF)
- Abafundi mabaphakamise umnwe omnye ukuba izandi ziyafana, emibini ukuba beva izandi ezahlukileyo.
- Phinda ngezandi ezitsha.

15 imiz.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA **Linganisa**

- Khuphela ikhali phandle.
- Yenza izibini. Omnye nguNgonyama, omnye nguMpuku.
- Abafundi mabalinganise ibali ngemizuzu emi-5.
- Khetha isibini esinye silinganisele ikhali ibali.

15 imiz.

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN **Ukunika imiyalelo**

- Abafundi benza izibini. Isibini ngasinye sidinga imibala emi-5 eyahlukileyo yeekhrayoni.
- Nikunye bekani iikhrayoni nangayiphi na indlela.
- Khumbula indlela ebezingayo. Uze uxube iikhrayoni kwakhona.
- IQabane A liyacimela. IQabane B linika imiyalelo lize lixelele IQabane A indlela yokumisa iikhrayoni ngendlela eyiyo.
- Sebenzisa amagama athi ekhohlo, ekunene, phezulu naphantsi.
- Mabatshintshane iindima.

15 imiz.

IZANDI **Ukuphulaphula nokutshatisa**

Hlaziya onoobumba

- Sebenzisa onootsheluzo okanye itshathi ye-alfabhethi ukubonisa onoobumba abafundisiweyo ukuza kuthi ga ngoku.
- Ikhali yonke nangabanye nifunda onoobumba.


Umdlalo webhokisi yeposi

- Lungisa ibhokisi okanye ibhokisi yeposi yonobumba ngamnye ofundisiweyo. Ncamathisela ikhadi likanobumba ngaphandle.
- Nika umfundi ngamnye ikhadi lomfanekiso (KNF amaphepha 53-59) okanye into enesandi esifundisiweyo.
- Bancedise babize umfanekiso baze babize isandi esiqalayo.
- Mabafake ikhadi kwibhokisi efanayo.

KNF
iph.
53-59
15 imiz.UKUBHALA
NGESANDLA **Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi**

- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundisiweyo emoyeni/phantsi, kwizinto ezahlukeneyo (KNF amaphepha 31-33).
- Abafundi baziqhelanisa nokubhala unobumba kwiincwadi zomsebenzi.
- Jikeleza uze uncedise. Qaphela indlela ababamba ngayo ipensile nendlela abahleli ngayo.

15 imiz.





UKUFUNDA NOTITSHALA (1) *UNgonyama noMpuku*

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Fundela abafundi ibali lonke, wandule ukulifunda kunye nabo. Yalatha amagama njengokuba uwafunda.
- Buza imibuzo **yoSuku loku-1** kwiphepha ngalinye leNcwadi eNkulu ujonge ukuqondwa kwebali nemifanekiso.

Funda amagama onootsheluzi: **nceda, abahlobo, enkulu, encinci**

- Phakamisa onotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa onotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

Phinda ufunde ibali kwakhona.


NN
iph.
23-26
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi bagqibezela amaphepha amabini omSebenzi Owenza Wedwa namhlanje ngaphandle kokuba banomsebenzi woFQNT (jonga itheyibhile ekwiphepha lama-52).
- Qwalasela ukuba abafundi bayakwazi emabakwenze kumaphepha oSOW.
- Xa ikhosi izolile, bizela iQela B emethini lizokwenza uSOW.

NY
iph.
73-80
30 imiz.



FQNT *ImiXholo yePrinti (iQela B)*

IQela B emethini, neeNY

- Abafundi mabafune ibali elithi *UNgonyama noMpuku*.
- Fundani ibali ngokuvakalayo kunye.
- Ababufundi mabahambise iminwe ezantsi kwamagama njengokuba ufunda.

Buza imibuzo yemiXholo yePrinti

- Sebenzisa iitshekhlisti zemiXholo yePrinti (jonga kwiNT iph. 126) ubuze imibuzo ngolandeletlwano.

- Korekisha izakhono abasele bezifundile abafundi.
- Fundisa izakhono abasasokolayo kuzo.
- Rekhoda inkqubela yamaqela.

Ukuba awunaxesha laneleyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Nikeza amaphepha eencwadi zomsebenzi zakwaDBE kubafundi abazisebenzelayo.

NY
iph.
65-68
30 imiz.

NT
iph. 124



EZEMITHAMBO *Izithishi zemisebenzi*

Ukuzifudumeza

Izithishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisithishi somsebenzi.
- Abafundi benza umsebenzi.
- Qwalasela uze ucebise.

Ukuzipholisa

30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Bhala iipatheni

- Abafundi basebenzisa ikhrayoni emnyama okanye ipeni ukubhala iipatheni. Kubonise oku ebhodini.
- Mabafake umbala kwiimilo ngekhayoni okanye ipeyinti.
- Phinda ubhale phezu kwemigca emnyama kwakhona.
- Bonisa ngomsebenzi wezobugcisa.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Nikeza amaphepha eencwadi zomsebenzi zakwaDBE kubafundi abazisebenzelayo.

30 imiz.



LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

Irejista, ikhalenda, imozulu

- Sebenzisa irejista nekhallenda.
- Rekoda imozulu kwitshati yemozulu.

Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi

- Ngubani igama lakho kwaye ngubani isandi osivayo ekuqaleni kwegama lakho?

Isandi esinye okanye esohlukileyo?

- Biza izandi ezimbini (umzekelo, uSSS noSSS, okanye uLLL noFFF)
- Abafundi mabaphakamise umnwe omnye ukuba izandi ziyafana, emibini ukuba beva izandi ezohlukileyo.
- Phinda ngezandi ezitsha.



ULWAZI

OLUSISISEKO NEPN

Ukunceda abanye

Jongani kunye iphepha leNYY

- Nicinga ukuba kwenzeka ntoni emfanekisweni?

Xoxani

- Wakhe wanceda umntu? Kwenzeka ntoni?
- Waziva njani emva kokuba umncedile?
- Wena wakhe wancedwa? Njani?
- Waziva njani? Ngoba?
- Kutheni kubalulekile ukuncedana?

 NYY
iph. 71
15 imiz.


Lwesithathu 71



IZANDI

Ukuva izikhamiso

15 imiz.


- Bonisa amakhadi onoobumba bezikhamiso ezifundisiweyo ukuza kuthi ga ngoku. Abafundi mababize isandi.
- Biza amagama amathathu anesandi (uluhlu lusecaleni). Abafundi mabachonge isandi nonobumba.
- Phinda, namaqela kwakunye nabafundi ngabanye.

 i-apile
i-emele
i-inki
UKUBHALA
NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi baziqhelanisa nokubhala zonke izikhamiso abazifundisiweyo kwiincwadi zomsebenzi (KNF amaphepha 31-33).
- Jikeleza uze uncedise abafundi. Qaphela indlela ababamba ngayo ipensile, indlela abahleli ngayo kwakunye nendlela abenza ngayo unobumba.



UKUFUNDA NOTITSHALA (2)

UNgonyama noMpuku

 NN
iph.
23-26
15 imiz.

Funda kwiNcwadi eNkulu

- Funda ibali elithi UNgonyama noMpuku kunye neklasi. Yalatha amagama njengokuba uwabiza.
- Buza imibuzo yoSuku lwesi-2 kwiphepha ngalinye.
- Qhubeka ufundise ImiXholo yePrinti
- Fundisa amagama amabini avela rhoqo: kwaye nokunye.
- Phindani nifunde ibali kwakhona niyiklasi.

Chonga onoobumba abasele befundisiwe

- Abafundi mabalathe onoobumba abasebefundisiwe ukuza kuthi ga ngoku.

Hlaziya amagama onootsheluzi: nceda, abahlobo, enkulu, encinci

- Phakamisa onootsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa onootsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

UNgonyama noMpuku



UNgonyama noMpuku.

23



UKUBHALA NOTITSHALA

Ukulandelelana kwebali

15 imiz.

Chonga ulandelelwano kwibali elithi UNgonyama noMpuku

- Thetha ngento eyenzeke kuqala/eyesibini kwibali elithi UNgonyama noMpuku?
- Liphele njani ibali?

Bhala izivakalisi ezithathu ebhodini, usenza iimpazamo.

- Ungonyama uncede uMpuku.
- Umpuku uncede ungonyama. (kungabikho nobumba omkhulu kungonyama)
- UNgonyama noMpuku babangabahlobo abakhulu (kungabikho singxi)

Funda izivakalisi uze ulungise iimpazamo

- Yintoni engachanekanga? Yintoni eshiyiweyo? (ngunobumba omkhulu kwigama likaNgonyama; isingxi kwisivakalisi sokugqibela)

UNgonyama wanceda uMpuku. UMpuku wanceda uNgonyama. UNgonyama noMpuku baba ____



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi mabagqibezele amaphepha amabini omSebenzi Owenza Wedwa namhlanje ngaphandleni kokuba banomsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (jonga itheyibhile kwiphepha lama-52).
- Jonga ukuba abafundi bayayazi into emabayenze kumaphepha omsebenzi owenza wedwa.
- Xa ikhosi izolile, bizela iQela C emethini lizokwenza umSebenzi wamaQela.

NYN
iph.
73-80
30 imiz.



FQNT ImiXholo yePrinti (iQela C)

IQela C emethini, neeNYN

- IQela C lifumana ibali elithi UNgonyama noMpuku.
- Fundani ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bahambisa iminwe ngezantsi kwamagama njengokuba ufunda.

Buza imibuzo yemiXholo yePrinti

- Sebenzisa iitshekhlisti yemiXholo yePrinti (jonga kwiNT iph. 126) ukubuzwa imibuzo ngolandelelwano.
- Korekisha izakhono abasele bezifundile abafundi.
- Fundisa izakhono abasasokolayo kuzo.
- Rekhoda inkqubela yeqela.

NYN
iph.
65-68
30 imiz.

NT
iph. 124

UMSEBENZI			
IMIBUZO YETHEKHELISTI YEMIXHOLU YEPRINTI (I-QELA C)			
Imibuzo	Isibonisi	Isibonisi	Isibonisi
1. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
2. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
3. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
4. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
5. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
6. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
7. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
8. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
9. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
10. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
11. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
12. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
13. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
14. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
15. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			
16. Unqongoliso lwe-... (ngokuvakalayo)			



EZEMITHAMBO

Izithishi zemisebenzi

30 imiz.

Ukuzifudumeza

Izithishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwizithishi zomsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Kwisiwanganciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Nikeza amaphepha encwadi yomsebenzi yakwaDBE kubafundi abazisebenzelayo.



EZOBUGCISA BEQONGA

Umdaniso weegambhutsi

30 imiz.

Yenza ulandelelwano lweklasi lomdaniso weegambhutsi

- Sebenzisa amagama athi ekhohlo nasekunene.
 - Qhwaba uze ungqishe ngonyawo lwasekunene.
 - Qhwaba uze ungqishe ngonyawo lwasekhohlo.
 - Qhwaba uze ungqishe ngonyawo lwasekhohlo.

- Jika wonke.
- Qhwaba uze ngaphambili.

Ngamaqela amancinci, abafundi benza eyabo imidaniso

- Mabaziqhelanise.
- Cela amavolontiya abonise ikhosi.
- Amaqela aza kulinganisa kuhlolo lwangomso.

LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

Irejista, ikhalenda, imozulu

- Sebenzisa irejista nekhalela.
- Rekoda imozulu kwitshati yemozulu.

Kunye nabanye abafundi

- Ngubani igama lakho kwaye ngubani isandi osivayo ekuqaleni kwegama lakho?

Isandi esinye okanye esohlukileyo?

- Biza izandi ezimbini (umzekelo, uSSS noSSS, okanye uLLL noFFF)
- Abafundi mabaphakamise umnwe omnye ukuba izandi ziyafana, emibini ukuba bava izandi ezahlukileyo.
- Phinda ngezandi ezitsha.

15 imiz.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Linganisa isicengcelezo

15 imiz.

- Yenza isicengcelezo uze wenze neentshukumo.
- Abafundi mabangenelele xa bekwazi ngetyeli lesibini.
- Makuqale amantombazana, emva koko kwenze amakhwenkwe.

Letshe letshe letshe

Letshe letshe letshe,
Impuku yabaleka ewotshini.
Yabetha kwisinye iwotshi,
Yabaleka yaya ezantsi impuku.
Letshe, letshe, letshe!



IZANDI

Amagama emfihlelo

15 imiz.

- Yenza oku neklasi yonke uze wenze nomfundi ngamnye.
- Biza igama, umzekelo, tata, uze ubuze imibuzo ngalo:
 - Ngubani isandi sokuqala egameni? (t)
 - Ukuba ndicima isandi sokuqala egameni, ndifumana ntoni? (ata)
 - Ukuba nditshintsha isandi sokuqala ibengu "r", ngubani igama endilenzileyo? (rata)
- Masizameni ngomama.
- Khumbula, akunyanzelekanga ibeligama eliyinyani emva kokucima okanye utshintshe izandi zokuqala.

UKUBHALA
NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi benza iintshukumo ezinkulu ukwakha unobumba ofundiweyo emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukeneyo (KNF amaphepha 31-33).
- Abafundi baziqhelanisa nokubhala unobumba kwiincwadi zomsebenzi.
- Jikeleza uze uncedise abafundi. Qaphela indlela ababamba ngayo ipensile, indlela abahlala ngayo kwakunye nendlela ame ngayo unobumba.



UKUFUNDA NOTITSHALA (3)

UNgonyama noMpuku

NN
iph.
23-26

15 imiz.

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Funda ibali kunye neklasi. Yalatha amagama njengokuba uwabiza.
- Buza imibuzo **yoSuku lwesi-3** kwiphepha ngalinye.
- Phindani nifunde ibali neklasi.

Hlaziya amagama onootsheluzi: **nceda, abahlobo, inkulu, incinci**

- Phakamisa onootsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa onootsheluzi kwigama elikwiNcwadi eNkulu.
- Beka onootsheluzi kuDonga lwamaGama.

UNgonyama noMpuku



UNgonyama noMpuku.

23



UKUBHALA WEDWA

Khuphela isivakalisi

Fundani kunye izivakalisi

- UNgonyama wanceda uMpuku.
- UMpuku wancede uNgonyama.

Zoba umfanekiso

- Zoba esinye sezi zivakalisi.

Khuphela isivakalisi

- Khuphela isivakalisi esifana nomzobo wakho.

NY
iph. 72
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi mabagqibezele amaphepha amabini omSebenzi Owenza Wedwa namhlanje ngaphandle kokuba banomsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (jonga itheyibhile ekwiphepha lama-52).
- Jonga ukuba abafundi bayayazi na into emabayenze kumaphepha oSOW.
- Xa iklasi izolile, biza iQela D ukuba lizokwenza uSOW emethini.

NY
iph. 73-80
30 imiz.



FQNT ImiXholo yePrinti (iQela D)

IQela D emethini, neeNY

- IQela D malifune ibali elithi UNgonyama noMpuku.
- Fundani ngokuvakalayo ibali nikunye.
- Abafundi mabahambise iminwe ngezantsi kwamagama njengokuba ufunda.

Buza imibuzo yemiXholo yePrinti

- Sebenzisa iitshekhlisti zemiXholo yePrinti (jonga kwiNT iph. 126) ukubuza imibuzo ngolandeelwano.
- Korekisha izakhono abazifundileyo abafundi.
- Fundisa izakhono abasokolayo kuzo.
- Bhala inkqubela yabafundi.

NY
iph. 65-68
30 imiz.

NT
iph. 124



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

30 imiz.



UHLOLO LOKU-1

LWEZOBUGCISA BEQONGA

Umdaniso weegambhutsi

- Abafundi mabaphinde ulandelelwano lomdaniso weegambhutsi ebebenenze izolo. Iqela ngalinye malilinganisele iklasi umdaniso walo.

Ukukorekisha: jonga kwiphepha 124
Amanaku: 5

15 imiz.



LWESIHLANU



INTLANGANISO YAKUSASA **Iindaba**

Ukulungiselela

- Hlaziya isakhelo *seeNdaba Zam* esikwiqweqwe elingasemva leNYY kunye neklasi.
- Nika abafundi isihloko seendaba esinjongomhlobo, umakhulu/ utatomkhulu, umsebenzi, iqela labo lezemidlalo abalithandayo njalonzalo.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihloko?

Ngababini

- Sebenzisa isakhelo *seeNdaba Zam* ukubalisela iqabane lakho.

Yabelanani

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.



IZANDI **Funa unobumba wakho**

Ukulungiselela

- Yenzela umfundi ngamnye ikhadi likanobumba usebenzisa izandi osele uzazisile.
- Unganamakhadi amaninzi onobumba omnye.

Dlala

- Abafundi mabeme kwisangqa. Nika umfundi ngamnye ikhadi likanobumba. Kufuneka bajonge ikhadi labo baze balibeke esifubeni ukuze lingabonwa ngumntu.
- Xa utitshala esithi "Hamba", abafundi bayazula besenza isandi sikanobumba wabo kodwa befihle ikhadi labo.
- Abafundi mabafune abanye abenza isandi esifanayo nesabo baze beme kunye.
- Jonga ukuba bonke abafundi abeme kunye banekhadi likanobumba omnye.
- Benze bakunike igama eliqala ngesandi sabo.

15 imiz.



UKUBHALA WEDWA **Yabelana ngombhalo wakho**

- Cela amavolontiya ukuba abonise ngemizobo yabo baze bafundele iklasi izivakalisi zabo.
- Bancome uze ubakhuthaze njengababhali nabazobi.

NY
iph. 72
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi mabagqibezele amaphepha amabini omSebenzi Owenza Wedwa namhlanje ngaphandle kokuba banomsebenzi woFQNT (jonga itheyibhile kwiphepha lama-52).
- Jonga ukuba abafundi bayayazi na into emabayenze kumaphepha oSOW.
- Xa iklasi izolile, bizela iQela E emethini lizokwenza umsebenzi woFQNT.

NY
iph. 73-80
30 imiz.





FQNT ImiXholo yePrinti (iQela E)

IQela E emethini, neeNYY

- IQela E malikhangele ibali elithi *UNgonyama noMpuku*.
- Fundani ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi mabahambise iminwe ngezantsi kwamagama njengokuba ufunda.

Buza imibuzo yemiXholo yePrinti

- Sebenzisa iitshekhlisti zemiXholo yePrinti (jonga kwiNT iph. 126) ukubuza imibuzo ngolandelwano.
- Korekisha izakhono abazifundileyo abafundi.
- Fundisa izakhono abasasokolayo kuzo.
- Rekhoda inkqubela yabafundi.

NYN
iph.
65-68

30 imiz.

NT
iph. 124

UNYANYO				
IMINDELO YETSHAKHLESTI YEPRINTI (IYANI YE-6 NEYE-8)				
Iqela E				
Abafundi abazifundileyo ngokuvakalayo				
1	2	3	4	5
1. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
2. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
3. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
4. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
5. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
6. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
7. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
8. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
9. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
10. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
11. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
12. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
13. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
14. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
15. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
16. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
17. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
18. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
19. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				
20. Ukubona iNtshona ngokuvakalayo				



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Zintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kuyimfuneko.

15 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Qwalasela uze ucebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Nikeza amaphepha encwadi yeDBE kubafundi abazisebenzelayo.

30 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndimphendulile umfundi**
- **ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi kumaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncendo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncendo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI

Ixesha lesikolo

UKULUNGISELELA

Oonotsheluzi

isikolo

ipensile

ibhegi



ISIKHOKELO SOMSEBENZI OWENZA WEDWA NOHLOLO OLUSISISEKO

FQNT: UmXholo wePrinti – iseshoni yama-30 emizuzu yeqala ngalinye; SOW: amaphepha asi-8

	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
IQela A	SFK notitshala		SOW woku-1	SOW wesi-2	SOW wesi-3	SOW wesi-4	SOW wesi-5	SOW wesi-6	SOW wesi-7	SOW wesi-8
IQela B	SOW woku-1	SOW wesi-2	SFK notitshala		SOW wesi-3	SOW wesi-4	SOW wesi-5	SOW wesi-6	SOW wesi-7	SOW wesi-8
IQela C	SOW woku-1	SOW wesi-2	SOW wesi-3	SOW wesi-4	SFK notitshala		SOW wesi-5	SOW wesi-6	SOW wesi-7	SOW wesi-8
IQela D	SOW woku-1	SOW wesi-2	SOW wesi-3	SOW wesi-4	SOW wesi-5	SOW wesi-6	SFK notitshala		SOW wesi-7	SOW wesi-8
IQela E	SOW woku-1	SOW wesi-2	SOW wesi-3	SOW wesi-4	SOW wesi-5	SOW wesi-6	SOW wesi-7	SOW wesi-8	SFK notitshala	

UHLOLO

Lwesibini – Lwesine	ULwazi olusiSiseko 1: Imozulu yemihla ngemidla	I-oral, eyenziwayo	Itshekhlisti iph. 129
Mvulo – Lwesihlanu	ULwazi olusiSiseko 2: Izinto ezenziwa rhoqo egumbi lokufundela	Eyenziwayo	Itshekhlisti iph. 129
Mvulo – Lwesihlanu	UkuPhulaphula nokuThetha 1: Amava wakho	I-oral oyesa wedwa (hlola i- $\frac{1}{6}$ yeklas kule veki)	Irubhrikhi iph. 125
Mvulo – Lwesihlanu	UkuPhulaphula nokuThetha 2: Linganisa ingoma okanye umbongo	Umsebenzi weqelwa owenziwayo (hlola i- $\frac{1}{6}$ yeklas kule veki)	Irubhrikhi iph. 125
Lwesibini – Lwesihlanu	EzemiThambo 1: Umzila wemiqobo	Umsebenzi weqelwa owenziwayo (hlola i- $\frac{1}{4}$ yeklas kule veki)	Irubhrikhi iph. 129

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- iphepha, iikhrayoni/iikhoki, iipensile
- amakhadibhodi akwiphepha lendlu yangasese, ipeyinti eluhlaza, ikhrayoni ebomvu, iphepha
- elimhlophe, imicwe emide njengekhadibhodi elikwiphepha lendlu yangasese, isiteyipla, izikere
- izixhobo ezifunekayo kwimisebenzi ekhethiweyo yezemiThambo.

Ibali elifundwa ngokuvakalayo

- Isele uFikile liqala isikolo

Umsebenzi wababini

- Chaza iindawo ezisesikolweni

Ingoma

- Ipuli yamasele
- UHlolo loku-1 lokuPhulaphula nokuThetha (amava akho): i-1/6 yeklassi

EzemiThambo

- Izitishi zemisebenzi
- UHlolo loku-1 lwezemiThambo: umzila wemiqobo



EzobuGcisa obuBonwayo

- Amasele enziwe ngamakhadibhodi akwiphepha lendlu yangasese
- Zoba ubhaka wesikolo

EzobuGcisa beQonga

- Linganisa ukumelana nologyiko



ULwazi olusiSiseko nokuziPhatha neNtlalo

- Uluhlu lweyunifomu: ukuhlela impahla
- ULwazi lesikolo
- Uloyiko ngesikolo



UkuFunda noTitshala

- Ubhaka wesikolo



UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala

- Imixholo yeprinti: IQela elinye ngemini
- UmSebenzi Owenza Wedwa amaphepha asi-8 SOW



Ukubhala


- Bhala uluhlu
- Bhala uluhlu lwesikolo wakugqiba uzobe umfanekiso

Izandi

- Imisebenzi yokuqonda izandi
- Ukwenza unobumba-sandi u-U noB

Ukubhala ngesandla

- Unobumba u-U noB



Isele uFikile liqala isikolo



Isele uFikile laliza kuqala isikolo kwiveki elandelayo. Kodwa uFikile wayengonwabanga. “Andifuni kuya esikolweni,” waxelela umnakwabo, uSimo.

“Wonke umntu kufuneka aye esikolweni,” watsho uSimo, “ayokufunda izinto ezintsha.”

“Kodwa sendisazi yonke into,” watsho uFikile. (*Ucinga ukuba wazi yonke into?*)

“Yonke into!” watsho uSimo. “Ufumana ntoni xa udibanisa ishumu neshumi?” wabuza uSimo.

“Mmmh ... andazi,” watsho uFikile.

“Kwaye, ngubani **umongameli** waseMzantsi Afrika?” wabuza uSimo. **umongameli**: inkokheli yelizwe



ISIGAMA

"Mmmh ... andazi," watsho uFikile.

"Kwaye ulibhala njani igama lakho?" wabuza uSimo.

"Mmmh andazi," watsho uFikile. "Mhlawumbi ke, andazi yonke into. Kodwa ndiyakwazi ukudada nokubamba iimpukane." (*Uyakwazi ukudada? Uyakwazi ukubamba iimpukane? Kutheni uFikile ekwazi ukuzenza lula ezi zinto?*)

"Ingaba ukhathazekile ngesikolo!?" wabuza uSimo.

"Ewe, kuza kuthini ukuba utitshala wam akawathandi amasele?"

"Ootitshala babathanda bonke abafundi babo abazizilwanyana, ungabinaxhala," watsho uSimo.

"Kwaye kuza kuthini ukuba amanye amasele amancinci awanabubele?"

"Kufuneka ubenobubele kuwo. Kungekudala aza kuba ngabahlobo bakho," watsho uSimo.

"Kwaye, ndiza kuthini xa ndilambile?"

"Baza kukunika isidlo sasemini esikolweni. Okanye ungaziphathela ukutya kwakho ngesikhafthina," watsho uSimo.

"Kwakhona, ndiza kuthini ukuba ndiyalahleka endleleni eya esikolweni?"

"Ungahamba nam. Siza kuhamba sonke," watsho uSimo.

USimo wathi, "Wonke umntu **unoloyiko** oluncinci xa eqala isikolo. Ndandisoyika. Kodwa ukuthetha nomntu xa uziva usoyika, kuyanceda."

Wacinga **okomzuzwana** uFikile, "Ndicinga ukuba ndiza kusithanda isikolo. Kwaye andoyiki ngoku."

unoloyiko: wothukile okanye uxhalabile

okomzuzwana: ixesha elincinci

MVULO

**INTLANGANISO YAKUSASA Iindaba**

15 imiz.

Ukulungiselela

- Nika abafundi isihloko abaza kubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihloko?

Ngababini

- Sebenzisa isakhelo seeNdaba Zam ukubalisela iqabane lakho.

Yabelanani

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

**IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO****Isele uFikile liqala isikolo**NT iph.
66 & 67
15 imiz.**Phambi kokufunda**

- Bonisa ikhosi iphepha lokuqala leballi: NN iphepha lama-28
 - Zintoni ezi zilwanyana?
 - Liyaphi isele elincinci? Wazi njani?
 - Ucinga liziva njani?

Funda ibali ngokuvakalayo, ngemvakalelo

- Sukuphazamisa ukufunda ucacisa okanye ubuza imibuzo. Injongo kukuba abafundi bave ukuba ukufunda ngokuchanekileyo kuvakala kanjani kwaye balonwabele ibali.

Emva kokufunda

- Vumela abafundi baphendule ibali baze batsho abakonwabele ngalo okanye intandabuzo.
- Ngokufutshane cacisa isigama esifakwe umbala
- Ukuba unalo ixesha, xoxani ngale mibuzo:
 - Kwakutheni ukuze angafuni kuya esikolweni uFikile?
 - Yeyiphi indawo ekuhle kisileyo ebalini?

**ULWAZI OLUSISISEKO NEPN****Uluhlu lweyunifomu yesikolo****Funda nize nixoxe**

- Funda uluhlu le yunifomu (NN iphepha lama-27/NYY iphepha lama-86) uze ubuze kwiNcwadi eNkulu.
- Yintoni injongo yolu luhlu?
- Ingaba isikolo sakho sinazo ezinye izinto kuluhlu lwaso? (umzekelo, ilokhwe/ impahla zemidlalo)
- Kutheni izikolo zineeyunifomu?

Hlela

- Funda amagama empahla kwiNYY iphepha lama-87.

- Thethani ngoba zeziphi iiyunifomu zesikolo kwaye zeziphi ezizimpahla zasekhayeni.
- Abafundi mabafake isangqa esizuba kuzo zonke impahla zasekhayeni baze bafake isangqa esibomvu kuzo zonke iiyunifomu.

Ingxelo

- Ngababini jongani: Ingaba nifake isangqa kwiimpahla ezinye?
- Ikhosi yonke mayijonge.

NN
iph. 27
30 imiz.NYY
iph.
86 & 87**IZANDI Unobumba u-U****Yazisa unobumba omtsha**

- Mamela isandi esitsha uze usibize. Qaphela imilo eyenziwa ngumlomo wakho.
- Ligama likabani eliqala ngesi sandi? Ligama likabani elinesandi?
- Jonga indlela igama elibhalwe ngayo.

Chonga amagama anolo nobumba

- Gxila kwigama elingundoqo kumqolo ophezulu. Fundisa isenzo ukunceda abafundi badibanise igama elingundoqo kunye nesandi.

- Funda uze uxoxe ngamanye amagama anolonobumba.
- Abafundi banga nika amanye amagama anolonobumba.

Bonisa indlela amengayo unobumba

- Sebenzisa ulwazi olumalunga nokuma konobumba (KNF amaphepha 34-36).
- Abafundi mabazobe unobumba ngeminwe baze bazobe ngepensile, beqala kwichaphaza eliluhlaza.

Fundela abafundi isivakalisi ngokucothayo

- Fakani isangqa kunobumba wanamhlanje okwisivakalisi.

NYY
iph. 88
15 imiz.




UKUBHALA NGESANDLA **Iintshukumo ezinkulu**

- Cula okanye udlale ingoma engonobumba.
- Abafundi mabasebenzise iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukileyo (KNF amaphepha 31-33).
- Ncedisa abafundi bachaze iintshukumo zabo njengokuba besenza oku.

15 imiz.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga nesandi.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

NYY iph. 93-100

30 imiz.

- Ngaphandle kokuba banomsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (jonga itheyibhile kwiphepha lama-66).
- Jonga ukuba abafundi bayayazi into emabayenze kumaphepha omsebenzi owenza wedwa
- Xa iklasi izolile, bizela iQela A emethini lizokwenza Umsebenzi wamaQela.



FQNT **ImiXholo yePrinti (IQela A)**

IQela A emethini, neeNYY

- IQela A malifune ibali elithi *Ubhaka wesikolo*.
- Fundani ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi mabahambise iminwe ngaphantsi kwegama njengokuba ufunda.

Buza imibuzo yemixholo yeprinti

- Sebenzisa iitshekhlisti zemixholo yePrinti (jonga kwiNT iph. 126).
- Korekisha izakhona abazifundileyo abafundi.
- Fundisa abasokolayo kuzo.
- Rekhoda inkqubela yabafundi.

NYY
iph.
82-85

30 imiz.

NT
iph. 124

UWUWANTO			
IMIXHOLU YETSEKHEKHLISTI YEPRINTI (YEVI YESI-6 NEYE-8)			
Iqela			
Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
Imibuzo	Isi	Abafundi	Phasi
1. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
2. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
3. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
4. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
5. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
6. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
7. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
8. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
9. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
10. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
11. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
12. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
13. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
14. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
15. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
16. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
17. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
18. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
19. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			
20. Iintshukumo ezinkulu ngaphepha			



EZEMITHAMBO

30 imiz.

Ukulungiselela

- Khetha imisebenzi yeveki emine eyahlukileyo kwiphepha lama-21.
- Ukwenzela uHlolo, esinye sezitishi kumele ibengumqobo (jonga irubhrikhi kwiphepha le-129)
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo uze ucacise indlela yonkwenza umsebenzi kwisitishi ngasinye.
- Khetha abafundi babonise umsebenzi ngamnye, bekhokelwa ngutitshala.
- Abafundi mabaziqhelanise nomsebenzi, badlale esinye sezitishi, urova obomvu okanye undize.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO

3D: Amasele enziwe ngekhadibhodi elikwiphepha lendlu yangasese

30 imiz.

Ukulungiselela

- Gqithisa amakhadibhodi akwiphepha lendlu yangasese, ipeyinti eluhlaza, ikhrayoni ebomvu, iphepha elimhlophe, isutswana lekhadibhodi, isiteyipla, isikere
- Bonisa inqanaba ngalinye babe abafundi belandela. Faka umbala oluhlaza kwikhadibhodi lendlu yangasese, okanye ugqume ngephepha eliluhlaza.
 - Umzimba: Vala elinye icala lekhadibhodi lephepha lendlu yangasese ngeziteyipla.
 - Umlomo: Sebenzisa ikhrayoni ebomvu okanye iphepha elibomvu ukwenza umlomo ngaphakathi kwekhadibhodi lephepha lendlu yangasese.
 - Ulwimi: sebenzisa imicwe ukwenza ulwimi olude, oluvele ngaphandle. Lufake isiteyipla ngaphakathi kwekhadibhodi.

- Amehlo: Sika izangqa uzincamathelise.
- Imilenze: Songa iphepha phakathi. Zoba umphambili nomva womlenze uze usike emi-2 kumlenze ngamnye. Faka umbala uncathelise.
- Impukane (ukutya kwesele): Zoba uze usike. Uncathelisele ekugqibeleni komcwe.



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala, ibe iklasi isenza umsebenzi okwiphepha lencwadi yemisebenzi yakwaDBE.

LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi
- Isandi esinye okanye esohlukileyo?

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA **Indawo ezisesikolweni**

15 imiz.

Cinga

- Abafundi mabacinge ngendawo ebalulekileyo esikolweni (umzekelo, i-ofisi, ithala leencwadi, ivenkilana yasesikolweni, i-ofisi yenqununu)

Ngababini

- Ngaphandle kokubiza igama, cacisela iqabane lakho uze utsho ukuba kwenzeka ntoni khona.
- Iqabane lakho maliqikelele.

Yabelanani

- Abanye abafundi mabatsho yeyiphi indawo abayicacisileyo kwaye kutheni bekhetha yona

- Thethani ngeendawo ezibalulekileyo esikolweni abafundi abatsha ekumele bazazi xa beyingxenyekelasi.

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN **Ulwazi lwesikolo**

15 imiz.

Xoxani

- Ngubani igama lesikolo sethu? (*bhala ebhodini*)
- Sipi isikolo sethu? (*igama lendawo kwaye, ukuba kuyenzeka, indlela*)
- Ngubani igama lenqununu? (*bhala ebhodini*)
- Ngobani amagama ootitshala be Banga loku-1? (*bhala ebhodini*)

Bonisa umdlalo

- Biza umfundi abeliqabane lakho.
- Yithi: Ndicinga ngomama osiphekelayo apha esikolweni, ngubani?

- Iqabane malibize igama lakhe.
- Abafundi mababuze baze baphendule imibuzo ngabantu base sikolweni okanye igumbi/indawo esikolweni.

Ngababini mabadlale umdlalo

IZANDI **Ukuphulaphula nokutshatisa**KNF
iph.
53-59
15 imiz.

Hlaziya onoobumba

- Sebenzisa onootsheluzo okanye itshathi ye-alfabhethi ukubonisa onoobumba abafundisiweyo.
- Iklasi yonke nangabanye fundani onoobumba.

Umdlalo webhokisi yeposi


- Lungisa ibhokisi okanye ibhokisi yeposi yoonobumba ngamnye ofundisiweyo. Ncamathisela ikhadi likanobumba ngaphandle.

- Nika umfundi ngamnye ikhadi lomfanekiso (KNF amaphepha 53-59) okanye into enesandi esifundisiweyo.
- Bancedise babize umfanekiso nesandi esiqalayo.
- Mabafake ikhadi kwibhokisi efanayo.

UKUBHALA NGESANDLA **Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi**

15 imiz.

- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundisiweyo emoyeni/phantsi, kwizinto ezahlukeneyo (KNF amaphepha 31-33).
- Abafundi baziqhelanisa nokubhala unobumba kwiincwadi zomsebenzi.
- Jikeleza uze uncedise. Qaphela indlela ababamba ngayo ipensile nendlela abahleli ngayo.





UKUFUNDA NOTITSHALA (1) *Ubhaka wesikolo*

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Fundela iklasi ibali elithi *Ubhaka wesikolo*.
- Buza imibuzo **yoSuku loku-1** kwiphepha ngalinye.
- Qhubeka ufundisa imixholo ye-printi nezandi esezifundisiwe.

Hlaziya amagama oonotsheluzi: **isikolo, ipensile, ibhegi**

- Phakamisa oonotsheluzi phezulu uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa oonotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

Phinda ufunde ibali kwakhona

NN
iph.
28-31
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

EZOBUGCISA BEQONGA

Dlalani ukunceda abantu abadala

Ukulungiselela

- Yahlula iklasi ibengamaqela.
- Amaqela mawakhethe indlela enye abanganceda ngayo abantu abadala ekuhlaleni.
- Mabenze umdlalo ngayo.
- Vumela imizuzu eli-10 yokulungiselela.

Nikezela

- Amaqela mawanikezele ngomdlalo wabo eklasini.
- Xelela iQela ngalinye into abayenze kakuhle.

30 imiz.



Kwisiwungciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Nikeza amaphepha encwadi yeDBE kubafundi abazisebenzelayo.

LWESIHLANU

**INTLANGANISO YAKUSASA** **Iindaba**

15 imiz.

Ukulungiselela

- Nika abafundi isihloko sokubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Zeziphi iindaba ofuna ukwabelana ngazo ngesi sihloko?

Ngababini

- Sebenzisa isakhelo *seeNdaba Zam* ukubalisela iqabane lakho.

Yabelanani

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

**IZANDI** **Umdlalo wenyoka woonobumba**NYY
iph. 109

15 imiz.

Bonisa umdlalo

- Jula idayisi/uvale amehlo uze ubeke umnwe ephepheni ecaleni kwenani lebhloko.
- Hambisa isibalo kwisithuba samanani achanekileyo.
- Ukuba uma kunobumba, biza isandi sikanobumba uze uqhubeke **uye phambili** kumfanekiso oqala ngeso sandi.
- Ukuba uma emfanekisweni, buyisela isibalo **umva** siye kumfanekiso oqala ngeso sandi.

Abafundi mabadlale ngababini

- Umfundi ofika kuqala ekupheleni kwebhodi uwinile.

**UKUBHALA WEDWA****Yabelana ngoluhlu lwesingxobo sokufana iipensile**

15 imiz.

- Xoxani ngobaluleko lokuzingca ngomsebenzi wakho.
- Vumela ixesha lokuzoba/lokuhombisa uluhlu.
- Biza abafundi abambalwa babonise kwaye bafundele iklasi uluhlu labo.
- Ncoma uze ubakhuthaze njengababhali nabazobi.

**UMSEBENZI OWENZA WEDWA**NYY
iph. 110-117

30 imiz.

- Abafundi mabagqibezele amaphepha amabini omSebenzi Owenza Wedwa namhlanje ngaphandleni kokuba banoHlolo lweZandi (jonga itheyibhile kwiphepha lama-80).
- Jonga ukuba abafundi bayayazi into emabayenze kumaphepha omsebenzi owenza wedwa
- Xa iklasi izolile, bizela iQela E emethini lizokwenza uHlolo lweZandi.






UHLOLO LOKU-1 LWEZANDI IQela E

- Bizela umfundi ngamnye weQela E umbizela olu hlolo.
- Bonisa amakhadi omfanekiso ama-4. Kwikhadi ngalinye buza:
 - Yintoni lena?
 - Ngubani isandi sokuqala?
 - Ngubani isandi sokugqibela?
 - Qhwabela amalungu egama.
- Bonisa umxube wamakhadi onobumba afundisiweyo kule kota abakhulu nabancinci. Abafundi mababize izandi.
- Bonisa onootsheluzi bamagama amabini alula usebenzisa onobumba abafundisiweyo.

Ukukorekisha: jonga kwiphepha 126
Amanqaku: 12

KNF
iph.
53-59
15 imiz.



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Zintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kunyanzelekile.

15 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Nikeza amaphepha encwadi yeDBE kubafundi abazisebenzelayo.

30 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndimphendulile umfundi**
- **ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi kumaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI

Ubuthongo



UKULUNGISELELA

Oonotsheluzo

umdyarho

isantya

cotha

ubuthongo

ISIKHOKELO SOMSEBENZI OWENZA WEDWA

Bonke abafundi benza uSOW ofanayo abe utitshala ebiza umfundi ngamnye embizela uHlolo oluseSikweni

Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
SOW woku-1 (15 imiz.)	SOW wesi-2 (15 imiz.)	SOW wesi-3 (15 imiz.)	IW4 (15 imiz.)	SOW wesi-5 (15 imiz.)	SOW wesi-6 (15 imiz.)	SOW wesi-7 (15 imiz.)	SOW wesi-8 (15 imiz.)	Ukhetho lukatitshala lwakwaDBE (15 imiz.)	Ukhetho lukatitshala lwakwaDBE (15 imiz.)

UHLOLO

Jonga iinkcukacha zomsebenzi neerubhrik zokukorekisha uHlolo lweKota yoku-1 ngasemva kule ncwadi.

Lwesibini – Lwesine	ULwazi olusiSiseko 1: Imozulu yemihla ngemihla	I-oral, eyenziwayo	Itshekhlisti iph. 129
Mvulo – Lwesihlanu	ULwazi olusiSiseko 2: Izinto ezenziwa rhoqo egumbi lokufundela	Eyenziwayo	Itshekhlisti iph. 129
Mvulo – Lwesihlanu	UkuPhulaphula nokuThetha 1: Amava akho	I-oral oyonza wedwa (hlola i- $\frac{1}{6}$ yeklassi kule veki)	Irubhrikhi iph. 125
Mvulo – Lwesihlanu	UkuPhulaphula nokuThetha 2: Linganisa ingoma okanye umbongo	Umsebenzi wegelwa owenziwayo (hlola i- $\frac{1}{6}$ yeklassi kule veki)	Irubhrikhi iph. 125
Mvulo – Lwesihlanu	UkuFunda nesiCatshulwa 1: Phinda ubalise ibali uze uphendule imibuzo	Umsebenzi wegelwa owenziwayo (hlola i- $\frac{1}{6}$ yeklassi kule veki)	Irubhrikhi iph. 127
Lwesine	UkuBhala ngeSandla 1: Bhala igama	Ebhalwayo: lincwadi zomsebenzi	Irubhrikhi iph. 127

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- iglasi engenambala yamanzi, ifestile enelanga, iphepha elimhlophe, isikere
- ibhrashi yokupeyinta, isikhongozelo sokuxubela ipeyinti ebesibiyinkunkuma, kunye nekomityi
- yamanzi enye kwiqela ngalinye ngababini/umfundi
- ipeyinti ebomvu, ezuba netyheli

Ibali elifundwa ngokuvakalayo

- *UMvundla noFudo*

Linganisa

- *UMvundla noFudo*

Ingoma

- *Thula Bhabhana*
- Ingoma yokulalisa abantwana
- UHlolo loku-1 lokuPhulaphula nokuThetha (amava akho): i- $\frac{1}{2}$ yeklasi

EzemiThambo

- Izitishi zemisebenzi

**EzobuGcisa beQonga**

- Yenza umdlalo weqonga weephaphethi

EzobuGcisa obuBonwayo

- Yenza iphephathi

**ULwazi olusiSiseko nokuziPhatha neNtlalo**

- Ukulala ubuthongo obumnandi ebusuku
- Izinto ezenziwa rhoqo ngexesha lokulala
- Amaphupha

**Izandi**


- Ukwenza unobumba-sandi u-

Ukubhala ngesandla

- UHlolo loku-1 lokuBhala ngesandla: Bhala igama
- Unobumba u-

UkuFunda noTitshala




- *UMvundla noFudo*

**UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala**


- UHlolo loku-1 lokuFunda nesiCatshulwa: Phinda ubalise ibali uze uphendule imibuzo
- UmSebenzi Owenza Wedwa: Amaphepha asi-8 SOW

**Ukubhala**

- limephu zamabali
- Bhala isivakalisi uze uzobe umfanekiso ngesiphelo sebali



UMvundla noFudo



UMvundla wayesoloko **eqhayisa** ngendlela abaleka ngesantya esiphezulu ngayo. "Ndisesona silwanyana sibaleka ngesantya esiphezulu e-Afrika! Ndingashiya nabani na emdyarhweni," wawungamva esitsho.

USikhova wadinwa kukuqhayisa kukaMvundla. Wavakala esithi, "Ngubani oza kukhuphisana noMvundla ukuze azibone ukuba usesona silwanyana sinesantya na?"

UFudo wayesisilwanyana sicothayo kodwa **wayethobekile** kwaye enobubele. "Ndiyacotha kodwa ndiza kukhuphisana noMvundla," watsho uFudo.

Wagigitheka uMvundla. "Ndinesantya esiphezulu kakhulu kunawe Fudo. Ndiza kukushiya lula fudwazanandini oludala nolucothayo," wacinga njalo. Wagoduka elangazelela ukuphumelela ugqatso losuku olulandelayo.

Ekhaya, uMvundla watya isidlo sangokuhlwa waqalisa ukubukela umabonakude. Wabukela iinkqubo, enye emva kwenye. Walibala ukuba sonke sifanele ukulala ubuthongo obaneleyo rhoqo. USikhova wabona uMvundla ebukele umabonakude. "Hamba uyokulala,



ISIGAMA

eqhayisa: ukuthetha kakhulu ngokuzingca ngento okwaziyo ukuyenza okanye into onayo

wayethobekile: ukungacingi ukuba ungcono kunabanye

wagigitheka: wahlekela phezulu

Mvundla," wakhwaza. "Unomdyarho ngomso!" Kodwa uMvundla waqhubeka nokubukela. Ekugqibeleni, walala ezinzulwini zobusuku nenyanga sele iphezulu esibhakabhakeni.

Kwelinye icala uFudo walala kwangethuba ukuze azive edlamkile ngengomso.

USikhova waqala umdyarho. Wabiza, "Yimani emgceni, lungani, balekani!"

UMvundla wabaleka kakhulu washiya uFudo ngasemva. Ubaleke ngesantya esiphezulu. Kungekudala ilanga laba phezulu esibhakabhakeni kwatshisa. UMvundla waqala wanesifuthufuthu kakhulu wozela. Wayengalelanga ngokwaneleyo kubusuku obudlulileyo! Emva koko wabona umthi onomthunzi. Wacinga, "UFudo usesemva kakhulu. Akasokuze andifumane! Ndiza kukhe ndithi ngqwa." UMvundla wangqengqa emthunzini waze wabiwa bubuthongo.

Ngeli xesha uFudo wayehamba kancinci **ethe chu** ecaleni kwendlela. Wahamba, wahamba iiyure ngeeyure. Wabona uMvundla ekokude ubuthongo phantsi komthi kodwa uFudo lwaqhubeka lahamba. Ngexesha lokutshona kwelanga lalusele likufuphi nokufika entanjeni.

Kanye ngelo xesha, uMvundla uvukile ebuthongweni waza wabona ukuba ilanga liyatshona. Wayelele ixesha elide! Uye waxhuma wabaleka kangangoko anako ukuya kufika entanjeni, kanye ngexesha elifanelekileyo lokubona uFudo luphumelela umdyarho! Waphoxeka kakhulu.

UMnumzana Sikhova wathi, "Mhlawumbi oku kungakufundisa ukuba ungaphinde uqhayise Mvundla. Kwaye ufumane ubuthongo obaneleyo rhoqo."

ethe chu: ukuhamba kancinci ungami



MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA **Iindaba**

15 imiz.

Nikeza isihloko

- Nika abafundi isihloko sokubalisa iindaba.

Cinga

- Yintoni ofuna ukuyithetha ngesisihloko.

Ngababini

- Sebenzisa isakhelo see*Ndaba zam* ubalise ibali.

Yabelanani

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklesi.

**IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO****UMvundla noFudo**

NT iph. 94 & 95

15 imiz.

Phambi kokufunda

- Bonisa imifanekiso ekwiNcwadi eNkulu iphepha lama-38-41.
- Zeziphi izilwanyana ozibonayo? (*uMvundla, uFudo, uSikhova*)
- Izakuba ngobani abalinganiswa ebalini?

Funda ibali ngokuvakalayo, ngemvakalelo

- Sebenzisa amazwi ahlukeyo abalinganiswa.
- Sukuphazamisa ukufunda ucacisa. Injongo kukuba abafundi bave ukuba ukufunda

ngokuchanekileyo kuvakala njani kwaye balonwabele ibali.

Emva kokufunda

- Vumela abafundi baphendule ibali baze batsho abakonwabeleyo ngalo okanye intandabuzo.
- Ngokufutshane cacisa isigama esifakwe umbala
- Ukuba unalo ixesha, buza
 - Bekutheni ukuze uMvundla ufune ukulala ngexesha lomdyarho?
 - Ufunde ntoni uMvundla?

**ULWAZI OLUSISISEKO NEPN****Ubuthongo obumnandi**

NN iph. 37

30 imiz.

Xoxani

- Uzive njani xa uvuka kusasa? Ubufuna uphinda ulale? Ubulilungele usuku?
- Xelela abafundi babonise ngamandla wabo ngokuhlala phantsi (amandla aphantsi), bame (amandla aphakathi), okanye bame zibe izandla zise moyeni (amandla agcweleyo).

Fundela abafundi isicatshulwa

- Xoxani ngokuba kutheni sisebenzisa iibhulethi kuluhlu lezinto eziyinyani, njenga kweli phepha.

- Sebenzisa elithuba ufundisa izandi ezifundisiweyo.

Emva kokufunda

- Ngababini: Xelela iqabane lakho ngexesha apho wawungalali kakuhle.
- Amavolontiya: Xelela ikhosi ukuba wawusenziwa yintoni ukuze ungalali kakuhle.
- Ingxoxo yekhosi: Yintoni esancedayo ukuze silale kamnandi? (ixesha eliqhelekileyo lokulala nokuvuka; indlela eyenziwa rhoqo yokulala; ukulala nento yokudlala ethambileyo okanye ingubo ekhethekileyo.)

**IZANDI** **Ukwazisa unobumba-sandi uK**

NYY iph. 123

15 imiz.

Hlaziya izandi

- Ngesantya esikhawulezayo, bonisa onootsheluzo bonobumba abafundisiweyo. Abafundi mababize isandi.

Yazisa unobumba omtsha

- Mamela isandi esitsha uze usibize. Qaphela imilo eyenziwa ngumlomo wakho
- Ligama likabani eliqala ngesi sandi? Ligama likabani elinesandi?
- Jonga indlela igama elibhalwe ngayo.

Chonga amagama anolonobumba

- Gxila kwigama elingundoqo kumqolo ophezulu. Fundisa intshukumo ukunceda abafundi badibanise igama elingundoqo kunye nesandi.
- Funda uze uxoxe ngamanye amagama anolo nobumba.
- Abafundi banganika amanye amagama anolo nobumba.

Bonisa indlela amengayo unobumba

- Sebenzisa ulwazi olumalunga nokuma konobumba (KNF amaphepha 34-36).
- Abafundi mabazobe unobumba ngeminwe baze bazobe ngepensile, beqala kwichaphaza eliluhlaza.

Fundela abafundi isivakalisi ngokucuthayo

- Abafundi mabafake isangqa kunobumba wanamhlanje okwisivakalisi.






UKUBHALA NGESANDLA **Iintshukumo ezinkulu**

- Cula okanye udlale ingoma engonobumba.
- Abafundi mabasebenzise iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundisiweyo kwizandi emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukileyo (KNF amaphepha 31-33).
- Ncedisa abafundi bachaze iintshukumo zabo njengokuba besenza oku.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi mabagqibezele amaphepha amabini omSebenzi Owenza Wedwa namhlanje (jonga kwithebhile kwiphepha lama-94).
- Jonga ukuba abafundi bayayazi into emabayenze kumaphepha omSebenzi Owenza Wedwa.

- Bakhumbuze basebenze ngokuthe cwaka kwaye bodwa.
- Xa ikhosi izolile, biza umfundi ngamnye weQela A azokuFunda enze noHlolo lwesiCatshulwa.

NY Y iph. 127-134
30 imiz.



UKUFUNDA NOHLOLO LOKU-1 LWESICATSHULWA

IQela A

- Biza umfundi ngamnye weQela A azokuphendula imibuzo ngebali.
- Bonisa iphepha lama-38 kwiNcwadi eNkulu.
- Buza lemibuzo:
 - Kwenzeke ntoni ebalini?
 - Ibingobani abalinganiswa ebalini?
 - Kutheni ukuze alale uMvundla?
 - Ngubani owinileyo? Ngoba?
 - Ngubani omthanda kakhulu ebalini? Kutheni?

Ukukorekisha: bona iphepha 127
Amanqaku: 12

NN
iph. 38
30 imiz.



EZEMITHAMBO **Izitishi zemisebenzi**

Ukulungiselela

- Khetha imisebenzi yeveki emine eyahlukileyo kwiphepha lama-21.
- Beka izixhobo.
- Yahlula ikhosi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo uze ucacise indlela yonkwenza umsebenzi kwisitishi ngasinye.

- Khetha abafundi babonise umsebenzi ngamnye, bekhokelwa ngutitshala.
- Abafundi mabaziqhelanise nomsebenzi, badlale umdlalo onjengocweka, urova obomvu okanye undize.

Kwisiwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda noHlolo lwesiCatshulwa. Nikeza amaphepha encwadi yeDBE kubafundi abazisebenzelayo.

30 imiz.



EZBUGCISA OBUBONWAYO

Iiphaphethi zoFudo noMvundla

Ukulungiselela

- Gqithisa iipleyiti zamaphepha kumfundi ngamnye, iikhrayoni, ikhadibhodi, izikere, iglu,
- Hlala wenze iiphaphethi zofudo nomvundla, ukuze abafundi makhuphele.

Abafundi mabenze iiphaphethi

- Isiqingatha sekhasi siza kwenza iiphaphethi zofudo size esinye isiqingatha senze ezomvundla.

- Ukwenza ufudo: sika ipleyiti phakathi. Yihombise ngeempawu zofudo. Sika intloko neenyawo uze uzincamathisele.
- Ukwenza umvundla: Zoba amehlo nempumlo epleyitini. Sika amabhovu neendlebe uze uzincamathisele.
- Ncamathisela isinti ngasemva iphaphethi.
- Abafundi bazakusebenzi oku ukuphinda babalise ibali ngoLwesithathu.

30 imiz.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi
- Isandi esinye okanye esohlukileyo?



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ukulinganisa okukhokelwayo: UMvundla noFudo

15 imiz.

Ukulungiselela

- Yisa ikhosi ehloveni okanye phandle.
- Nikisa ngeendima. Umzekelo, amakhwenkwe ngamaFudo, amantombazana yimiMvundla aze uTitshala abesiSikhova.

Ukulinganisa okukhokelwayo

- IMivundla namaFudo azakwenza ngokungathi banomdyarho.
- IMivundla iza kuqalisa ibaleke ngesantya (vele ubaleke okanye uye ebaleni lokudlalela).
- Amafudo mawaqale ahambe kancinci (vele uhamba ngokuthe chu okanye uye ebaleni lokudlala).
- IMivundla, ikude kakhulu. Uzakwenza ntoni? (yeka ukubaleka uze wenze ngathi ulele).

- AmaFudo azakwenza ntoni? (qhubeka uhambe ngokuthe chu).
- Naku enjtanjeni. UFudo uwuwinile umdyarho. Bonisa indlela owonwabe ngayo Fudo!
- IMivundla, iyavuka. Ibalekela entanjeni.
- UFudo uwinile. Bonisa indlela eniziva ngayo, Mivundla.
- Isiphelo. Masibuyeleni ngaphakathi. UFudo kuqala.



ULWAZI OLUSISISEKO NEPN

Izinto ezenziwa rhoqo ngexesha lokulala

- Phinda ufunde iibhulethi kwiNcwadi eNkulu iphepha lama-37 malunga nendlela yokulala ubuthongo obumnandi ebusuku.
- Biza abafundi babelane ngabakwenzileyo ngaphambi kokulala phezolo.
- Abafundi mabagqibezele iphepha leNYY.
- Buza: Ngubani ixesha lakho lokulala? Ncedisa abafundi bazobe izandla exesheni ukubonisa ixesha abalala ngalo.

NY Y
iph. 124
15 imiz.



IZANDI Ukuphulaphula nokutshatisa

15 imiz.

Ukulungiselela

- Dlala oku ngezandi ezifundisiweyo kule kota. Fihla ikhadi likanobumba wesandi ngasinye egumbini lokufundela.
- Nika umfundi ngamnye ikhadi lomfanekiso wezandi ngasinye.

Funa isandi ekugxilwe kuso

- Xa usithi hamba, abafundi mabafune abanye abanemifanekiso enesandi ekugxilwe kuso.
- Iqela ngalinye malifune unobumba ofihliweyo ofana nesandi sabo.
- Iqela lokuqala ukufumana unobumba-sandi lize lihlale emethini nawo onke amakhadi abo onobumba liwinile.




UKUBHALA NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundisiweyo emoyeni/phantsi, kwizinto ezahlukeneyo (KNF amaphepha 31-33).
- Abafundi baziqhelanisa nokubhala unobumba kwiincwadi zomsebenzi.
- Jikeleza uze uncedise. Qaphela indlela ababamba ngayo ipensile nendlela abahleli ngayo.





UKUFUNDA NOTITSHALA (1) *UMvundla noFudo*

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Fundela ikhosi ibali elithi *uMvundla noFudo*, usolatha amagama njengokuba uwabiza.
- Buza imibuzo **yoSuku loku-1** kwiphepha ngalinye.
- Qhubeka ufundisa imixholo ye-printi nezandi ezifundisiweyo.

Hlaziya amagama onotsheluzi: **umdyarho, isantya, cotha, ubuthongo**

- Phakamisa onotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa onotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

Phinda ufunde ibali kwakhona

NN
iph.
38-41
15 imiz.

UMvundla noFudo



UMvundla noFudo baza kuba nogqatso.

38



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi mabagqibezele amaphepha amabini omSebenzi Owenza Wedwa namhlanje (jonga kwitheyibhile kwiphepha lama-94).
- Jonga ukuba abafundi bayayazi into emabayeze kumaphepha omSebenzi Owenza Wedwa.

- Bakhumbuze basebenze ngokuthe cwaka kwaye bodwa.
- Xa ikhosi izolile, biza umfundi ngamnye weQela B azoKufunda enze noHlolo lwesiCatshulwa.

NYI iph. 127-134
30 imiz.



UKUFUNDA NOHLOLO LOKU-1 LWESICATSHULWA

IQela B

- Biza umfundi ngamnye weQela B azokuphendula imibuzo ngebali.
- Bonisa iphepha lama-38 leNcwadi eNkulu.
- Buza lemibuzo:
 - Kwenzeke ntoni ebalini?
 - Ibingobani abalinganiswa ebalini?
 - Kutheni ukuze alale uMvundla?
 - Ngubani owinileyo? Ngoba?
 - Ngubani omthanda kakhulu ebalini? Kutheni?

Ukukorekisha: jonga iphepha 127
Amanqaku: 12

NN
iph. 38
30 imiz.

UMvundla noFudo



UMvundla noFudo baza kuba nogqatso.

38



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.

- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO *Cqibezela iiphaphethi zoMvundla noFudo*

- Abafundi mabagqibezele iiphaphethi zabo.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda noHlolo lwesiCatshulwa. Nikeza amaphepha encwadi yeDBE kubafundi abazisebenzelayo.

30 imiz.



LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi
- Isandi esinye okanye esohlukileyo?

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN **Amaphupha**

15 imiz.

Yazisa

- Xelela abanye abafundi babelane ngento abayiphuphileyo izolo.
- Thethani ngento yokuba ibingamaphupha amnandi okanye awoyikisayo kakhulu.

Xoxani ngento onokuyenza ukuba unephupha elibi

- Xelela abafundi ukuba iphupha elibi libizwa ngokuba liphupha eloyikisayo kakhulu.

- Wakhe wanalo iphupha eloyikisa kakhulu? Kwenzeka ntoni? (ukuba kunemigalelo emininzi, vumela abafundi bathethe bodwa ngababini ngemizuzu emi-2)
- Ungenza ntoni ukuziva ngcono emva kwephupha eloyikisayo? (thetha ngephupha lakho nomzali okanye omnye umntu omdala omthembileyo; zoba umfanekiso wephupha; cinga ngephupha kodwa libene siphelo esonwabisiyo).

IZANDI **Ukwazisa unobumba-sandi u-O**

Hlaziya izandi

- Ngesantya esikhawulezayo, bonisa onootsheluzi bonobumba abafundisiweyo. Abafundi mababize isandi.

Yazisa unobumba omtsha

- Mamela isandi esitsha uze usibize. Qaphela imilo eyenziwa ngumlomo wakho
- Ligama likabani eliqala ngesi sandi? Ligama likabani elinesandi?
- Jonga indlela igama elibhalwe ngayo.

Chonga amagama anolo nobumba

- Gxila kwigama elingundoqo kumqolo ophezulu. Fundisa intshukumo ukunceda abafundi badibanise igama elingundoqo kunye nesandi.
- Funda uze uxoxe ngamanye amagama anolo nobumba.
- Abafundi banganika amanye amagama anolo nobumba.


Bonisa indlela amengayo unobumba

- Sebenzisa ulwazi kumaphepha 34-36 esiKhokelo seNdelela yokuFundisa olumalunga nokuma konobumba.
- Abafundi mabazobe unobumba ngeminwe baze bazobe ngepensile, beqala kwichaphaza eliluhlaza.

Fundela abafundi isivakalisi ngokucothayo

- Abafundi mabafake isangqa kunobumba wanamhlanje okwisivakalisi.

NY Y
iph. 125
15 min


UKUBHALA NGESANDLA **Iintshukumo ezinkulu**

15 imiz.

- Cula okanye udlale ingoma engonobumba.
- Abafundi mabasebenzise iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukileyo (KNF amaphepha 31-33).
- Ncedisa abafundi bachaze iintshukumo zabo njengokuba besenza oku.



Yithi **Molo** ku-060
017 0000 ngengoma
emalunga nesandi.

UKUFUNDA NOTITSHALA (2) **UMvundla noFudo**

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Fundela iklasi ibali elithi uMvundla noFudo.
- Buza imibuzo **yoSuku lwe-2** kwiphepha ngalinye.
- Fundani ibali niyiklasi.

Chonga onobumba ezifundisiweyo

- Abafundi mabakhombe onobumba abafundisiweyo.

Hlaziya amagama onootsheluzi: **umdyarho, isantya, cotha, ubuthongo**

- Phakamisa onootsheluzi phezulu uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa onootsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
38-41
15 imiz.





UKUBHALA NOTITSHALA

Isakhiwo sebali

15 imiz.

Ukulungiselela

- Khuphela isakhelo sebali ebhodini.

Gqibezela isakhiwo sebali likaFudo noMvundla

- Chaza: Ukuba sifuna ukuxelela umntu into ibali elingayo, isakhiwo sebali iyasikhumбуza emasikutsho.
 - Abalinganiswa bathetha abantu ebebe sebalini.
 - Isimo sentlalo sithetha ukuthi apho ibali lenzeke khona.
- Funa ulwazi kubafundi nize nibhale isakhiwo sebali kunye.
 - Isimo sentlalo: lenzeke phi ibali? (*ehlathini*)
 - Abalinganiswa: ngubani osebalini? (*Isikhova, uMvundla, uFudo*)

- Kwenzeke ntoni: kuye kwenzeke ntoni? (UMvundla noFudo ziye zanomdyarho)
- Isiphelo: liphela njani ibali? (UFudo liwine umdyarho)

Isakhiwo sebali

Abalinganiswa:

Isimo sentlalo:

Kwenzeke ntoni:

Isiphelo:

Fundani imephu yebali kunye

- Ingaba ucinga ukuba isakhiwo sebali singaxelela umntu into ibali elingayo? (*imephu yebali kumele ishwankathele ibali*)

Gcina imephu yebali egqityiweyo uyisebenzise ngomso.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi mabagqibezele amaphepha amabini omSebenzi Owenza Wedwa namhlanje (jonga kwithebyibhile kwiphepha lama-94).
- Jonga ukuba abafundi bayayazi into emabayenze kumaphepha omSebenzi Owenza Wedwa.
- Bakhumbuze basebenze ngokuthe cwaka kwaye bodwa.
- Xa ikhosi izolile, biza umfundi ngamnye weQela C azokuFunda enze noHlobo lwesiCatshulwa.

NY
iph.
127-134
30 imiz.



UHQLOLO LOKU-1 LOKUFUNDA NENGQIQO

IQela C

- Biza umfundi ngamnye weQela C azokuphendula imibuzo ngebali.
- Bonisa iphepha lama-38 leNcwadi eNkulu.
- Buza le mibuzo:
 - Kwenzeke ntoni ebalini?
 - Ibingobani abalinganiswa ebalini?
 - Kutheni ukuze alale uMvundla?
 - Ngubani owinileyo? Ngoba?
 - Ngubani omthanda kakhulu ebalini? Kutheni?

Ukukorekisha: jonga iphepha 127
Amanqaku: 12

NN
iph. 38
30 imiz.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz.

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.

- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda noHlobo lwesiCatshulwa. Nikeza amaphepha encwadi yeDBE kubafundi abazisebenzelayo.



EZOBUGCISA BEQONGA

Umdlalo weqonga weephaphethi zikaMvundla noFudo

30 imiz.

- Yenza izibini: iqabane ngalinye linephaphethi kaMvundla, elinye ekaFudo.
- Izibini zilungiselela umboniso weephaphethi.
- Benza isicwangciso sokuza kuthethwa kwenziwe yiphaphethi nganye.
- Bayaziqhelisela umboniso weephaphethi wosuku olulandelayo.

LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi
- Isandi esinye okanye esohlukileyo?



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Ingoma yokuthuthuzela usana

15 imiz.

- Thethani ngeengoma zokuthuthuzela abantwana, nokuba ziculwa nini (*ezi ngoma ziculwa* abantwana abancinci ukuze balale).
- Bafundise le ngoma. Ulinganise ukubamba usana ezingalweni.

Thula Bhabhana

Thula Bhabhana
(Thula thu...)
Mus' ukulila
(Thula thu...)

Umam' uyeza
Nedin' omntwana
(Thula thu...)



IZANDI Ukwakha amagama

NYY iph. 161

15 imiz.

Abafundi mabasike amakhadi onoobumba kwiphepha lama-161

- Ngonoobumba abanye aba njengaba abakwi okthophasi kwiNYY iphepha lama-108 kwiVeki ye-7.
- Bonisa abafundi indlela yokusika iphepha lonke uze usike emachapazeni omgca ukwenza amakhadi onoobumba. Bakhumbuze bafake emgqomeni iindawo ezisikiweyo ezisengasebenziyo.
- Bonisa amakhadi amanye katitshala ngokungalandelelaniyo ebhodini.

Chonga onoobumba

- Biza unobumba-sandi ngokuvakalayo. Baze abafundi baphakamise ikhadi elifanyi.

Yakha amagama akwiNYY iphepha le-108

- Bizela umfundi ebhodini kwigama ngalinye.
- Biza igama ngokuvakalayo. Buza: Ngubani

isandi sokuqala?

Ngoko ke, ngubani unobumba wokuqala? Njalo njalo.

- Yeka abafundi bafune amakhadi onoobumba baze bawabeke endaweni echanekileyo.
- Abanye abafundi mabenze amagama ngamakhadi wabo ezidesikeni zabo.
- Abafundi mabenze izivakalisi ngokuvakalayo ngegama ngalinye.
- Faka onoobumba kwisiqukathi/engxoweni ukuze uphinde uwasebenzise

i	m
l	a
i	u
b	a

Iveki yesi-7 iphepha elisikwayo: iphepha 108



UHLOLO LOKU-1 LOKUBHALA NGESANDLA

15 imiz.

- Khumbuza abafundi ukuba luhlolo olu ngoko ke mabenze onoobumba ngendlela echanekileyo kwaye babenze balingane ngobukhulu nezithuba ngaphakathi kwabo.
- Abafundi mababhale amagama abo kwiincwadi zomsebenzi, ngokubhala kakuhle okucocekileyo. Jikeleza, uqwalasele indlela ababambe ngayo ipensile.

- Emva koko abafundi mabaziqhelanise nokubhala unobumba wayizolo kwiincwadi zomsebenzi.
- Qokelela iincwadi ukorekisha.

Ukukorekisha:
NT iphepha 28
Amanqaku: 8



UKUFUNDA NOTITSHALA (3) UMvundla noFudo

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Funda kunye nabafundi ibali lonke, usolatha amagama njengokuba uwabiza.
- Buza imibuzo **yoSuku lwesi-3** kwiphepha ngalinye.
- Phinda ufunde ibali kwakhona

Hlaziya amagama onootsheluzi: **umdyarho, isantya, cotha, ubuthongo**

- Phakamisa onootsheluzi phezulu uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Abafundi mabenze isivakalisi ngegama ngalinye ngomlomo.
- Tshatisa onootsheluzi negama eliseNcwadini Enkulu.
- Beka onootsheluzi eDongeni lwamaGama.

NN
iph.
38-41
15 imiz.





UKUBHALA WEDWA

Isakhiwo sebali: Isiphelo

Ukulungiselela

- Phinda ufunde nabafundi isakhelo sebali esigqityiweyo yayizolo. Emva koko uyibeke kude.
- Athetha ukuthini lamagama: abalinganiswa, isimo sentlalo, isiphelo?

Zoba uze ubhale

- Zoba isiphelo sebali loMvundla noFudo.
- Bhala isivakalisi ngaso. Zama upelo.

NY
iph. 126
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi mabagqibezele amaphepha amabini omSebenzi Wedwa namhlanje (jonga kwitheyibhile ekwiphepha lama-94).
- Jonga ukuba abafundi bayayazi into emabayenze kumaphepha omSebenzi Owenza Wedwa.
- Bakhumbuze basebenze ngokuthe cwaka kwaye bodwa.
- Xa iklasi izolile, biza umfundi ngamnye weQela D azokuFunda enze noHlolo lwesiCatshulwa.

NY
iph. 127-134
30 imiz.



UHLOLO LOKU-1 LOKUFUNDA NENGQIQO

IQela D

- Biza umfundi ngamnye weQela D azokuphendula imibuzo ngebali.
- Bonisa iphepha lama-38 leNcwadi eNkulu.
- Buza le mibuzo:
 - Kwenzeke ntoni ebalini?
 - Ibingobani abalinganiswa ebalini?
 - Kutheni ukuze alale uMvundla?
 - Ngubani owinileyo? Ngoba?
 - Ngubani omthanda kakhulu ebalini? Kutheni?

Ukukorekisha: jonga iphepha 127
Amanqaku: 12

NN
iph. 38
30 imiz.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.

- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA

Umdlalo weqonga weephaphethi kaMvundla noFudo

- Abafundi mabalinganisele iklasi umdlalo weqonga wabo weephaphethi.
- Qinisekisa uze uncome.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda noHlolo lesiCatshulwa. Nikeza amaphepha encwadi yeDBE kubafundi abazisebenzelayo.

30 imiz.



LWESIHLANU

**INTLANGANISO YAKUSASA** *iindaba***Nikeza ngesihloko**

- Nika abafundi isihloko sokubalisa iindaba ngaso.

Cinga

- Yintoni ofuna ukuyithetha ngesihloko.

Ngababini

- Sebenzisa isakhelo *seeNdaba zam* ukubalisela iqabane lakho.

Yabelanani

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

15 imiz.

**IZANDI** *Ubizelo*

- Abafundi mabasebenze bodwa kwiincwadi zabo zomsebenzi.
- Biza unobumba-sandi ofundisiweyo kule kota. Phinda kube kanye.
- Abafundi mababhale ubobumba ezincwadi zabo.
- Qhubeka ngazo zonke izandi ezifundisiweyo kule kota.
- Thatha uze ukorekise. Qaphela ngabaphi abafundi abadinga uncedwa/ukuziqhelanisa.

15 imiz.


a	b	u
l	p	i
m	e	k

**UKUBHALA WEDWA** *Yabelana ngezivakalisi*

- Biza abafundi abambalwa babonise iklasi imifanekiso yabo baze bafunde nezivakalisi zabo.
- Xoxa kunye neklasi ukuba basithandile isiphelo sebali kwaye ngoba okanye kutheni ungatsho.

 NYY
iph. 126
15 imiz.
**UMSEBENZI OWENZA WEDWA**

- Abafundi mabagqibezele amaphepha amabini omSebenzi Owenza Wedwa namhlanje (jonga kwitheyibhile kwiphepha lama-94).
- Jonga ukuba abafundi bayayazi into emabayenze kumaphepha oMsebenzi oWenza Wedwa.
- Bakhumbuze basebenze ngokuthe cwaka kwaye bodwa.
- Xa iklasi izolile, biza umfundi ngamnye weQela E azokuFunda enze noHlobo lwesiCatshulwa.

 NYY
iph. 127-134
30 imiz.




UHLOLO LOKU-1 LOKUFUNDA NENGQIQO

IQela E

- Biza umfundi ngamnye weQela E azokuphendula imibuzo ngebali.
- Bonisa iphepha lama-38 leNcwadi eNkulu.
- Buza lemibuzo:
 - Kwenzeke ntoni ebalini?
 - Ibingobani abalinganiswa ebalini?
 - Kutheni ukuze alale uMvundla?
 - Ngubani owinileyo? Ngoba?
 - Ngubani omthanda kakhulu ebalini? Kutheni?

Ukukorekisha: jonga iphepha 127
Amanqaku: 12

NN
iph. 38
30 imiz.



UKUJONGA UNIKE INGXELO

Phinda uqwalasele iveki

- Zintoni ozithandileyo ngeeveki zakho zokuqala esikolweni?
- Yintoni ongayithandanga?

Jonga umSebenzi Owenza Wedwa wabafundi

- Nika ingxelo uphinde ufundise ukuba kunyanzelekile.

15 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza uKufunda noHlolo leSicatshulwa. Nikeza amaphepha encwadi yeDBE kubafundi abazisebenzelayo.

30 imiz.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndimphendulile umfundi**
- **ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi kumaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncdo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncdo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

ISICWANGCISO SEVEKI

Ukuzigcina
ucocekile

UKULUNGISELELA

Oonotsheluza

coca

izikhuhli

pula

yosula

ISIKHOKELO SOKUFUNDA NGAMAQELA ANCEDISWA NGUTITSHALA (FQNT)
NOMSEBENZI OWENZA WEDWA (SOW)

FQNT: (Imisebenzi yokuFunda okuKhulayo) 2 × 15 imiz kwiqela ngalinye. Amaphepha asi-8 SOW

	Mvulo		Lwesibini		Lwesithathu		Lwesine		Lwesihlanu	
IQela A	FQNT 1	SOW woku-1	SOW wesi-2	SOW wesi-3	SOW wesi-4	FQNT 2	SOW wesi-5	SOW wesi-6	SOW wesi-7	SOW wesi-8
IQela B	SOW woku-1	FQNT 1	SOW wesi-2	SOW wesi-3	SOW wesi-4	SOW wesi-5	FQNT 2	SOW wesi-6	SOW wesi-7	SOW wesi-8
IQela C	SOW woku-1	SOW wesi-2	FQNT 1	SOW wesi-3	SOW wesi-4	SOW wesi-5	SOW wesi-6	FQNT 2	SOW wesi-7	SOW wesi-8
IQela D	SOW woku-1	SOW wesi-2	SOW wesi-3	FQNT 1	SOW wesi-4	SOW wesi-5	SOW wesi-6	SOW wesi-7	FQNT 2	SOW wesi-8
IQela E	SOW woku-1	SOW wesi-2	SOW wesi-3	SOW wesi-4	FQNT 1	SOW wesi-5	SOW wesi-6	SOW wesi-7	SOW wesi-8	FQNT 2

IMISEBENZI YOKUFUNDA OKUSAVELAYO YOFQNT

Ukuva: Ukuqonda ngezandi nokuqwalasela izandi	Ukubona: Ukuchonga unobumba
1. Chonga uluhlu lwamagama egameni (qhwaba).	6. Bala onoobumba egameni.
2. Chonga inombolo loluhlu lamagama.	7. Chonga onoobumba abayeeleneyo.
3. Yahlula izandi eziqalayo zoluhlu lamagama.	8. Biza onoobumba abafundisiweyo eklasini, bhala izandi.
4. Yahlula izandi zokugqibela zoluhlu lamagama.	9. Chonga onoobumba abakhulu nabancinci kwizivakalisi.
5. Chonga inombolo lezandi emagameni amafutshane.	10. Uyakwazi ukubiza i-alfabhethi.

IZIXHOBO ZEMISEBENZI

- isitya/ikom yokuhlambela, iglasi yamanzi, ibrashhi yamazinyo, intlama yamazinyo

Ibali elifundwa ngokuvakalayo

- Wawufumana njani umboko u-Elihle
- Phinda ubalise ibali
- Ukubalisa ibali kwakhona

Yenza umbongo

- Isicengcelezo sikaNdlovu

EzemiThambo

- Izitishi zemisebenzi



EzobuGcisa obuBonwayo


- Iiphaphethi zoMvundla noFudo

EzobuGcisa beQonga

- Umdlalo weqonga weephaphethi zikaMvundla noFudo


ULwazi olusiSiseko nokuziPhatha neNtlalo

- Ukuhlala ucocekile: ukuhlamba izandla namazinyo
- Ulandelelwano
- Ukumamela abazali



UkuFunda noTitshala

- Lixesha lokuhlamba ngoku Elihle!



UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala

- Imisebenzi yokuFunda eNcediswa nguTitshala: amaqela ama-2 ngemini
- UmSebenzi Owenza Wedwa: Amaphepha asi-8 SOW

Ufunda

- Ukubhala
- Ulandelelwano: Amagama exesha
- Bhala isivakalisi uze uzobe umfanekiso



Ukufunda

FQNT

Ukubhala

Izandi

UkuPhulaphula
nokuThetha

Izakhozo zoBomi

Umxholo:
Imikhwa yempilo
Iveki ye-9:
Ukucoca




Izandi

- Imisebenzi yokuqonda izandi
- Ukwenza unobumba-sandi uS noH

Ukubhala ngesandla

- Ukwenza unobumba-sandi uS noH

Wawufumana njani umboko u-Elihle



Kudala-dala, umhlaba usemtsha, izilwanyana zazikhangeleka zahlukile. Ngelo xesha, iindlovu zazineempumlo ezimfutshane ezifana nezeengonyama nezezinja. Kodwa zazisenkulu kakhulu, kwaye zazingazoyiki ezinye izilwanyana ngaphandle kwesilwanyana esinye esasiyinxilimbela, ingwenya eluhlaza. Le ngxilimbela yengwenya euhlaza yayizimela emanzini amdaka omlambo ukuze ibambe izilwanyana ezazisiya kusela. (*Ungandibonisa indlela eyayizibamba ngayo?*) Ngenxa yoko, iindlovu zazisiya kusela emlanjeni zizonke, kube kanye ngemini, ukutshona kwelanga.

Eli bali lingomntwana wendlovu ogama lingu-Elihle. U-Elihle wayenobuqhetseba kancinci. Wayengammameli qho umama wakhe. (*Hayi njengani nonke, niyabamamela oomama benu, andithi?*) Umama ka-Elihle wayesoloko emxelela, "Elihle, kufuneka undimamele ukuze uhlale ukhuselekile."

"Ewe Mama," watsho u-Elihle. Kodwa wayengasoloko esenza njengoko exelelwa.

Ngenye imini kwakushushu kakhulu. Ilanga lagqatsa zaze zozela iindlovu. U-Elihle wabona iindlovu ezindala zihebhuzela bubuthongo elangeni zivale amehlo. Wenza into awayengafanelanga kuyenza. Waya emlanjeni yedwa. (*Ngaba ebemele ukuyenza lo nto?*)

Amanzi amdaka ayeqengqeleka ethe cwaka. U-Elihle wajonga ngasekhohlo nangasekunene kodwa wayengayiboni ingxilimbela yengwenya eluhlaza. "Ndiqinisekile ukuba kukhuselekile," wacinga njalo. (*Ucinga ntoni?*) Wathoba waqalisa ukusela. Wathi rhabu kwakanye wabona into eluhlaza emanzini! Wazama ukukhupha intloko yakhe emanzini kodwa ... kwabe sekwenzekile! Ingxilimbela yengwenya eluhlaza yayisele imbambe ngempumlo! Iyho! U-Elihle wazidlikidla wazidlikidla kodwa amazinyo amakhulu abukhali engwenya ayesele emthe **nkamfu**.



ISIGAMA

nkamfu: ukubambela entweni kakhulu

U-Elihle wakhwaza ecela uncedo. “Ndincedeni, Ndincedeni,” wakhala. Ngethamsanqa umama wakhe wamva. Weza ebaleka emlanjeni, wabona ukuba kwenzeka ntoni. Wazama ukutsala uNdlovana kodwa ingwenya yabambelela empumlwani yakhe. Nezinye iindlovu zeza zibaleka emlanjeni zizokutsala nazo. Batsala, batsala, batsala kwaza ekugqibeleni ... ingwenya enkulu eluhlaza yayiyeka impumlo. U-Elihle wayekhululekile kwakhona!

Kwenzeka ntoni empumlwani ka-Elihle? Iyho! Impumlo yakhe **yayitsalekile**. Yayinde kangokuba yayifika emhlabeni! U-Elihle wakhala, “Jonga impumlo yam. Inde kakhulu. Wonke umntu uza kundihleka.”

Kodwa okumangalisayo kukuba, ngosuku olulandelayo u-Elihle wafumanisa ukuba impumlo ende iluncedo kakhulu! Wayenokuyisebenzisa njengesandla ukufikelela kumagqabi aphezulu, kwaye wayenokuyisebenzisa njengombhobho wokusela. Eyona nto ibalaseleyo awayenokuyisebenzisa kuyo **kukuzitshiza** ngamanzi umzimba wakhe wonke. Yayilungele kanye ukugcina ucoceko. Wonwaba kakhulu ngempumlo yakhe ende. Wayibiza ngokuba ngumboko wakhe.

Ukusukela ngaloo mini, zonke iintsana zeendlovu zizalwa zinemiboko emide kwaye le miboko izinceda ukuba zitye, zisele kwaye zihlale zipholile.

yayitsalekile: ukuyenza ibende

kukuzitshiza: ukugquma into ngamachaphaza amanzi aza ngomoya

UNolo noPolo

UNolo noPolo babengamawele. Njengokuba uPolo wayesoloko emmamela umama wakhe, uNolo yena wayenamaxesha okungeva. Ngamaye amaxesha uMama wayedla ngokuthi xa embiza Nolo Ongevayo. (*Wena ufana noNolo okanye uPolo?*)

Ngenye imini ngexesha leeholide uMama wahamba noonyana bakhe amabini wabasa emlanjeni ukuba baye kuqubha. Babenemincili kakhulu. Bathi xa befika kwiliwa elikudonga lomlambo, wakhumbula uMama ukuba ulibele ukuphatha ibhotile yamanzi okusela.

“Hlalani apha ngakweli liwa,” watsho uMama. “Ningayi phaya esiphelweni kwaye ningangeni emanzini. Nikhumbule, anikakufundi ukuqubha! Ndisaya kulanda ibhotile yethu yamanzi.”

Amakhwenkwe alinda apho eliweni, kodwa uNolo wakhawuleza waziva shushu kwaye wadikwa kukulinda. Wagqiba kwelokuba enze into ... (*Kowu! Ucinga ukuba wagqiba ukuba enze ntoni uNolo?*)

Ewe, uNolo waya esiphelweni seliwa, wafaka iinzwane zakhe emanzini. Iliwa lalimtyibilizi phaya esiphelweni, waze wa ... (*Ucinga ukuba kwenzeka ntoni?*)

Ewe, ngelishwa uNolo wawa, watshona emlanjeni kwaye umsinga wawunamandla. Amanzi amtsala uNolo aqala ukuhamba naye. UPolo wayemi eliweni, ekhwaza uMama ngamandla. Ngethamsanqa wayesele ekufutshane uMama, waze wanqakula ihempe kaNolo. Wanceda uNolo ukuba aphume emanzini. “Kwedini egezayo,” watsho uMama, “Bendikuxelele ukuba uze ungangeni emlanjeni.”



MVULO

INTLANGANISO YAKUSASA **Iindaba**

15 imiz.

Nikeza isihloko

- Nika abafundi isihloko sokubalisa iindaba.

Cinga

- Yintoni ofuna uyixelela iqabane lakho ngesihloko.

Ngababini

- Sebenzisa isakhelo see*Ndaba zam* ukubalisela iqabane lakho.

Yabelanani

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

**IBALI ELIFUNDWA NGOKUVAKALAYO****Indlela u-Elihle awafumana ngayo umboko wakhe**NT iph.
108 & 109
15 imiz.**Phambi kokufunda**

- Namhlanje ibali lethu yintsomi. Iintsomi ngamabali akhe abaliswa, ukufunda isifundo okanye ukucacisa ukuba kutheni izinto zingendlela ezingayo. Zidla ngokuba nezilwanyana njenga balinganiswa.
- Zifana nantoni iindlovu? (*bonisa umfanekiso*)

Funda ibali ngokuvakalayo, ngemvakalelo

- Sebenzisa amazwi ahlukileyo kubalinganiswa.

- Sukuphazamisa ukufunda ucacisa.

Injongo kukuba abafundi bave ukuba ukufunda ngokuchanekileyo kuvakala kanjani kwaye balonwabele ibali.

Emva kokufunda

- Vumela abafundi baphendule ibali baze batsho abakonwabeleyo ngalo okanye intandabuzo.
- Ngokufutshane cacisa isigama esifakwe umbala

**ULWAZI OLUSISISEKO NEPN Ukuhlala ucocekile**NN iph. 42
15 imiz.**Ukulungiselela**

- Yiza egumbini lokufundela nesitya/ikom yokuhlambela, iglasi yamanzi, ibhrashi yamazinyo nentlama yamazinyo.

Ukuhlamba amazinyo

- Bonisa indlela yokuhlamba amazinyo, ugxile kwinto oyenza kuqala, okwesibini, okwesithathu, nakokugqibela.

Xoxani

- Kubaluleke ngantoni ukucokisa amazinyo akho? (*kunceda amazinyo angaboli kwaye angaphumi*)
- Uwagcina njani amazinyo akho ecocekile? (hlamba amazinyo; pula umlomo ngamanzi; yitya uze usele nezinto ezimbalwa ezineswekile)
- Siwahlamba nini amazinyo? (ngaphambi kokuba siye ebhedini ebusuku, kusasa.

Ukuhlamba izandla

- Funda kunye neklasi iNcwadi eNkulu kwiphepha lama-42.

Xoxani

- Kubaluleke ngantoni ukuhlamba izandla?
- Kutheni imifanekiso ineenombolo nje?
- Kutheni kufuneka imizuzwana engama-20 nje?
- Siyaqalela ntoni impompo sakugqiba ukumanzisa izandla?

**IZANDI Ukwazisa unobumba uS**NYY iph. 139
15 imiz.**Yazisa unobumba omtsha**

- Mamela isandi esitsha uze usibize. Qaphela imilo eyenziwa ngumlomo wakho
- Ligama likabani eliqala ngesi sandi? Ligama likabani elinesandi?
- Jonga indlela igama elibhalwe ngayo.

Chonga amagama anolo nobumba


- Gxila kwigama elingundoqo kumqolo ophezulu. Fundisa intshukumo ukunceda abafundi badibanise igama elingundoqo kunye nesandi.
- Funda amanye amagama, ugxile kunobumba-sandi omtsha.
- Abafundi banganika amanye amagama anolo nobumba.

Bonisa indlela amengayo unobumba

- Sebenzisa ulwazi olumalunga nokuma konobumba (KNF amaphepha 34-36).
- Abafundi mabazobe unobumba ngeminwe baze bazobe ngepensile, beqala kwichaphaza eliluhlaza.

Fundela abafundi isivakalisi ngokucuthayo

- Abafundi mabafake isangqa kunobumba wanamhlanje okwisivakalisi.






UKUBHALA NGESANDLA Iintshukumo ezinkulu

15 imiz.

- Cula okanye udlale ingoma engonobumba.
- Abafundi mabasebenzise iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukileyo (KNF amaphepha 31-33).
- Ncedisa abafundi bachaze iintshukumo zabo njengokuba besenza oku.

Yithi **Molo** ku-
060 017 0000
ngengoma
emalunga
nesandi.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Yazisa umSebenzi Owenza Wedwa wale veki.
- Ukuba banoFQNT notitshala, abafundi mabagqibezele iphepha eli-1 loSOW namhlanje. Bonke abanye Abafundi mabenze amaphepha ama-2 oSOW (jonga itheyibhile kwiphepha lama-108).
- Bakhumbuze basebenze bodwa ngokuthe cwaka.
- Kusenjanlo, yenza neQela A noB imisebenzi yokuFunda okuKhulayo imizuzu eli-15 kwiqela ngalinye.

NY
iph.
146-154
30 imiz.



FQNT IQela A noB

30 imiz.

- Sebenzisa iINN/iNYY/Incwadana yamabali/ ezinye iincwadi ezikwizinga labo/uDonga lwamaGama ukunika amagama kunye nomxholo wemisebenzi yokuFunda okuKhulayo (KNF amaphepha 31-33).
- Nika imisebenzi kwinqanaba ngalinye bade abafundi bawuqonde umxholo.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

30 imiz.

Ukulungiselela

- Khetha imisebenzi yeveki emine eyahlukileyo kwiphepha lama-21.
- Beka izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo uze ucacise indlela yonkwenza umsebenzi kwisitishi ngasinye.
- Abafundi mabaziqhelanise nemisebenzi.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Nikeza amaphepha encwadi yeDBE kubafundi abazisebenzelayo.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Ukuxukuxa amazinyo

30 imiz.

Ukulungiselela

- Gqithisa izibhengezo eziprinitiweyo zegrosari, izikere, iglu, iphepha lepowusta, iikhrayoni
- Ngokufutshane xoxani ngale mibuzo niyiklasi:
 - Kubaluleke ngantoni ukucokisa amazinyo akho?
 - Uwagcina njani amazinyo akho ecocekile?
 - Siwahlamba nini amazinyo? (ngaphambi kokuba siye ebhedini ebusuku, kusasa, ngamanye amaxesha emva kokutya)

Umsebenzi wamaqela

- Yenza ipowusta exelela abanye abafundi indlela yokunakekela amazinyo wabo.
- Sika imifanekiso yentlama yokuhlamba amazinyo neebhrashi zamazinyo.

Zincamathisele kwipowusta. Ungazoba ukuba ufuna njalo.

- Gqiba ngomyalezo omfutshane (umzekelo: Xukuxa rhoqo emva kwesidlo; Jonga amazinyo wakho)

- Khetha umntu omnye abhale umyalezo. Zama upelo!
- Yenza ibhoda enomtsalane kwipowusta.



LWESIBINI



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi
- Isandi esinye okanye esohlukileyo?

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA **Phinda ubalise ibali**

15 imiz.

Ukulungiselela

- Bhala amanyathelo ebhodini webali elithi Wawufumana njani u-Elihle umboko wakhe.

Cacisa indlela yokuphinda ubalise ibali

- Cacisa amanyathelo ebali, ngolandelelwano oluchanekileyo.
- Cacisa abalinganiswa nokuba ngubani owenze ntoni.

Amaqela: phinda ubalise ibali elithi Wawufumana njani u-Elihle umboko wakhe

- Sebenzisa amanyathelo asebhodini ukuphinda ubalise ibali.
- Umfundi ngamnye ubiza inyathelo ngolandelelwano oluchanekileyo.

Inyathelo 1: UMama wathetha noNdlovana.

Inyathelo 2: UNdlovana waya emlanjeni.

Inyathelo 3: UNGwenya wabamba uNdlovana.

Inyathelo 4: UNdlovana wakhwaza ecela uncedo.

Inyathelo 5: UMama wamtsala.

Inyathelo 6: Abanye bamtsala.

Inyathelo 7: UNdlovana wakhululeka, kodwa waba nomboko.

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN **Ulandelelaniso**

Amanyathelo okuhlamba izandla


- Gqiba ngento eyenzekayo kumfanekiso ngamnye kwiNYY iphepha lama-140.
- Nombola imifanekiso ngolandelelwano oluchanekileyo.

Ngababini

- Yabelanani ngemibuzo.
- Ingaba nobabini nilandelise imifanekiso ngendlela eyiyo?

Iklasi

- Jonga kwakhona ipowusta eNcwadi eNkulu ukujonga iphepha kwiNYY.


NYY
iph. 140
15 imiz.IZANDI **Ukuphulaphula nokutshatisa**

Ukulungiselela

- Ketha amakhadi emifanekiso emi-5 kwisikhamiso ngasinye. Wafihle egumbini lokufundela ngaphambi kwesifundo.
- Sebenzisa onootsheluzi okanye itshathi ye-alfabhethi ukubonisa izikhamiso. Iklasi yonke nabafundi ngabanye mabafunde onoobumba.


Funa amakhadi

- Yahlula iklasi ibengamaqela ama-5 uze unike iqela ngalinye ikhadi lesikhamiso. Jonga ukuba bayakwazi ukuchonga isikhamiso.
- Abafundi mabakhangele amakhadi omfanekiso ama-5 anesikhamiso abasinikiweyo.
- Xa abafundi befumene onke amakhadi emifanekiso ahambelana nonobumba wabo, mabahlale phantsi emethini.

KNF
iph. 53-59
15 imiz.UKUBHALA NGESANDLA **Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi**

15 imiz.

- Abafundi basebenzisa iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundisiweyo emoyeni/phantsi, kwizinto ezahlukeneyo (KNF amaphepha 31-33).
- Abafundi baziqhelanisa nokubhala unobumba kwiincwadi zomsebenzi.
- Jikeleza uze uncedise. Qaphela indlela ababamba ngayo ipensile nendlela abahleli ngayo.





UKUFUNDA NOTITSHALA (1)

Lixesha lokuhlamba ngoku Elihle!

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Fundela iklasi ibali lonke, uze ufunde nabo. Yalatha ngezantsi kwamagama njengokuba uwabiza.
- Buza imibuzo **yoSuku loku-1** kwiphepha ngalinye leNN.

Hlaziya amagama onootsheluzi: **coca, izikhuhli, pula, yomisa**

- Phakamisa oonotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa oonotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

Phinda ufunde ibali kwakhona

NN
iph.
43-46
15 imiz.

Lixesha lokuhlamba ngoku Elihle!



Lixesha lokuhlamba ngoku Elihle!

63



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi abanoFQNT notitshala mabagqibezele iphepha loSOW namhlanje. Bonke abanye abafundi benze amaphepha ama-2 oSOW (jonga itheyibhile kwiphepha lama-108).
- Bakhumbuze basebenze bodwa ngokuthe cwa.
- Kusenanlo, yenza neQela A noB imisebenzi yokuFunda okuKhulayo imizuzu eli-15 kwiqela ngalinye.

NY
iph.
146-153
30 imiz.



30 imiz.



FQNT IQela C noD

- Sebenzisa iNN /iNYY/Incwadana yamabali/ezinye iincwadi ezikwizinga labo/ uDonga lwamaGama ukunika amagama kunye nomxholo wemisebenzi yokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (KNF amaphepha 31-33).
- Yenzani imiSebenzi yokuFunda ngesantya seqela (jonga iphepha lama-108).
- Nika imisebenzi kwinqanaba ngalinye bade abafundi bawuqonde umxholo.
- Gqithela kwelinye inqanaba lemisebenzi xa zonke izakhono zibambekile.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

30 imiz.



EZOBUGCISA OBUBONWAYO Ukuxukuxa amazinyo

- Gqibezela ipowusta yeqela.
- Xhoma endlini yangasese okanye ezipasejini zesikolo.

Kwiscwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Nikeza amaphepha encwadi yomsebenzi yakwaDBE kubafundi abazisebenzelayo.

30 imiz.



LWESITHATHU



INTLANGANISO YAKUSASA

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlala umdlalo wegama nabanye abafundi

- Isandi esinye okanye esohlukileyo?

15 imiz.

ULWAZI OLUSISISEKO NEPN **Ukumamela abazali**

Fundela iklasi ibali likaNolo noPolo

Xoxani ngale mibuzo

- Kwakutheni ukuze umama ka-Elihle amxelele ukuba angayi kusela yedwa?
- UMama waxelela uNolo noPolo ukuba bahlale elityeni elikhulu. Zazisithini izizathu zakhe?
- Cinga ngento umama wakho akuxelela ukuba ungayenzi? Ucinga ukuba kwakutheni ukuze akuxelele lonto? Wawufana noNolo okanye uPolo?
- Likufundise ntoni ibali? (Chaza ooMama badla ngokuba nezizathu zokusixelela ukuba singayenzi into.)

Qqibezela umsebenzi kwiNYY iphepha lama-141.

NYY
iph. 141
15 imiz.IZANDI **Ukwazisa unobumba-sandi uS**

Yazisa unobumba omtsha

- Mamela isandi esitsha uze usibize. Qaphela imilo eyenziwa ngumlomo wakho
- Ligama likabani eliqala ngesi sandi? Ligama likabani elinesandi?
- Jonga indlela igama elibhalwe ngayo.

Chonga amagama anolonobumba

- Gxila kwigama elingundoqo kumqolo ophezulu. Fundisa intshukumo ukunceda abafundi badibanise igama elingundoqo kunye nesandi.
- Abafundi banganika amanye amagama anolonobumba.

Bonisa indlela amengayo unobumba

- Sebenzisa ulwazi olumalunga nokuma konobumba (KNF amaphepha 34-36).

- Abafundi mabazobe unobumba ngeminwe baze bazobe ngepensile, beqala kwichaphaza eliluhlaza.

Fundela abafundi isivakalisi ngokucuthayo


- Abafundi mabafake isangqa kunobumba wanamhlanje okwisivakalisi.

NYY iph. 142
15 imiz.UKUBHALA NGESANDLA **Iintshukumo ezinkulu**

- Cula okanye udlale ingoma engonobumba.
- Abafundi mabasebenzise iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundiswe kwizandi emoyeni, phantsi, ngezinto ezahlukileyo (KNF amaphepha 31-33).
- Ncedisa abafundi bachaze iintshukumo zabo.

Yithi Molo ku-060
017 0000 ngengoma
emalunga nesandi.

15 imiz.

UKUFUNDA
NOTITSHALA (2)**Lixesha lokuhlamba ngoku Elihle!**

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Fundela iklasi ibali elithi *Lixesha lokuhlamba ngoku Elihle!* Abafundi mabangenelele xa bekwazi.
- Buza imibuzo **yoSuku lwesi-2** kwiphepha ngalinye leNK.
- Fundani ibali niyiklasi.

Chonga onobumba abafundisiweyo

- Abafundi mabachonge onobumba abafundisiweyo

Hlaziya amagama onotsheluzi: **amakhwenke, amantombazana, danisa**

- Phakamisa onotsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa onotsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.

NN
iph.
43-46
15 imiz.



UKUBHALA NOTITSHALA

Ulandelelwano

Ukulungiselela

- Khuphela esisakhelo sokubhla esinamagama okuphawula ixesha ebhodini.

Bhalani kunye

- Ebalini elithi *Lixesha lokuhlamba ngoku Elihle!*, ngawaphi amagama achazayo xa into yenzekile? (*okokuqala, emva koko, ekugqibeleni*)
- Nikunye, gqibezelani isivakalisi ngasinye:
 - Wenza ntoni uMama kuqala? (*uyakhula*)
 - Ukupela njani oko?
 - Kuza ntoni ekupheleni kwesivakalisi?

15 imiz.

**Okokuqala, uMama ...
Emva koko uMama ...
Ekugqibeleni
uMama ...**

- Wenza ntoni uMama emva koko? (*uyahlambisa/ uyapula*)
- Wenza ntoni uMama ekugqibeleni? (*uyosula*)

Funda

- Abafundi abambalwa bamafunde izivakalisi ngokuvakalayo
- Ukhona umntu onokufunda izivakalisi zontathu?



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi abanoFQNT notitshala mabagqibezele iphepha loSOW namhlanje. Bonke abanye abafundi benze umsebenzi okumaphepha ama-2 oSOW (jonga itheyibhile kwiphepha le-108).
- Bakhumbuze basebenze bodwa ngokuthe cwaka.
- Okwangoku yenza neQela A noB umSebenzi wokuFunda eNcediswa nguTitshala imizuzu eli-15 kwiqela ngalinye.

NY
iph.
146-153
30 imiz.



FQNT IQela E noA

- Sebenzisa iNN/iNYY /Incwadana yamabali /lincwadi ezikwizinga labo/ uDonga lwamaGama ukunika amagama kunye nomxholo womsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala (KNF amaphepha 31-33).

- Yenzani womsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala
- ngesantya seqela (jonga iphepha le-108).
- Nika imisebenzi kwinqanaba ngalinye bade abafundi bawuqonde umxholo.
- Gqithela kwelinye inqanaba lemisebenzi xa zonke izakhono zibambekile.

30 imiz.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

Ukulungiselela

- Khetha imisebenzi yeveki emine eyahlukileyo kwiphepha lama-21.
- Beka izixhobo.
- Yahlula iklasi ibengamaqela amane.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa izixhobo uze ucacise indlela yonkwenza umsebenzi kwisitishi ngasinye.
- Abafundi mabaziqhelanise nemisebenzi.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza umsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Nikeza amaphepha encwadi yomsebenzi yakwaDBE kubafundi abazisebenzelayo.

30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA Amalungiselelo omdlalo weqonga wamaqela

30 imiz.

Thethani ngokulungiselela umdlalo weqonga Indlela awawufumana ngayo umboko wakhe u-Elihle.

- Ibingawaphi amanyathelo ebalini?
- Bangaphi abalinganiswa ebebesabalini?
- Bathethe ntoni kwaye benza ntoni abalinganiswa kwinyathelo ngalinye?
- Singayibonisa njani intshukumo?

Amaqela mawalungiselele umdlalo weqonga.

- Yahlula iklasi ibe ngamaqela anabafundi aba-5-6 eqeleni.
- IQela ngalinye malikhethe inkokheli. (umkhokheli olungileyo okwaziyo ukufunda amanyathelo)
- Inkokheli yaba iindima eniza kuzilinganisa. (uMama, u-Elihle, iiNgwenya, ezinye iindlovu)
- Umlinganiswa ngamnye kufuneka acinge amazwi akhe aza kuwathetha.
- Ziqheliseni ukulinganisa ibali, nithetha amagama enizikhethela wona.

1. UMama uthetha noNdlovana.
2. UNdlovana uya emlanjeni.
3. UNgwenya ubamba uNdlovana.
4. UNdlovana uyakhwaza ucela uncedo.
5. UMama uyatsala.
6. Abanye bayatsala.
7. UNdlovana ukhululekile kodwa unomboko.

LWESINE



INTLANGANISO YAKUSASA

15 imiz.

- Irejista, ikhalenda, imozulu
- Dlala umdlalo wegama kunye nabanye abafundi
- Isandi esinye okanye esohlukileyo?



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Umbongo

15 imiz.

- Fundisa umbongo neentshukumo zawo.
- Mabangenelele abafundi xa benakho (kwityeli lesibini), benze umboko ngeengalo zabo kwaye bahambe okwendlovu.
- Amantombazana mawacengceleze umbongo, emva koko ibe ngamakhwenkwe.

Indlovu

Indlovu inkulu kwaye inamandla
lindlebe zayo zinkulu khakhulu, umboko wayo mde
Ingqisha ngamanyathelo asindayo
Inamabamba amabini, umsila omnye nemilenze
emine emikhulu



IZANDI

Ukwakha amagama

Abafundi mabasike amakhadi onoobumba kwiphepha le-163

- Khumbuza ikhosi ifake emgqomeni iindawo ezisikiweyo ezingasebenziyo.
- Bonisa amakhadi amanye katitshala ngokungalandelelaniyo ebhodini.

Chonga onoobumba

- Utitshala ubiza onoobumba baze abafundi baphakamise ikhadi elifanyo. Jonga.

Ukwakha amagama uWedwa

- Utitshala ubiza igama elikwi NYY iphepha le-143.

- Khokhela abafundi babize igama ngokucothayo baze mabale izandi eminweni yabo. Isandi ngasinye
- sihambelana nekhadi likanobumba.
- Abafundi mabasebenzise amakhadi wabo onoobumba ukwakha igama.
- Bhala igama elichanekileyo ebhodini ukuze abafundi bajonge.
- Phinda ngamanye amagama kwiphepha lama-143.


NY
iph. 143
15 imiz.

UKUBHALA
NGESANDLA

Ziqhelanise kwiincwadi zomsebenzi

15 imiz.

- Ngokufutshane abafundi mabenze iintshukumo ezinkulu ukwenza unobumba ofundisiweyo kwi zandi emoyeni, phantsi, nangezinto ezahlukileyo. (KNF amaphepha 31-33)
- Abafundi mabaziqhelanise nokubhala unobumba kwiincwadi zomsebenzi.
- Jikeleza uze uncedise. Qaphela indlela ababamba ngayo ipensile nendlela emengayo.

UKUFUNDA
NOTITSHALA (3)

Lixesha lokuhlamba ngoku Elihle!

Fundani kwiNcwadi eNkulu

- Funda ibali lonke kunye neklasi.
- Buza imibuzo **yoSuku lwesi-3**.

Hlaziya amagama onootsheluzi: **coca, izikhuhli, pula, yosula**

- Phakamisa onootsheluzi uze ubize amagama ngokuvakalayo kunye nabafundi.
- Tshatisa onootsheluzi negama elikwiNcwadi eNkulu.
- Ukuba unalo ixesha, abafundi mabenze izivakalisi ngokuvakalayo ngegama ngalinye.
- Beka onootsheluzi kuDonga lwamaGama.

NN
iph.
43-46
15 imiz.





UKUBHALA WEDWA **Qqibezela izivakalisi**

Ukulungiselela

- Funda kunye neklasi izivakalisi ezigqityiweyo zayizolo.
- Ngawaphi amagama ama-3 asixelela ukuba wenza ntoni uMama? Xelela abafundi ukuba ngamagama entshukumo lana okanye izenzi.
- Abafundi mabafune onootsheluza bala magama kuDonga lwamaGama.

Zoba nize nibhale

- Zoba umfanekiso wenye yezinto ezenziwa nguMama.
- Bhala isivakalisi ngomfanekiso. Sebenzisa igama lexesha kwisivakalisi sakho. (*ekuqaleni, emva koko, ekugqibeleni*).

NY
iph. 144
15 imiz.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi abanoFQNT notitshala mabagqibezele iphepha eli-1 loSOW namhlanje. Bonke abanye abafundi benze umsebenzi okumaphepha ama-2 oSOW. (bona itafile kwiphepha lama-108).
- Bakhumbuze basebenze bodwa ngokuthe cwaka.
- Okwangoku yenza neQela A n B imiSebenzi yokuFunda okuKhokelwayo imizuzu eli-15 kwiqela ngalinye.

NY
iph. 146-153
30 imiz.



FQNT **IQela B noC**

- Sebenzisa iNN/iNY/Incwadana yamabali /iincwadi ezikwizinga labo/uDonga lwamaGama ukunika amagama kunye nomxholo womSebenzi wokuFunda okuKhokelwayo (KNF amaphepha 31-33).
- Yenzani iMisebenzi yokuFunda ngesantya seqela (jonga iphepha le-108).
- Nika imisebenzi kwinqanaba ngalinye bade abafundi bawuqonde umxholo.
- Gqithela kwelinye inqanaba lemisebenzi xa zonke izakhono zibambekile.

30 imiz.



EZEMITHAMBO **Izitishi zemisebenzi**

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

30 imiz.



EZOBUGCISA BEQONGA **Linganisa imidlalo yeqonga**

- Amaqela mawanikezele eklasini ngomidlalo wabo weqonga othi *Wawufumana njani umboko wakhe u-Elihle*.
- Khetha elona qela litshatshelayo ukuba lenze kuqala.
- Ncoma uqhwebela izandla iqela ngalinye.

30 imiz.



Kwiscwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza umsebenzi wokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Nikeza amaphepha omsebenzi encwadi yomsebenzi yakwaDBE kubafundi abazisebenzelayo.

LWESIHLANU

INTLANGANISO YAKUSASA **Iindaba**

15 imiz.

Nikeza isihloko

- Nika abafundi isihloko ukuba babalise iindaba ngaso, umzekelo, into oyenze kule mpela veki.

Cinga

- Yintoni ofuna ukuyibalisela iqabane lakho ngesi sihloko.

Ngababini

- Sebenzisa isakhelo *seeNdaba Zam* ukubalisela iqabane lakho.

Yabelanani

- Khetha abafundi abambalwa babelane neklasi.

IZANDI **Umdlalo wenkumba****Bonisa umdlalo**

- Jula idayisi/uvale amehlo uze ubeke umnwe ephepheni ecaleni kwenani lebhloko.
- Hambisa isibalo kwisithuba samanani achanekileyo.
- Ukuba uma kunobumba, biza isandi sika nobumba uze uqhubekeke uye **phambili** kumfanekiso ohambelana nelogama.
- Ukuba uma emfanekisweni, buyisa isibalo **umva** siye kwigama elihambelana naso.

Abafundi mabadlale ngababini

- Owinileyo ngofika kuqala esiphakathini senkumba.

 NYY
iph. 145
15 imiz.
UKUBHALA WEDWA **Yabelana ngombhalo wakho**

- Biza abafundi abambalwa babonise ngemizobo yabo.
- Iklasi mayiqikelele isivakalisi umzobo ongaso.
- Umfundi makafunde isivakalisi.

 NYY
iph. 144
15 imiz.


UMSEBENZI OWENZA WEDWA

- Abafundi abanoFQNT notitshala mabagqibezele iphepha eli-1 loSOW namhlanje. Bonke abanye abafundi mabenze amaphepha ama-2 oSOW (jonga itheyibhile kwiphepha le-108).
- Bakhumbuze basebenze bodwa ngokuthe cwaka.
- Okwangoku yenza neQela A noB imisebenzi yokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala imizuzu eli-15 kwiqela ngalinye.

 NYY
iph. 153
30 imiz.




FQNT IQela D no-E

30 imiz.

- Sebenzisa iNN/NYY/Incwadana yamabali/iincwadi ezikwizinga labo/uDonga lwamaGagama ukunika amagama kunye nomxholo yemiSebenzi yokuFunda okuKhulayo (KNF amaphepha 31-33).
- Yenzani iMisebenzi yoKufunda evelayo ngesantya seqela(jonga kwiphepha le-108).
- Nika imisebenzi kwinqanaba ngalinye bade abafundi bawuqonde umxholo.
- Gqithela kwelinye inqanaba lemisebenzi xa zonke izakhono zibambekile.



UKUJONGA UNIKE INGXELO

15 imiz.

Phinda ujonge iveki

- Yintoni ehambe kakuhle kule veki?
- Yintoni ekudingeka uyenze ngokwahlukileyo kwi veki ezayo?

Jonga umsebenzi wabafundi

- Nika ingxelo uze ufundise futhi ukuba kunyazelekile.



EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

30 imiz.

Ukuzifudumeza

Izitishi zomsebenzi

- Thumela iQela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Abafundi mabenze umsebenzi.
- Jonga uze ucebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza imisebenzi yokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Nikeza amaphepha okusebenzela encwadi yomsebenzi yakwaDBE kubafundi abazisebenzelayo.



UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndimphendulile umfundi**
- **ndiwujongile ndawukorekisha umsebenzi kumaphepha eNYY**, ndazibona indawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo kakhulu.
- **ndiphinde ndajonga isicwangciso seveki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisele ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- **lokufundisa umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokuba kungene isikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endikufunayo/endikudingayo ukuqala iveki.

Ukumanywa nohlaziyo

Le yiveki yohlaziyo, ngoko ke akukho sicwangciso sosuku esilungisiweyo. Oko kuxhomekeke kwizidingo zeklasu yakho, khetha kule misebenzi yokuhlaziya.



UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Balisa amabali kwakhona, hlaziya izicengcelezo neengoma

- Balisa kwakhona amabali abaye bawathanda abafundi kwiKota yoku-1, iVeki 1-9.
- Ncedisa abafundi balinganise iintshukumo zesicengcelezo neengoma zeKota yoku-1.



IZANDI

Hlaziya bonke onobumba-zandi abafundisiweyo

- Bonisa oonotsheluzi boonobumba abafundisiweyo, abafundi mababize izandi.
- Biza izandi, abafundi mababhale onobumba.
- Dlalani noba yeyiphi imidlalo yezandi ekwiNYY okanye iNT.



UKUFUNDA NOTITSHALA


Funda amabali kwakhona, sebenzisa oonotsheluzi boDonga lwamaGama

- Funda kwakhona amabali abawathandileyo abafundi kwiNcwadi eNkulu. Khuthaza abafundi ukuba bangenelele.
- Hlaziya izakhono zemiSebenzi yokuFunda okuKhulayo. Abafundi mabachonge isihloko sebali, yitsho ukuba mabaqalephi ukufunda kwiphepha ngalinye, mabachonge unobumba omkhulu okanye omncinci, bachonge unobumba, babize igama, nesivakalisi.
- Hlaziya amagama abonwayo usebenzisa oonotsheluzi abakuDonga lwamaGama.
 - Abafundi mababale onobumba, babize isandi sikanobumba ngamnye, baze babize igama.
 - Dlalani umdlalo wamaqela ngoonotsheluzi.
 - Amaqela angenza imisebenzi yokuhlela ngoonotsheluzi bamagama. Nika iqela ngalinye amakhadi amahlanu. Mabafune igama elinezandi ezine okanye amagama amabini aqala/aphela ngonobumba omnye. Bangakhuphela igama ephepheni.



UMSEBENZI OWENZA WEDWA NOWEQELA WE-ORALI NOKUBHALA

- Abafundi mabasebenze ngababini baphinde babalise ibali abalithandileyo.
- Abafundi mabasebenze ngababini okanye ngamaqela ukwenza isicengcelezo okanye ingoma.
- Abafundi mabazobe umfanekiso okwibali abalithandileyo.
- Abafundi mabacacisele iqabane labo ngomfanekiso wabo.
- Abafundi mabasebenze bodwa okanye ngababini baphinde bafunde amabali akwiNYY.
- Abafundi mabagqibezele amaphepha akhethiweyo encwadi yomsebenzi yakwaDBE.
- Qinisekisa ukuba onke amaphepha omSebenzi Owenza Wedwa kwiNYY agcwaliswe ngokuchanekileyo.
- Jonga ukuba amaphepha akwiNYY agcwaliswe ngokuchanekileyo.
- Vumela abafundi basebenze ngababini ukuphawula amaphepha angagqitywanga okanye agcwaliswe ngokungachanekanga. Abafundi bangabuyela umva bagqibezele/baphinde bawenze lamaphepha.



IMISEBENZI EKWINCWADI YEMISEBENZI YELITHERESI YAKWADBE

Oononye

- Khetha onoobumba abafundisiweyo bahlaziywe ngabafundi. (jonga incwadi yomsebenzi yakwaDBE iphepha lama-30)
- Yenza imisebenzi ye-oral, kunye nabafundi. Emva koko bangagqibezela umsebenzi bebedwa


Imisebenzi yelitheresi

- Yenzani le misebenzi yenzani ibe yi-oral, kunye nabafundi. Emva koko bangagqibezela imisebenzi bebedwa.

Ziqhelanise negama lakho



Ekunene nasekhohlo



Ezifanayo nezahlukileyo



ULWAZI OLUSISISEKO NEPN

Imisebenzi ekwincwadi yemisebenzi yakwaDBE yeZakhono noBomi

- Phinda ufunde noba ngawaphi amaphepha eZakhono zoBomi kwiNcwadi eNkulu.
- Yenza eminye yemisebenzi kwincwadi yomsebenzi yakwaDBE yeZakhono zoBomi nge-oral, kunye nabafundi. Emva koko bangagqibezela imisebenzi bebedwa.

Malunga nam:
Umsebenzi 1, amaphepha 2-3



Imibala:
Umsebenzi 2a, iphepha lesi-4




Sonke sahlukile:
Umsebenzi 4, amaphepha 8-9



Isikolo:
Umsebenzi 5, iphepha le-12



Indlela yokuziphatha (1):
Umsebenzi 11, iphepha lama-23



Indlela yokuziphatha (2):
Umsebenzi 11, iphepha lama-24



ISICWANGCISO SOHLOLO IKOTA YOKU-1

Yintoni eza kuhlolwa?	Uhlobo lohlobo nezixhobo	Amanqaku	Umhla wokugqiba
UHLOLO LOKU-1 UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Thetha ngamava akho unike zonke iinkcukacha	Irubhrikhi ye-ORALI	12	Iveki yesi-3-8
UHLOLO LWESI-2 UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Mamela kwaye ulinganise intshukumo kwingoma/isicengcelezo	Irubhrikhi ye-ORALI	8	Iveki yesi-3-8
UHLOLO LOKU-1 IZANDI Ukuqonda izandi, ukwazi unobumba-sandi, ukufunda amagama	Irubhrikhi ye-ORALI	12	Iveki yesi-7 Mvulo- Lwesihlanu
UHLOLO LOKU-1 UKUBHALA Ubhala uluhlu lwezinto ezi-4	Irubhrikhi EBHALWAYO	8	Iveki yesi-7 Lwesine
UHLOLO LOKU-1 KUFUNDA NESICATSHULWA Uphinda abalise ibali aze aphenhule imibuzo yoqobo nentsingiselo	Irubhrikhi ye-ORALI	12	Iveki yesi-8 Mvulo- Lwesihlanu
UHLOLO LOKU-1 UKUBHALA NGESANDLA Ukubhala igama lakhe	Irubhrikhi EBHALWAYO	8	Iveki yesi-8 Lwesine
UHLOLO LOKU-1 ULWAZI OLUSISISEKO NEPN Ukuqwalasela, ukuchaza, ukubhala imozulu yemihla ngemihla	I-ORALI, EYENZIWAYO Itshekhlisti nerubhrikhi	5	Iveki yesi-2-9
UHLOLO LWESI-2 ULWAZI OLUSISISEKO NEPN Uchaza izinto ezenziwa rhoqo egumbini lokufundela	IRubrikhikhi YOKWENZIWAYO Itshekhlisti neRubhrikhi	5	Iveki yesi-2-9
UHLOLO LOKU-1 LWEZOBUGCISA OBUBONWAYO Yenza ibeyi-2D Zoba/upeyinte iimpawu zobuso bakho	Irubhrikhi YOKWENZIWAYO	5	Iveki yesi-5 Mvulo
UHLOLO LOKU-1 EZOBUGCISA BEQONGA Ukwenza umdaniso weegambhutsi	IRubhrikhi YOKWENZIWAYO	5	Iveki yesi-5 Lwesine
UHLOLO LOKU-1 EZEMITHAMBO Intshukumo yamalungu omzimba nokusebenzisana kwamalungu: imiqobo yokuzisebenza	Irubhrikhi YOKWENZIWAYO	5	Iveki yesi-6 Lwesibini- Lwesihlanu

Amaphepha anokufotokotshwa olu Hlobo asekupheleni kwale ncwadi.

Sebenzisa eziQR codes ukuze ukhuphele amaphepha okumakisha imisebenzi yohlolo.



Uxwebhu lokumakisha lwakwaFunda Wande

UHQLOLO OLUSISISEKO (IVEKI YESI-3 NEYESI-4)

Yenza uhlolo olungekhosesikweni olukhawulezileyo ubeke abafundi kumaQela ohlukileyo yemisebenzi yokuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala. Le misebenzi isetyenziswa kuhlolo iyafana nemiSebenzi yokuFunda okuKhulayo yamaQela. Ukuba abafundi abakwazi ukwenza umsebenzi, mabangagqitheli kwimisebenzi elandelayo.

- Yintoni lo mfanekiso?
- Ngubani isandi sokuqala kweli gama?
- Ngubani isandi sokugqibela?



- Yalatha unobumba wokuqala egameni lakho.
- Ngabaphi abanye oonobumba obaziyo?

a b c d e f g h i j k l m n o p q r s t u v w x y z

- Ingaba uyakwazi ukufunda la magama?

i - apile

ibhola

Irubhrikhi yokukorekisha yoHlolo olusiSiseko

UHQLOLO OLUSISISEKO		Awona manqaku aphezulu: 5
Bhala inqaku eliphela kwisi-5 kumfundi ngamnye, encwadini yakho. Sebenzisa la manqaku ukubeka abafundi emaqeleni adinga encedo uku:		
• chonga izandi emagameni athethwayo • funda unobumba-sandi imbalelwano • kufunda amagama alula		
	Inqaku eli-1	Amanqaku ama-2
Uchonga izandi emagameni athethwayo	izandi zokuqala	izandi zokuqala nezokugqibela
Ulwazi ngonoobumba-zandi	unobumba wokuqala wegama	unobumba wokuqala wegama kunye nabanye oonobumba aba-4
Ukufunda igama	ufunda amagama	

IMIXHOLO YETSHEKHLISTI YEPRINTI (IVEKI YESI-5 NEYESI-6)

IQela _____ (umfanekiso weQela ngalinye)				
Abafundi eqeleni bayakwazi:		Ewe	Abanye	Hayi
1	Ukubamba INYY yabo ngendlela eyiyo			
2	Ukwalatha iqweqwe			
3	Ukubonisa iqweqwe elingaphambili lencwadi			
4	Ukubonisa iqweqwe elingasemva lencwadi			
5	Ukwalatha isihloko sencwadi			
6	Ukutyhila amaphepha ngokuchanekileyo (banike iphepha batyhile)			
7	Ukwalatha isihloko sebali			
8	Ukutsho apho siqala khona ukufunda			
9	Ukwalatha igama lokuqala kwisivakalisi			
10	Ukwalatha igama lokugqibela			
11	Ukuchonga ukuba mangaphi amagama kwisivakalisi			
12	Ukuchonga ukuba bangaphi oonobumba egameni			
13	Ukubiza unobumba omnye okanye ababini			
14	Ukutsho ukuba kutheni unobumba omnye emkhulu/ahlukile (unubumba omkhulu)			
15	Ukwalatha isingxi			

IIRUBHRIKHI ZOHLOLO ULWIMI LWASEKHAYA

UHLOLO LOKU-1 UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA: Balisa ngamava akho/lindaba Iveki yesi-3-8 (naninina xa iklasi isebenza)				3 x 4 = 12 amanqaku
Inkqubo: I-ORAL: imizuzu emibini kumfundi ngamnye Buza imibuzo emi-2-3 ekwibhanki yemibuzo, ibengathi niyancokola: Uneminyaka emingaphi? Lunini usuku lwakho lokuzalwa? Uhlalaphi? Ithini i-dilesi yakho? Uya njani esikolweni? Unabo oobhuti noosisi? Injani imozulu yanamhlanje? Ibinjani imozulu yayizolo? Wenza ntoni ngexesha lokudlala? Yintoni oyithanda kakhulu ngesikolo? Ngubani umhlobo wakho? Unazo izilwanyana ekhayeni? Ngubani umbala owuthandayo/umdlalo/ingoma?				
Ikhayitheriya	1	2	3	4
Balisa ngamava akho/lindaba.	Isakhono solwimi (isakhiwo solwimi, isigama, izivakalisi ezongezelelweyo). Umfundi unesigama esilinganiselweyo kwaye uphendula ngezivakalisi ezifutshane.	Umfundi unesigama esilinganiselweyo kodwa uqala ukuphendula ngezivakalisi izide.	Umfundi uqalisa ukuthetha ngesigama esongezelelweyo kwaye izivakalisi zide.	Umfundi usebenzisa izivakalisi ezongezelelweyo ezinesigama esityebileyo/ eziqaqambileyo.
Ukwazi ukuthetha (ukuvakala, ukubiza amagama. Utyibiliko nesantya).	Umfundi usebenzisa ilizwi elilinganiselelweyo onokuvakala; wenza iimpazamo ezi-4 okanye ezininzi zokubiza amagama.	Umfundi ubane lizwi elahlukileyo; wenza iimpazamo ezi-2-3 zokubiza amagama.	Umfundi ubane lizwi elahlukileyo; wenza iimpazamo eyi-1-2 zokubiza amagama.	Umfundi ubane lizwi elahlukileyo; amagama abizwa ngokuchanekileyo; akenzi zimpazamo.
Umyalezo ogqithiswa ngomzimba (uqhagamshelwano lwamehlo, indlela yokuma, ukuzithemba)	Umfundi akabonakalisi kuzithemba kwaye akaqhagamshelani ngamehlo.	Umfundi uthetha ngokuzithemba okuncinci kwaye wenza ukuqhagamshelana ngamehlo okulinganiselweyo	Umfundi uthetha ngokuzithemba kwaye uqhagamshelana ngamehlo.	Umfundi uthetha ngokuzithemba okukhulu kwaye wenza ukuqhagamshelana ngamehlo oluhle.

UHLOLO LWESI-2 UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA: Ukumamela nokulinganisa indawo ebalini, kwingoma okanye isicengcelezo Iveki yesi-3-8 (nanini na xa kuculwa iingoma)				2 x 4 = 8 amanqaku
Inkqubo: EYENZIWAYO: Izibini ezithathu – imizuzu emi-3 kwiQela ngalinye Ngababini/amaQela mawenze ngaphambili uzokwenza ingoma/isicengcelezo kunye neklasi, ngeentshukumo. Ukuba umfundi unentloni, bavumele baze ngekhethu okanye emva kwesikolo.				
Ikhayitheriya	1	2	3	4
Imvakalelo (isingqi, ukuphumla okuchanekileyo, ukuhluka kwelwizi) Isantya (isantya esisiso) Ukwazi ukuthetha (ukubiza amagama ngokuvakalayo nokucacileyo)	Usakufumanisa kunzima ukwenza umbongo/ ingoma okanye isicengcelezo; udinga ukuncediswa rhoqo, akukho singqi	Ingqalelo iyalahleka; akahlali ethatha inxaxheba naninina; isingqi nelizwi azichanekanga	Uyakwazi ukwenza umbongo, kodwa usadinga ukuxhaswa; uyakwazi ukwenza uninzi lombongo ngokwakhe; usebenzisa isingqi nelizwi elivakalayo	Uyakwazi ukwenza umbongo/ isicengcelezo ngokukhululekiyelo nangokuzithemba; ubonisa isingqi esichanekileyo kwaye usebenzisa ilizwi ngendlela eyiyo.
Iintshukumo (ukushukuma ngokuzithemba, iimvakalelo)	Ufumanisa kunzima ukwenza iintshukumo.	Udinga ukuxhaswa ukwenza iintshukumo.	Wenza iintshukumo kakuhle	Wenza iintshukumo naninina kakuhle

UHLOLO

UHLOLO LWEZANDI LOKU-1 IZANDI: Ukuqonda izandi, ulwazi lonobumba-sandi, ukufunda igama (Iveki yesi-7 Mvulo ukuya ngoLwesihlanu)				3 x 4 = 12 amanqaku
Inkqubo: I-ORALI (1) Bonisa amakhadi omfanekiso ama-4. Kwikhadi lomfanekiso ngamnye buza ukuba: Yontoni lena? Ngubani isandi sokuqala/ngubani esokugqibela? Qhwabela uluhlu lwamagama (2) Bonisa umxube wamakhadi woonobumba abakhulu nabancinci wabo bonke onobumba abafundisiweyo kule kota. Abafundi mababize isandi. (3) Bonisa onootshuluza bamagama amabini alula usebenzisa onobumba abafundisiweyo. Abafundi mabafunde amagama.				
Ikhayitheriya	1	2	3	4
Ukuqonda izandi	Kumfanekiso om-1 uchonga ngokuchanekileyo isandi sokuqala nesokugqibela. Aze aqhware ngokuchanekileyo kuluhlu lwamagama	Kwimifanekiso emi-2 uchonga ngokuchanekileyo isandi sokuqala nesokugqibela. Kwaye aqhware ngokuchanekileyo kuluhlu lwamagama	Kwimifanekiso emi-3 uchonga ngokuchanekileyo isandi sokuqala nesokugqibela. Kwaye aqhware ngokuchanekileyo kuluhlu lwamagama	Kwimifanekiso emi-4 uchonga ngokuchanekileyo isandi sokuqala nesokugqibela. Kwaye aqhware ngokuchanekileyo kuluhlu lwamagama
Ukwazi unobumba-sandi	Uchonga ngaphantsi kwe $\frac{1}{4}$ yoonobumba abafundisiweyo abangaphantsi ngokuchanekileyo	Uchonga $\frac{1}{4}$ ukuya kwi $\frac{1}{2}$ yoonobumba abafundisiweyo ngokuchanekileyo	Uchonga $\frac{3}{4}$ yoonobumba abafundisiweyo ngokuchanekileyo	Uchonga bonke onobumba abafundisiweyo ngokuchanekileyo
Usebenzisa uLwazi lweZandi ukufunda amagama	Udinga inkxaso ukuqonda umsebenzi aze afake ulwazi kunobumba-sandi	Wenza iimpazamo ukubiza amagama omabini	Ubiza ngokuchanekileyo aze afunde igama eli-1 kodwa wenza iimpazamo kwelinye	Ubiza ngokuchanekileyo aze afunde amagama ama-2

UHQLOLO LOKU-1 UKUFUNDA NESICATSHULWA: Phinda ubalise amabali aziwayo uze uphendule imibuzo yoqobo nentsingiselo Iveki yesi-8 (Mvulo – Lwesihlanu)				3 x 4 = 12 amanqaku
Inkqubo: Bonisa umfundi umfanekiso kwiphepha lama-38 kwiNN (<i>uFudo noMvundla</i>) uze ubuze imibuzo				
Ikhrayitheriya	1	2	3	4
Umfundi ubalisa futhi ibali loFudo noMvundla ngolandeelano	Indlela yokubeka isivakalisi nesigama zilinganiselwe	Indlela yokubeka isivakalisi nesigama idinga ukuxhaswa	Abalinganiswa, nendlela yokubeka isivakalisi nesigama ziyaphucuka	Indlela yokubeka isivakalisi nesigama zichanekile
Umfundi uphendula imibuzo yoqobo lbingobani abalinganiswa ebalini? Kwenzeke ntoni ebalini? Ngubani ophumeleleyo?	Umfundi akakwazi kuphendula ngokuchanekileyo umbuzo woqobo nesicatshulwa	Umfundi uphendula ngokuchanekileyo umbuzo woqobo nesicatshulwa oyi-1	Umfundi uphendula ngokuchanekileyo umbuzo woqobo nesicatshulwa emi-2	Umfundi uphendula ngokuchanekileyo umbuzo woqobo nesicatshulwa emi-3
Umfundi uphendula imibuzo enentsingiselo kwaye unika uluvo lwakhe Bekutheni ukuze uMvundla alale? Kutheni ephumelele uFudo? Ngubani omthande kakhulu ebalini?	Umfundi akakwazi kuphendula umbuzo wentsingiselo ngesicatshulwa ngokuchanekileyo; akakwazi kunika uluvo lwakhe ngesicatshulwa	Umfundi ukwazi ukuphendula umbuzo om-1 wentsingiselo ngesicatshulwa ngokuchanekileyo; akakwazi ukunika uluvo lwakhe ngesicatshulwa	Umfundi ukwazi ukuphendula umbuzo om-1 wentsingiselo ngesicatshulwa ngokuchanekileyo; uyakwazi ukunika uluvo lwakhe ngesicatshulwa	Umfundi ukwazi ukuphendula imibuzo emi-2 wentsingiselo ngesicatshulwa ngokuchanekileyo; kwaye uyakwazi ukunika uluvo lwakhe ngesicatshulwa

UHLOLO

UHLOLO LOKU-1 UKUBHALA NGESANDLA Iveki yesi-8 Lwesine				2 x 4 = 8 amanqaku
Inkqubo: Yenza ephepheni okanye sebenzisa iincwadi zomsebenzi. Umfundi makabhale igama lakhe, ngokucocekileyo.				
Ikhrayitheriya	1	2	3	4
Ubamba ikhrayoni/ipensile ngokuchanekileyo	Umfundi akakwazi kubamba ipensile okanye ikhrayoni kakuhle	Umfundi uyakwazi ukubamba ikhrayoni okanye ipensile, kodwa iminwe iyadinwa; ngamanye amaxesha uyibamba kakuhle ipensile	Umfundi uyakwazi ukubamba ikhrayoni okanye ipensile; ngamanye amaxesha ubamba ipensile ngokungachane- nekanga	Umfundi uyakwazi ukubamba ikhrayoni okanye ipensile ngokuchanekileyo ngokukhulule- kileyo
Wenza amagama afundisiweyo ngokuchanekileyo, alingane ngobukhulu/ buncinci nezithuba ngaphakathi kwawo	Ubhala igama, usenza impazamo ezi-5 okanye ezininzi ukumisa unobumba, isithuba okanye ubukhulu/ ubuncinci	Ubhala igama, usenza impazamo ezi-3-4 okanye ezininzi ukumisa unobumba, isithuba okanye ubukhulu/ ubuncinci	Ubhala igama, usenza impazamo e-1-2 okanye ezininzi ukumisa unobumba, isithuba okanye ubukhulu/ ubuncinci	Ubhala igama engenzi zimpazamo

UHLOLO LOKU-1 UKUBHALA: Bhala uluhlu lwezinto ezi-4 zengxowa yepensile Iveki yesi-7 Lwesine (sebenzisa imifanekiso NT iphepha 130)				2 x 4 = 8 amanqaku
Ikhrayitheriya	1	2	3	4
Ubhala uluhlu lwezinto ezi-4 zengxowa yepensile	Ubhala into enye kuluhlu	Ubhala izinto ezi-2-3 kodwa ifomathi yoluhlu neziphumlisi azichanekanga	Ubhala izinto ezi-2-3 ngefomathi echanekileyo yoluhlu neziphumlisi.	Ubhala izinto ezi-4 nezigqithileyo ngefomathi echanekileyo yoluhlu neziphumlisi.
Uzama ukupela amagama	Akazami ukubhala engancedwanga ngu titshala	Ucela utitshala amnike wonke amagama ukuze akhuphele	Uyazama upela amagama ngokwakhe.	Uyazama rhoqo ukupela amagama kwaye akayeki oku kunciphise imvakalelo.

IIRUBHRIKI ZOHLOLO IZAKHONO ZOBOMI: IKOTA YOKU-1

Umsebenzi	1	2	3	4	5
ULwazi olusiSiseko & UkuziPhatha neNtlalo (uhlolo oluqhubekayo, Iveki yesi-2-9)					
UHLOLO LOKU-1 ULWAZI OLUSISISEKO Uyaqwalasela kwaye achaze iindidi ezi-4 zemozulu	Uqwalasela aze abhale ngokuchane-kileyo imozulu eshushu kuphela.	Uqwalasela ngokuchane-kileyo aze abhale izimo ezi-2 zemozulu (umzekelo, kushushu, kuyanetha)	Uqwalasela ngokuchane-kileyo aze abhale izimo ezi-3 zemozulu (umzekelo, kushushu, kuyanetha, kuyabanda)	Uqwalasela, achaze ngokuchane-kileyo aze abhale izimo ezi-4 zemozulu (umzekelo, kushushu, kunamafu, kuyanetha, kuyabanda)	Uqwalasela, achaze ngokuchane-kileyo aze abhale izimo ezi-5 zemozulu (umzekelo, kushushu, kunamafu, kuyanetha, kunomoya kuyabanda)
UHLOLO LWE-2 ULWAZI OLUSISISEKO Ulandela indlela eyenziwa rhoqo yokwenza izinto	Udinga uncdo rhoqo ukukhumbula ukulandela iindlela ezityenziswa rhoqo zokwenza izinto egumbini lokufundela nokuziphatha.	Udinga uncdo ngamanye amaxesha ukukhumbula ukulandela iindlela ezityenziswa rhoqo zokwenza izinto egumbini lokufundela nokuziphatha.	Ulandela iindlela ezininzi ezityenziswa rhoqo zokwenza izinto egumbini lokufundela nokuziphatha kuyaphucuka kodwa kusadinga ukuxhaswa.	Ulandela iindlela ezininzi ezityenziswa rhoqo zokwenza izinto egumbini lokufundela ngamanye amaxesha nokuziphatha	Rhoqo ulandela iindlela zonke ezityenziswa rhoqo zokwenza izinto egumbini lokufundela nokuziphatha
EzobuGcisa obuBonwayo (Iveki yesi-5, Mvulo, ephepheni lezobugcisa)					
UHLOLO LOKU-1 UZOBUGCISA OBUBONWAYO Upeyinta/azobe yena/umzobo womhlobo efakela amalungu – amehlo, iindlebe, impumlo, umlomo nesilevu	Upeyinta/azobe umzobo onelungu elinye lobuso	Upeyinta/azobe umzobo onamalungu amabini obuso	Upeyinta/azobe umzobo onamalungu amathathu obuso	Upeyinta/azobe umzobo onamalungu amane obuso	Upeyinta/azobe umzobo onamalungu amahlanu obuso kwiindawo ezichanekileyo ebusweni
EzobuGcisa beQonga (Iveki yesi-5, Lwesine)					
UHLOLO LOKU-1 EzobuGcisa beQonga Ulinganisa umdaniso weghambhutsi usebenzisa iintshukumo ezikwisingqi namalungu omzimba	Udinga ukukhuthazwa kwaye axhaswe ukuthatha inxaxheba emdanisweni	Ulandela utitshala ukulinganisa umdaniso weghambhutsi kwaye ubonisa ukuqhwaba nokungqisha	Ulinganisa umdaniso weghambhutsi ngaphandle kokuncediswa, esebenzisa amalungu omzimba (ekuqhwaba, ukungqisha, ukunqakazisa iminwe)	Ulinganisa umdaniso weghambhutsi esebenzisa amalungu omzimba (ekuqhwaba, ukungqisha, iminwe) kwaye esebenzisa iintshukumo ezikwi singqi esidaliweyo	Ulinganisa umdaniso weghambhutsi ngokuchane-kileyo, esebenzisa iintshukumo ezikwi singqi (ekuqhwaba, ukungqisha, ukunqakazisa iminwe)
Ezemithambo (Iveki yesi-6, Lwesibini-Lwesihlanu)					
UHLOLO LOKU-1 EZEMITHAMBO Utsiba izinto kwaye urhubuluza phantsi kwemiqobo yokuzisebenza, uyakhasa, uyanyuka, uyaxhuma	Uyahamba Phakathi kwemiqobo yokuzisebenza	Uyazama ukuqabela imiqobo yokuzisebenza	Uhamba ngokhasa phantsi kwemiqobo yokuzisebenza	Ubonisa indlela yokukhasa phantsi kwemiqobo yokuzisebenza kwaye nokunyuka	Ubonisa indlela yokukhasa phantsi kwaye anyuke aze axhume imiqobo yokuzisebenza

Igama: _____

Umhla: _____

ULwimi lwaseKhaya, uHlolo loku-l lokuBhala (iVeki yesi-7)

Bhala uluhlu lwezinto ezine ezikwisingxobo sakho sokufaka iipensile. Zizobe ukuba unalo ixesha.

Uluhlu lwesingxobo seepensile

1

2

3

4



Funda Wande

Reading for Meaning